

Wes-Kaap Onderwysdepartement  
Western Cape Education Department  
ISebe leMfundo leNtshona Koloni

# Jaarverslag Annual Report INgxelo yoNyaka

## 2006/07

©2007 Western Cape Education Department



PR Number: PR90/2007  
ISBN Number: 978-0-621-37206-9

To obtain additional copies of this document please contact:  
Head Education, Private Bag X9114, Cape Town, 8000.  
Tel: 021 467 2531  
Fax: 021 461 3694  
E-mail: media1@pgwc.gov.za

Om verdere afskrifte van hierdie dokument te bekom, tree asseblief in verbinding met:  
Hoof Onderwys, Privaatsak X9114, Kaapstad, 8000.  
Tel: 021 467 2531  
Faks: 021 461 3694  
E-pos: media1@pgwc.gov.za

Ukuba ufuna iikopi ezongezelweyo zolu xwebhu, nceda uqhagamshelane kunya:  
NeNtloko: kwezeMfundu, Private Bag X9114, Cape Town, 8000  
Ummxeba: 021 467 2531  
Ifekisi: 021 461 3694  
I-E-Mail: media1@pgwc.gov.za

# **ISebe leMfundu leNtshona Koloni**

**Ingxelo yonyaka: 2006/2007**

<b>Iziqulatho</b>	<b>Amaphepha</b>	
Ingcaciso ngokubanzi	1-10	<b>(Icandelo 1)</b>
Indlela ekuqhutywe ngayo	1-83	<b>(Icandelo 2)</b>
Ingxelo yeKomiti yaBaphicothi-ncwadi	1-3	<b>(Icandelo 3)</b>
lingxelo-mali zonyaka	1-63	<b>(Icandelo 4)</b>
ULawulo IwezaBasebenzi	1-28	<b>(Icandelo 5)</b>

## **INGABULA-ZIGCAWU NGUMPHATHISWA WEMFUNDU WEPHONDO, UCAMERON DUGMORE**



Lo nyaka ube ngunyaka wokungena kwisahluko esitsha kwiSebe leMfundu leNtshona Koloni (i-WCED), nanjengoko sisandula kuphetha isigaba sokuqala seProjekthi yoHlengahlengiso lwaBasebenzi (*Redesign Project*) ngokuzalisa izithuba zeNkonzo yaBaphathi aBakhulu (*Senior Management Service*).

Ngoku sikwisigaba sesibini sokuzalisa izithuba zabalawuli abaphakathi. Into yokuba kube kuza kuchithwa ngaphezu kwama-70% ebhajethi isetyenziselwa ukunika amandla izithili neesekethe, ithetha ukuba izikolo zethu ziya kufumana inkxaso eyimpumelelo kakhulu.

Kwakhona i-WCED iye yazandisa izithuba zemisebenzi yokufundisa ngama-747, ukusuka kuma-30,872 ngo-2007 ukuya kuma-31,619 ngo-2008. Kuya kwandisa inani lootitshala abafundisa kwisiGaba sesiSeko, ukunciphisa amanani aphezulu eeklasi kumaBakala 1 - 3 – ukusuka kumlinganiselo wabafundi abafundisa ngutitshala oyi-39:1 ukuya koyi-37,5:1.

Ndikholelwa ekubeni amandla okwazi ukulungiselela nobugcisa besebe i-WCED ukuphumeza iiProgram zoPhuhliso IweZakhono zoLuntu (*Human Capital Development Programmes*) ziya komelezwa njengomba odlala indima ephambili kuphuhliso Iwezogqoqosho oluzinzileyo (*sustainable economic development*).

Uhlengahlengiso Iwabasebenzi (*redesign*) ibilungenelelo olucwangcisiweyo (*systemic intervention*) olujolise ekwandiseni amandla eli sebe okukhawulezisa iprogram yenguqu kwiinzame zokufikelela kwimfundu esemgangathweni ukwenzela uluntu oluhlelelekileyo ngokwembali yeli (*historically marginalised communities*).

limfuno zophuhliso zelizwe zithetha ukuba kufuneka siligcine lisebenza iphulo lokuxhotyiswa ngezakhono eliyela laqaliswa. Aysisithelanga imingeni emikhulu esijongene nayo, ngokoluvo lwam, eyona ibaluleke kakhulu kuyo iluLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala (*Literacy and Numeracy*), uKhuseleko; ukuBonelelwa ngeZiseko zoPhuhliso (*Infrastructure Provisioning*); kunye nokuphunyezwa ngempumelelo kwe-FET ezikolweni nasezikholejini.

Umbono wam ngeli sebe yikharityhulam nenqubo yemfundu eya kukhokelela ekwandenai kokulingana kwezentlalo (*social equality*) nokukhula kwezoqoqosho ngendlela ephinda-phindeneyo neyeyona ichanekileyo nelungileyo yophuhliso nalapho impumelelo kazwelonke iqinisekiswe ngezinto ezitsa zobungqondi neyona thekhinolaji yakhe yabhetele yale mihla.

Ukuze sikuphumeze oku kungasentla, kufuneka kwakhona kukhuthazwe uthatho-nxaxheba ngempumelelo engaphezulu kwemibutho engekho phantsi kukarhulumente (*Non Governmental Organisations*) namashishini abucala ukuba azixhase ngokupheleleyo iimbono zethu zophuhliso Iwezakhono.

Ndijonge phambili ngethemba kunyaka apho singaqhubeli nje phambili kwizicwangciso zokuphumeza inkqubo yobulungisa (*equity*) nokulungisa ubugwenxa bexesha elidlulileyo (*redress*), koko kunyaka apho liya kuthi iziko lemfundu ngalinye limisele iithagethi ezicacileyo kwaye kufuneke liphendule ngelikwenzayo ukuphumeza zona.

## ICANDELO 1 – INGCACISO NGOKUBANZI

### Intshayevelo yentloko yeziko

ISebe leMfundu leNtshona Koloni (i-WCED) lenze inkqubela enku lu ekuphumezeni iinjongo zikazwelone nezephondo kunyaka-mali ka-2006/07.

Iprojekthi eziphambili zibandakanya iprogram yohlengahlengiso Iwe-WCED, eya kuqinisekisa ukuba isebe eli linamandla okuphumeza isiCwangciso soPhuhliso IweZakhono zoLuntu (*Human Capital Development Strategy*) saseNtshona Koloni (i-HCDS). Esi sicwangciso sisiseko se-iKapa eliHlumayo, esisicwangciso sokukhula nokuphuhla kwephondo.

Ezinye iingongoma ezibalulekileyo zibandakanya isiCwangciso soLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala se-WCED, esakhelwe ukuphucula umgangatho wolwazi nempumelelo yabafundi kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala, ngakumbi kwisiGaba sesiSeko.

I-WCED ifikelele kwinqanam elibaluleke kakhulu, ikunye namanye amaphondo, xa sasiqalisa ukuphumeza ikharityhulam kazwelone yamaBakala 10 - 12, ukuqalela kwiBakala 10 ngo-2006. Inkubo yokuqalisa ikharityhulam enye kazwelone ngoku seyisondela ekugqityweni. Eli lixesha elibaluleke kakhulu kwimbali yemfundo eMzantsi Afrika.

UMphathiswa weMfundu wePhondo, uCameron Dugmore, umisele iiprayorithi zonyaka ka-2006/07 njengenxaleny yomnqweno ongemandla we-WCED wokufikelela kwiinjongo ze-HCDS. Ezi prayorithi zintlanu zezi:

- ULwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala
- Ukuqaliswa kwekharityhulam entsha kumaBakala 10 - 12
- Ukuxhaswa kwakhona ngemali (*recapitalising*) kwe-FET
- Ukhuseleko ezikolweni
- IProjekthi yoHlengahlengiso Iwe-WCED

### ULwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala

I-WCED yenze uphando ngenkubo yabafundi abakumaBakala 3 - 6 kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ukusuka kowe-2002 ukwenzela ukufumana ingcaciso yokuxhasa izicwangciso zokuphucula umgangatho wemfundo nenqanaba lempumelelo ezimviweni kwizikolo zeNtshona Kapa.

I-WCED iqalise izicwangciso zokuphuhlisa ulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala (*literacy and numeracy strategies*) ukuze ihangabbezane nemingeni eqatshelwe lolu phando. Nakuba kunjalo, iziphumo ziye zaqhube ka zibonisa ukuba isebe eli kufanele lisebenzise iindlela zongenelelo oluqlanganiswe kakuhle (*well-integrated interventions*) zokusombulula yonke imiba yemfundo kwizikolo zethu, kwiintsapho zethu nakubahlali bethu.

Ngako oko ke ngoJulayi ka-2006, i-WCED iye yaqalisa isicwangciso solwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala esiya kugxininisa ekomelezeni nasekuyondelelaniseni izicwangciso esele zikho ngeendlela eziza nempumelelo engapezulu nokuvelisa iindlela ezintsha ezinokulandelwa.

Iindlela ezintsha ezilandelweyo ngonyaka ka-2006 zibandakanya ukuqeshwa kwabancedisi bootitshala abangama-510 kwizikolo zaseprayimari ezili-163 ukuze banike inkxaso kootitshala bamaBakala 1 - 3 kwiindawo ezhilelelekileyo. Siqhubekile neli ling (pilot) ngonyaka ka-2007. limpawu zibonakalisa ukuba ukho umahluko.

I-WCED iqeshe igqiza leengcali ezili-100 ezisebenza ngokusondeleyo kakhulu nezikolo ukuphumeza esi sicwangciso kwiNtshona Koloni iphela. Eyona nto zigxininisa kuyo kukunika inkxaso ootitshala kwigumbi lokufundisela ukuze komelezwe iinkqubo zokufunda nokufundisa.

Imiba ephambili yeqhinga lelitheresi kwakunye nolwazi lokusebenzisa amanani iquka inkxaso nophuhliso lweetitshala; iinguqu kwizinto ezenziwa kumagumbi okufundisa; ujoliso oluhalaziweyo kwiminyaka yokuqala yokukhula komntwana; ilitheresi nolwazi lokusebenzisa amanani elusatsheni naseluntwini jikelele; uphando; ukwaluswa nokuxhaswa; ulungelelano; uphuhliso olusisigxina; kwakunye nezixhobo zokufunda nokufundisa.

I-WCED yenze uphando lwenqubela phambili nempumelelo kubafundi beBakala lesi-3 abangama-82 879 kwizikolo ezili-1 086 ngo-Oktobha noNovemba wonyaka ka-2006. Iziphumo zibonakalise ukuba iqondo lokuphumelela kwabafundi beBakala le-3 kwiltheresi libe buphucuka ukusuka kuma-39.5% ngonyaka ka-2004 laya kuma kuma-47.7% ngonyaka ka-2006, nto leyo ethetha ukwanda nge-8.2%. Loo nto ke ithetha ukuphucuka nge-12.2% ukusuka kunyaka ka-2002 ukuza kuthi ga ngoku. Asizingci kakhulu ngeziphumo zophando zolwazi lokusebenzisa amanani, nezithe zabonakalisa ukwehla nge-6.5% ukusuka kuma-37.3% ukuya kuma-31%.

Nakubeni nje impumelelo nenqubela phambili kulwazi xa iyonke ingancumisi kuyaphi okwangoku, ukuphucuka kweziphumo oku kuyakhuthaza kwaye kubonakalisa ukuba izinto zolamlo nongenelelo ezikhethekileyo ezinokwenziwa zokuphucula iziphumo zingasebenza. Kodwa ke iqondo lokuphumelela kwiimviwo lisephantsi kakhulu, ngoko ke siza kuthi gqolo sifezekisa icebo lethu lelitheresi nolwazi lokusebenzisa amanani ukuqinisekisa impucuko eqhubekayeo kwiziphumo.

### **I-FET ezikolweni**

I-WCED isondele ngokusondela ekusongeni inkqubo yokusebenzisa nokufezelekisa ikharityhulamu entsha yesizwe ngokuthi yazise ikharityhulamu entsha ye-FET ezikolweni kwiBakala le-10 ngoJanuwari wonyaka ka-2006.

Amasebe emfundu azisa ikharityhulamu ye-FET ezikolweni ngokwamanqanaba ngamanqanaba, ukususela kwiBakala le-10 ngonyaka ka-2006, ze kwallandela iBakala le-11 ngo-2007 ze kuggityezelwe ngeBakala le-12 ngowe-2008. UMzantsi Afrika uya kuwonga ngeziqinisekiso zokuqala zokuphunyelelw kwemfundu ezikolweni ezisekwe kwikkharityhulamu yesizwe ngowe-2008.

I-WCED ikulungiselele ukufezelekisa kwekharityhulamu ye-FET ukuqala kwiBakala le-10 ukuya kuma kwele-12 kwiminyaka emine phambi kowe-2006. Isebe eli liquuzelele oomasifundisane abathe bahlanganisa ootishala abangama-8 372 kwiindawo zendibano ezili-136 kwiholide zesikolo zikaJuni/noJulayi zowe-2006 ukulungiselela ukuze kufezelekisa ikharityhulamu yeBanga le-11 ngonyaka we-2007. Malunga nootishala abali-1 500 bathe bathatha inxaxheba kwiiseshoni ezongezlelekileyo ngeeholide zikaSeptembra.

Kwangaxeshanye i-WCED iququzelele oomasifundisane abahlanganise ootishala abangaphezulu kwama-5 700 kwiindawo zendibano ezingama-93 ngeeholide zika-Julayi ngowe-2006 ukulungiselela ukwaziswa kwekharityhulamu yesizwe ehlaziyiweyo kumaBanga 8 nele-9 ngowe-2007. Le nto ithetha ukuba i-WCED iququzelele ootishala abangaphezulu kwama-14 000 oomasifundisane ngekharityhulamu yesizwe kumabanga ezikolo jikelele nakumabakala emfundu ephakamileyo noqequesho kunyaka lo.

### **likholeji ze-FET**

Unyaka ka-2006/07 ukhombise isiqalo senkqubo yeminyaka emithathu kazwelonke yokuguqulwa kweekholeji ze-FET, ukuze zilungelelane neemeko zoqoqosho, exabisa i-R1.9 lesigidi-gidi (*billion*). I-WCED ifumene imali engama-R70 ezigidi yokwenza le nkqubo ngonyaka ka-2006/07, nekuthe kuqunkunjewa unyaka-mali yabe loo mali isetyenziswe yonke kutyalo mali lwale nkqubo.

Iprojekthi zokuhlangabezana nale nguqulelo kunyaka lo ziuke ukuqeleshwa kwabasebenzi abangama-496 beqeqeshwa kwiKharityhulamu yesizwe (yeNgqequesho-msebenzi) ze kwakhiwa nezixokelewano zolawulo ezibandakanya izixhobo zokusebebza ezithengisekayo, kwakunye nolawulo ngokomgangatho nangokwezezimali.

I-WCED iyisebenzisele imali le ukuxhobisa nokuhlaziya oomasifundisane abangama-32 kwanokuphucula iilebhu zekhompyutha ezintathu kwanamaziko amajelo okufunda kwabafundi ali-12. Isebe eli lakhe amagumbi okufundela ali-16 laza lahlaziya amanye asele ekho angama-40, lo gama kuthe ngaxeshanye kwaphuculwa amanxiwa amaziko emfundu angama-32. Imlali ezi zisetyenziselwe ukuthenga izixhobo namajelo axhasa ukufunda nokufundisa, kwiinkqubo ezintsha ezili-11 zeNqanaba lesi-2, ezisekwe kwiKharityhulamu yeSizwe (yeNgqequesho-msebenzi) kumaziko emfundu angama-31.

I-WCED yazise iiNkqubo ezintsha ezili-11 zesiQinisekiso seNgqequesho-msebenzi kwiikholeji ze-FET ngowe-2007. linkqubo zeminyaka emithathu zinikezela ngeemfanelo kwiZinga le-2, ele-3 nele-4 eSakheko seziQinisekiso sikaZwelonke, nezibandakanya amathuba okuphuma ngokusesikweni esikolweni emva konyaka ngamnye. Imimandla efundwayo iquka uLawulo, ezeziMali, uLwazi lwezobuChwepheshes, uLwazi lweNtengiso, uKongamela nokuPhatha, ezoKwakha nolwaKhiwo lweeNdlela, ubuNjineli nedlela zokuYila, ukuBunjwa kwezbonelelo zoMbane, ezoLimo, uBubele nokutenda kweendwendwe noKhenketho.

Urhlumente wePhondo unikezele ngemali engama-R25 ezigidi eyimboleko-mali yokufunda ngonyaka ka-2006/07 njengenxalenye yeqhinga leKapa Elihlumayo ukuze kuphucuke ukufikeleleka kweekholeji ze-FET kubafundi abasuka kumakhaya ahlelelekileyo. Bangaphezulu kwabafundi abangama-8 000 abathe baxhamla kwezi mali-mboleko zokufunda zingenzala kulo nyaka.

### **Ukhuseleko ezikolweni**

ICandelo loKhuseleko eziKolweni libe negalelo elikhulu kakhulu ukuqinisekisa ubomi benzolo nokhuseleko ezikolweni ukusuka oko i-WCED yayisungulay le nkqubo ngowe-1999. ICandelo eli libe nentsebenziswano eyongezelelekileyo namaqela ngamaqela kutsha nje ukuze kuLangatyezwane neemeko ezanda mihla le ezicela umngeni kwizikolo zethu njengobuhlwemphu, ubugebenga, udushe, amaqela oonqal' intloko, kwanokusetyenzisa kweziyobisi.

lingongoma eziphambili zowe-2006/07 ziQuka ugxininiso olulodwa kwizikolo ezili-109 ezithathwa njengezona zinobungozi. Ezi ngongoma zibandakanya ukuphculwa kwezbonelelo zokhuseleko, njengamasango alawulwa ngeerimowuthi anekhamera ze-CCTV kwakunye nezixokelewano ze-intakhom, amasango asetshayo, amasango aneentsimbi kwakunye neeyadi ezomeleleyo, kwakunye nemiqathango yokhuseleko ehambisana nesiKhokelo soKhuseleko eziKolweni. ISebe loKhuseleko loluNtu lisasaze amavolontiya kaBambanani ukuze abe nokuba ngabalindi kwizikolo ezili-109 ze kukhuseleke abafundi kwakunye nootitshala.

UKhuseleko eziKolweni lufuna ukwenza ifuthe negalelo elibonakalayo ngokwentaliswano nozinzo kwakunye nokwenza qilima imbonakalo yezikolo zethu. linkqubo ezizodwa ziQuka iingxoxo ezibanjwa ngabafundi, iinkqubo zokwakhiwa kwezimilo, uqeqesho lokusombulula udushe nolamlo nongenelelo kwakunye nokuqeqeshwa kwabalamli abakwangabafundi. I-WCED iqueshe abaSebenzi abangabaXhasi baFundi ukuze bancedise ekuphungulen'i ukutshiniza bakhuthaze neemvakalelo ezelungileyo ekufundeni nasekufundiseni.

Kodwa kuyo yonke loo nto, sixhomekeke ezintsatsheni naseluntwini ukuze lusincedise ekwakheni intlalo esekelwe kwinqbo ezsengangathweni zentlonipho nonyamezelwano kwaye siya kuthi qqolo sisebenzisana nabo bonke ababandakanyekayo nabathwele uxanduva lwezinto ezininzi ukuqinisekisa intlalo ekhuselekileyo neyakhayo eyimfuneko ekufundeni nasekufundiseni okufanelekileyo.

### **Ulwakhiwo ngokutsha lwe-WCED**

Iprojekthi ye-WCED yokwakha ngokutsha ikhombisa isigaba sokuqala sokufezekeisa kweQhinga loPhuhliso lobuTyebi boluNtu eNtshona Kapa (i-HCDS). Isebe eli liye laqalisa iprojekthi le kancinci nje emva kokusungulwa kwe-HCDS ngoMatshi kowe-2006.

I-WCED iye yabandakanya abacebisi bezolawulo i-ODA, ukuze incedise isebe eli ekubhexesheni le projekthi. Emva kogayo zimvo neengcebiso olubanzi, iqela lokwakha ngokutsha liye laqukumbela isakheko esibanzi ngoDisemba kowe-2005. Ikhabbhinethi iye yasiphumeza esi sakheko esibanzi ngoFebruvari wonyaka ka-2007.

Awona manqanaba okuqala angundoqo esiyilo sesakheko esibanzi ngawokubeka ebuhleni iisekethe njengezona ndawo emakujoliswe kuzo zokunikezela iinkonzo ezikolweni, kwanokubeka izithili njengetyona mimandla emakujoliswe kuyo ngokolawulo lwemfundo, kwakunye nokubeka i-ofisi eyongameleyo njengendawo emakujoliswe kuyo kulwakhiwo lomgaqo-nkqubo, ulungelelwaniso, umalusi kwakunye nohlolo.

Ngesithuba sowe-2007, iqela lolwakhiwo ngokutsha liya kujolisa kuyilo-sakhiwo ngokunzulu ngokuqwalasela iinkcukacha ezincinane eziyimfuneko ekuqinisekiseni impumelelo yesakhiwo se-WCED esihlaziywego. Isebe eli liya kusisebenzisa ngokwezigaba isakheko esi kwisithuba seminyaka emithathu.

## **Ezinye iingongoma ezipambili**

### *Iziphumo zeMatriki*

INtshona Kapa ifumene ama-83.7% nelilelona nani liphezulu kweli lizwe labafundi abebechophele iimviwo zokuphela konyaka zeMatriki ngowe-2006. Inani labafundi abaphumeleleyo xa bebonke abebechophele iimviwo ngama-33 3166, nto leyo ebonakalisa ukwanda ngama-743 xa kuthelekiswa nonyaka ka-2005.

Kananjalo nobulunga bendlela abaviwa okanye abalingwa abaphumelele ngayo ibuphucu-phucuka. Inani labaviwa abaphumelele ngeentlomela ezinokubavumela ukungena eyunivesithi (elili-10 589) lenyuke nge-195 xa lithelekiswa nelo lonyaka ka-2005, lo gama bona abaviwa abaphumelele emaggabini inani labo liqhubeka nokwenyuka de laya kuma kuma-2 280 (5.73%), nelilelona nani lincomeka kakhulu kolu luhlu kwisithuba seminyaka emihlanu, ukusuka kunyaka ka-2002 ukuya kuma kunyaka ka-2006.

Iqondo lempumelelo kwiimviwo ezikolweni ebezifudula ziphantsi kweSebe lemFundo noQeqesho (i-DET) lenyuke nge-3.68%. Iqondo lentlomela yokungena eyunivesithi kwizikolo ebezifudula ziphantsi kwe-DET liye laba nokuphucu-phucuka okucothayo kule minyaka mihleni idlulileyo, kwaza kwakho ukwanda okuncinane kwiqondo lokuphumelela emaggabini. Nakuben iunjalo, iqondo lokuphumelela ngentlomela yokungena eyunivesithi ezikolweni ebezifudula ziphantsi kweNdlu yabaMeli kwakunye nezo bezifudula ziphantsi kwe-DET lisengaphantsi kwe-14% xa lithelekiswa nama-52% kwizikolo ebezifudula ziphantsi kweSebe lemFundo laseKapa. Le nto ibonakalisa imiceli mngeni emininzi esashiyekileyo lo gama sizama ukuqinisekisa ukufikeleka kwemfundu elungileyo ngabo bonke .

### *Ukuzibekela imida*

NgoMatshi ka-2007, iinqununu zezikolo, amaqumrhu ongamele izikolo kwakunye namabhunga abameli babafundi batyikitya izibophelelo zokuzibekela imida yokuphucula iqondo lokuphumelela kwiimviwo ezikolweni zabo. Eli qalo yinxalenyemizamo ebanzi yokulwa nesantya sokulahla kwabafundi phakathi kwizikolo zamabanga aphakamileyo, kwanokwandisa inani labaviwa okanye abalingwa abaphumelela iimviwo zebanga leMatriki ngentlomelo yokungena eyunivesithi, okanye ziphunyelelwengoshiya-shiywano, okanye ziphunyelelwengoshiya-shiywano, okanye ziphunyelelwengoshiya-shiywano emaggabini.

Inyathelo eli lilandela uhlalutyo kwakunye nogayo lweengcebiso. I-WCED ilungiselele izikhokeli eziqingqiweyo ekunokulandelwa zona ukuze kube lula nokusiphi na isikolo ukuzisikela le mida. Imida le iza kuthi ekuqaleni iqualthe amabanga 10 ukuya kwele-12. Isebe eli liza kuthi licele izikolo ukuba ziseke imida kunyaka ka-2007 ukwenzela ukuthoba isantya sabafundi abalahla phakathi ezikolweni kumbanga 9 ukuya kwele-12. Izicwangciso-zendo kufuneka zikhhatshwe yimida esikiweyo, kwaye kufuneka zibandakanye bonke abachaphazelekayo ukuqala kumfundu, kumzali nakutitshala.

### *Iminyaka yokuqala yokukhula komntwana (i-ECD)*

I-WCED kwakunye namahlakani ayo kurhulumente wephondo imisele inkubo yemfundiso kwiindawo ezinemisebenzi kootitshala abangama-900 kumaziko alungiselela ukuqala komntwana esikolweni ngomhla we-11 Agasti ngowe-2006, nkubo leyo eyilelwengoshiya-shiywano ukufikeleka kwe-ECD elungileyo. Iprojekthi le ibe yinxalenyemphulo leSiyabulela eliqaliswe yinKulumbuso yephondo, projekthi leyo eya kuba negalelo kwiNkubo yemiSebenzi yoLuntu eyandisiweyo (i-EPWG).

Inkubo yoqeqesho yinxalenyemphulo eyehinga elihlangeneyo lokuxhasa i-ECD, ebandakanya amasebe ephondo: elemFundo, eloPhuhliso loLuntu, elezemPilo kwakunye neloKhuselo noKhuselo. Abalingwa baqalise inkubo yabo yoqeqesho lomsebenzi enyanga zili-18 ngoSeptemba kowe-2006. Abanikezela ngeenkonzo baqalise ngoqeqesho oluye lwahlawulelwengoshiya-shiywano yi-WECD.

linkubo zoqeqesho ziQuka icandelo lethiori kwakunye nelisekwe kumava, ze kunikezelwe ngeziqinisekiso ezisekwe kwimigangatho emiselwe Sisakheko seziQinisekiso zikaZweloneko (i-NQF). Inkubo le iqeqesha abantu abangama-200 kumGangatho woku-1, abantu abangama-500 kumGangatho we-4, ze ibe ngabantu abangama-200 kumGangatho we-5.

Kwangaxeshanye, i-WCED iyaqhubekeka nokwandisa ukufikeleleka kwe-ECD, ukuzama ukuhlangabezana nemida esekwe yi-HCDS. Isebe eli liye lanikezela ngoncedo-mali kubafundi abongezelelekileyo abangama-6 000 abafunda kumagumbi okufundela eBanga R kulo nyaka-mali.

#### *IsiCwangciso seNguqu kwiiLwimi*

I-WCED iye yamisela isiCwangciso sayo seNguqu kwiiLwimi ngomhla wama-28 Februari kowe-2007, nto leyo ilandele ugayo lweengcebiso, ukuceba nokucwangcisa kuhlanganiswe iintloko neengcaphephe nabaqlunqi beelwimi. Imibandela ephambili yesicwangciso esi iquka ukuxhaswa kwemfundo yeelwimi ezimbini esekelwe kulwimi lwenkobe kwiminyaka emithandathu yokuqala ubuncinane naphi na aphi okunokuthi oku kusebenziseke khona, kothi ke emva koko kuqhutyekwe phambili neqhinga eli ngokufundisa iminyaka emithathu ubuncinane ngazo zontathu iilwimi ezisesikweni zephondo.

Uphando lubonakalisa ukuba abafundi abathi beslula baphuhlise izakhono zabo zelitheresi kwakunye nolwazi lokusebenzisa amanani ngolwimi lwabo lwenkobe, badla ngokwenza ngcono kakhulu ngokweziphumo zempumelelo kunabafundi abafunde ngolwimi olongezelelwego lwsibini okanye olwesithathu. I-WCED iphonononga esi siCwangciso kwizikolo ezili-16. I-WCED imemelela izikolo ukuba zithabathe inxaxheba kule projekthi. Isicwangciso esi yinxalenye yeQhinga le-WCED leLitheresi noLwazi lokusebenzisa amanani.

#### *Izikolo ezingahlawulisiyo*

UmThetho-sihlomelo wemiThetho yemFundo, u-24 ka-2005, uguyazisa uMphathiswa kaZwelonke ukuba achonge uluhlu lwezikolo ezingahlawulisiyo.

UMphathiswa kaZwelonke ugqibe ekubenzi zonke izikolo ezikwiqondo lokuhleleleka lokuqala nelesibini kufuneka ibe zizikolo ezingahlawulisiyo ukususela ngomhla wo-1 Januwari ngowe-2007. Naxa kunjalo, amaphondo anako ukumema naziphi na izikolo azibonayo ukuba zifanele ukufaka izicelo zewonga lokungahlawulisi ngokuzithandela kwazo ngonyaka ka-2006.

I-WCED imeme izikolo ezikwizintlu ezithile zohleleleko ukuba zifake ngokuzithandela kwazo izicelo zewonga lokungahlawulisi ekuqaleni kowe-2006. Izikolo ezingama-419 zizonke ziye zasamkela isimemo. Iwonga lokungahlawulisi liqale ukungeniswa ngomhla wo-1 Meyi kowe-2006. Ngemvume enikezwu nguMphathiswa, i-WCED iye kananjalo yamema izikolo ezikwiqondo lentlupheko lesithathu likazwelonke ukuba zifake izicelo zewonga lokungahlawulisi. Izikolo ezingama-245 ezikwiqondo lentlupheko lesithathu kuzwelonke ziye zakhetha ukulithatha iwonga elo.

Ngowe-2007, iwonga lokungahlawulisi kwizikolo ezichongiweyo ezikwiqondo lentlupheko kazwelonke lokuqala nelesibini ezingama-407 liye lanyaneliswa. Izikolo ezingama-245 ezikwiqondo lentlupheko lesithathu kazwelonke ziye zaqhubeka nokukhetha iwonga lezikolo ezingahlawulisiyo, nto leyo eyenze ukuba inani lezikolo ezingahlawulisiyo kwiphondo liye kuma kuma-652. Ezi zikolo zidibanisa umthamo we-45% owoxulwa kwizikolo ezingama-1 452 zeleNtshona Kapa. Malunga nabafundi abangama-345 000 bafunda kwezi zikolo, nabathi badibanise umthamo wabafundi abangama-38% aboxulwe kubafundi bebonke beli phondo.

#### *Iphulo lezikolo zoluntu*

Bangaphezulu kwama-200 000 abafundi nabahlali abangama-500 000 abathe bathabatha inxaxheba kwiveki yokungenisa esikhundleni nokusungulwa kwePhulo le-WCED leziKolo zoluNtu ukusukela kumhla we-14 ukuya kuma kumhla we-18 ku-Agasti ka-2006. Iphulo eli yingcinga eyintsusa ka-MEC Dugmore yokwakha ubutyebi boluntu, kwanenxalenye yemiBhiyozo yeKapa eliFundayo.

I-WCED inikezele nge-R1 000 kwisikolo ngasinye esithathe inxaxheba njengembewu yotyalo-mali yokuxhasa iinkqubo ezakhelwe ukusetyenziswa nokumelwa luluntu kwiinggaq zabo. Imizekelo yeeprojekthi eziqquzelelwego zizikolo ziquka ezinye zazo ukuqalela "ekwamkelweni ngeenjongo zokukhulisa" indawo yoogob' ityholo ukuze kwenziwe ucoco lwendawo, kulungiswe izakhiwo zezikolo ezonakalisiweyo, kunikwe uhoyo kwiinkonde neenkondekazi, kwenziwe izenzo zokutefisa nokonga, kubekho amaphulo ofundo zincwadi, kubekho ukhuphiswano lweentandane zomculo zasekuhlaleni, njalo njalo.

## *Ulawulo loshishino Iwezikolo*

I-WCED ihlangene namahlakani ayo ase-United Kingdom naseMzantsi Afrika iye yamisela inkqubo entsha yoqequesho kuLawulo loShishino IweSikolo ngo-Aprili kowe-2007. Injongo yale nkqubo kukwakha amandla okupathha nolawulo Iwezikolo.

I-WCED ikunye namahlakani ayo engingqi le nawamazwe ngamazwe ibumbe le nkqubo ngonyaka we-2006 emva kotelelo lukaMphathiswa uDugmore e-UK lokufumanisa ngakumbi ngezinto ezenziwayo kwelo lizwe ukupuhhlisa izakhono zokulawula ushishino Iwesikolo.

Amahlakani ekusetyenziswa nawo aquka i-Manchester Metropolitan University (UK); i-National College of School Leadership (NSCL) (UK); i-Institute of Administrative Management (IAM); i-South African Bursars Institute of South Africa (SABISA); kwakunye ne-Independent Schools Association of South Africa (ISASA).

linkqubo le iya kuqala kumgangatho aphi ubani afumane imfaneleko yesatifiketi kwikhosi yoLawulo loShishino IweSikolo ukuya kuma kwisdanga seMasta. I-WCED isebezisana neYunivesithi yeNtshona Koloni (i-UWC) ukunikezela ngeenkqubo zokufunda ezenza ubani abe nokufumana isidanga xa ezigqibile ze isebezisane neekholeji ezintandathu zephondo zemFundo ePhakamileyo noQeqesho ukunikezela iinkqubo zokufunda ezifumanisa isatifiketi xa ubani athe wayigqiba inkqubo.

## *Isivumelwano semfundo neShandong*

I-WCED kwakunye neSebe leMfundu lePhondo eShandong eTshayina ityikitye isivumelwano sentsebenziswano kudederhu lweeprojekthi zemfundo ngoJanuvari ka-2007. Isivumelwano esi yinxalenye yesivumelwano esibanzi esatyikitywayo phakathi kweNkulumbuso u-Ebrahim Rasool wePhondo leNtshona Kapa kwakunye noMnu. uHan Yunqun, oyiRhuluneli yePhondo iShandong ngoJulayi kowe-2006. Isivumelwano esi siqulathe intsebenziswano kuqoqosho, urhwebo, uthalo-mali, ulimo, ezokuloba, ukhenketho, imfundu, amandla ombane kwakunye nonyango.

Impawu eziphambili zesivumelwano ngemfundu ziukwa ukutshintshiselana ngabasebenzi abasafundela amakhondo abo; ukuxhaswa kweZiko leeLwimi neNkcubeko yaseTshayina elikwiYunivesithi yaseStellenbosch; ukukhuthaza unxibelewano lolutsha lwalla maphondo mabini; ukubhexesa ukutshintshiselana ngeencwadi zokufundisa; imboniso ngezenkcubeko; kwakunye nentsebenziswano kuwo onke amanqanaba emfundu kuwo omabini la maphondo.

## *iiMbasaa zeeNkonzo eziGqwesileyo zeNkulumbuso*

I-WCED ipumelele iiMbasaa zeeNkonzo eziGqwesile zeNkulumbuso ezintandathu kwezisibhoso ezinikeziweyo ngonyaka ka-2006, neziukwa imbasa esencotsheni, iiMbasaa yeGolide ngeprojekthi ebizwa ngokuba "luLamlo lweeNtsuku ezili-160 kumaZiko ka-ABET", nesekwe kwi-EMDC yaseBreede River/yase-Overberg.

I-WCED ipumelele iiMbasaa yeGolide enye, iiMbasaa ezimbini kwezintathu zeSilivere, kwakunye neeMbasaa ezintathu kwezine zeBronzi/zoBhedu. Iprojekthi ezilithoba ebezifakelwe ukuphiswano zibe zezinye zeeprojekthi ezili-13 ezifikelele kumanqam. Amasebe kaRhulumente wePhondo afake amangenelo angama-55 ewonke kukuphiswano lonyaka ka-2006.

IProjekthi kaKhanya ye-WCED kwakunye neyeeNkonzo zabaXhasi (iClient Service) zipumelele iimbasa zeSilivere. IProjekthi ye-WCED, iSA Schools Choral Eisteddfod Project (SASCE), iZiko loQeqesho eKapa, iCape Teaching Institute kwakunye neProjekthi, i-LSEN Advisors Project zipumelele iiMbasaa yeBronzi/yoBhedu.

IProjekthi iKhanya ipumelele ezinye iimbasa ezikumanqwanqwa aphezulu kulo nyaka-mali. IProjekthi le lilinge le-WCED lokomeleza ukufunda nokufundisa kusetyenziswa ubuchwepeshe bolwazi nonxibelewano (ICT).

NgoNovemba ka-2006, uKhanya upumelele imbasa eyindumasi i-Technology Top 100 (TT100), leNkokheli kwiWonga lokuNikezwa koLuntu Amandla kowe-2006. Imbasaa le inika imbeko kwishishini "elilelona lifezekise ngcono izibophelelo zalo zokubandakanya wonke ummi woMzantsi Afrika kushishino IweNzululwazi neTeknoloji".

UKhanya ufumene ibhaso leMbasa yeGolide kwi-Impumelelo Innovations Award Trust ngo-Februwari kowe-2007. Imbasa ye-Impumelelo inika ingqalelo iprojekthi ephume izandla, ebandakanya ubuhlakani nentsebenziswano namacandelo oluntu, ntsebenziswano leyo eyomeleza, ngeendlela ezenza ntsha, ubulunga bobomi boluntu neendawo ezhlelelekileyo.

### **linjongo-siseko zesebe**

linjongo-siseko ze-WCED kukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana, ulwazi, izakhono nobugcisa kwakunye neenqobo ezesemgangathweni abazifunayo ukuze bazalisekise ubomi babo, kananjalo babe nenxaxheba abayithabathayo ekupuhliseni iphondo kwakunye nelizwe.

### **Ugunyaziso loWiso-mthetho**

linjongo zesicwangciso-qhinga zisekelwe kula magunya alandelayo omgaqo-siseko namanye amagunya owiso-mthetho:

Amagunya	Inkcaza emfutshane
UmGaquo-siseko woMzantsi Afrika, ka-1996 (UmThetho onguNombolo 108 ka- 1996)	Ufunu ukuba imfundu iguqlwe kwaye kubekho ulawulo lwentando yesinzi ngokulandela iinqobo ezesemgangathweni zokuhlonitshwa kobuntu, ulingano kuluntu, amalungelo oluntu kwakunye nenkululeko, ukungabi nabuhlanga nasini. Uqinisekisa ukuba wonke ubani uyafikelela kwimfundu esisiseko ngommiselo wokuba wonke ubani unelungelo lokufumana imfundu esisiseko kuquka imfundu esisiseko yabadala. Isakhiwo somgaqo-nkqubo wentsuswa wesebe loMphathiswa wemFundo uchaziwe kwpiphepha lenGcaciso yomgaqo-nkqubo wesebe: Imfundu noQeqesho kuMzantsi Afrika olawulwa ngentando yesinzi: Amanyathelo okuqala ekupuhliseni isixokelelwano esitsha (ngoFebruwari ka-1995). Emva kogayo lweengcebiso nonxibelelwano olubanzi, uthethwa-thethwano nohlaziyo-zimvo, umgaqo-siseko uye waphunyezwa yikhabinethi kwaye usetyenziswa njengomqulu osisikhombisi-ndlela ekusekelwa kuwo imigaqo-nkqubo elandelayo kwakunye naxa kupuhliswa ulawulo.
UmGaquo-siseko wePhondo leNtshona Kapa, ka-1997	Ungaphantsi komgaqo-siseko kazwelonke, kwaye ngowona mthetho mkhulu weNtshona Kapa.
UmThetho weziKolo zoMzantsi Afrika (i-SASA), ka-1996 (UmThetho onguNombolo 84 ka 1996) njengoko uhlonylewe.	Umisela isixokelelwano esiyimfano kuquuzelelo, kulawulo kwakunye nakunyusongxowa ezikolweni. Uxhasa, ukhuthaze ukufikeleleka, ubulunga kwakunye nolawulo lwentando yesinzi kwisixokelelwano sezikolo. Uqinisekisa ukuba bonke abafundi banelungelo lokufikelela nokufumana imfundu elunglelo nekumgangatho ophezulu ngaphandle kokucalu-calulwa, kwaye wenza ukuba ukufunda kunyanzeleke kubantwana ababudala buphakathi kweminyaka esi-7 ukuya kweli-14. Ummiselo kumThetho lo lulawulo lwasikolo ngolawulo lwentando yesinzi ngamabhunga olawulo lwezikolo nekungoku asele esetyenziswa kwizikolo zoluntu kwilizwe eli xa lilonke. Izithethe zokuxhaswa ngemali kwezikolo njengoko kuthiwe gqaba gqaba ngazo kwi-SASA, zibeka phambili ukulungiswa kobugwenxa bamandulo kune nako konke ebekutenxile kwaye zijolise ekulweni nokuhlwenduzeka xa kujongwe indlela iimali ezabiwa ngokuphathelelene nesixokelelwano sezikolo zoluntu.
UmThetho womGaquo-nkqubo wemFundo kaZwelonke, ka-1996 (UmThetho onguNombolo 27 ka-1996)	Umisela ukubekwa komgaqo-nkqubo wesizwe wemfundo, kuukwa ukumiselwa komgaqo-nkqubo wemivuzo kwakunye neemeko nemiqathango yengqesho kootitshala. Uyilelwu ukuba ubhalwe, ufakelwe kwiipolisi zomthetho, kwakunye nakwezolawulo noxanduva lokwalusa nokujonga okwenzekayo nguMphathiswa wemFundo kwakunye nokubeka esikweni ulwalwamano kwabasemagunyeni phakathi kwephondo norhulumente kazwelonke. Useke isiseko sokwakhwa nokusekwa kweBhunga labaPhathiswa bezemFundo (i-CEM), kwakunye nekomiti yabaPhathi bamaSebe emFundo (i-HEDCOM), nabathi bahlangane njengebhunga lezirhulumente ukuze basebenzisane ekupuhliseni isixokelelwano esitsha semfundo. Ngolu hlobo ke, uthi umisele ukwakhwa kwemigaqo-nkqubo yemfundo jikelele kwakunye neyemfundo ephakamileyo noqeqesho, phakathi kwezinye izinto kuukwa ikharithylamu, uhlolo, umgaqo-nkqubo weelwimi, kwakunye nokuqinisekisa komgangatho. I-NEPA iqulethe imigaqo yoburhulumente bomfelandawonye, okukucaciswa banzi kuludwe lweNkqubo lweiThathu loMgaqo-siseko.

Amagunya	Inkcaza emfutshane
UmThetho wemFundo ePhakamileyo noQeqesho, ka-1998 (UmThetho onguNombolo 98 ka-1998)	Ulawula imfundo ephakamileyo noqeqesho; umisela ukusekwa, ukulawulwa kwakunye nokwabelwa imali kwamaziko emfundu ephakamileyo noqeqesho; umisela ukuqinisekiswa komgangatho kwakunye nokukhuthazwa okanye ukuxhaswa kwekhwalithi kwimfundu ephakamileyo noqeqesho. Xa idibene nePhepha leNgcaciso yomgaqo-nkqubo le-4 lemFundo ephakamileyo noQeqesho (1998), kunye nesiCwangciso-qhinga sesiZwe semFundo ePhakamileyo noQeqesho (1999-2001), uthi unikeze isiseko sokupuhliswa kwestokolelwano sikazwelone esihleleke kakuhle semfundu ephakamileyo noqeqesho, siseko eso sibandakanya icandelo lofundu kwizikolo zamasinala kwakunye necandelo lofundu kwiikholeji zofundo lobugcisa. Ufuna amaziko emfundu ephakamileyo noqeqesho akhiwe ngokowiso-mthetho nolawulo olutsha, ukuba aphuhlise okanye akhe iiplani zamaziko, kwangaxeshanye uthi umisele inxaso-mali esekwe kwiinkqubo zokufunda kwakunye nekharityhulamu yesizwe yokufunda nokufundisa.
UmThetho wobuNqobo bobuLunga wemFundo Jikelele kwakunye nemFundo ePhakamileyo noQeqesho, ka-2001 (UmThetho onguNombolo 58 ka-2001)	Ukumisela kokuqulunqwa, ukubunjwa nokusetyenziswa kweBhunga lokuQinisekisa iMfundu noQeqesho Jikelele olusemgangathweni noQeqesho, ukumisela ukuqinisekiswa kwekhwalithi kwimfundu jikelele nemfundu ephakamileyo noqeqesho, ukumisela ukuqinisekiswa nokulawulwa kwezithethe nemigangatho yekharityhulamu nohlolo, ukumisela ukunikezelwa kweziqinisekiso zemfundu neemfanelo kwiqondo lokuggibela okwelo thuba lokufunda, ukumisela indlela uhlolo oluqhutywa ngayo kwakunye nokuthungelana nomThetho wokunikezelwa iziQinisekiso woMzantsi Afrika, ka-1986.
UmThetho wokuQashwa kweeTitshala, ka-1998 (UmThetho onguNombolo 76 ka-1998)	Ukumisela ukuqashwa kotitshala ngurhulumente kwakunye nokulawulwa kweemeko zenkonzo yomsebenzi, ukuziphatha, umhlala-phantsi kwakunye nokusetyenziswa nendlela yokukhupha ootitshala besisiwa kwiindawo ngeendawo. Ulawula uxanduva lomsebenzi oqeleshelwayo, isibophelelo sokulunga neemfundiso eziniwa ngoootitshala, kanajalo neemfuneko kubuchule nolwazi loottitshala. UmThetho omnye wePalamente kwakunye nomnye webhunga lomsebenzi oqeleshelwayo, iBhunga labaFundisi-ntsapho loMzantsi Afrika (SACE), ngoku lilawula umkhosi wokufundisa owawufudula wohluka-hlkene.
UmThetho wemFundo kwiziKolo zePhondo leNtshona Kapa, ka-1997 (UmThetho onguNombolo 12 ka-1997)	Ukumisela ubunye besixokelelwano semfundu sentlanganisela le, ukulawulwa nokuxhaswa ngezimali kwazo zonke izikolo kwakunye nokwenza isimiselo seemfuno ezingqalileyo zemfundu yephondo.
UmThetho wokuLawulwa kweziMali zoLuntu, ka-1999 (UmThetho onguNombolo 1 ka-1999) njengoko uhloniyelwe.	Ukulawula ukuphathwa kwezimali kurhulumente wesizwe kwakunye noorhulumente bamaphondo, ukuqinisekisa ukuba zonke izimali zikarhulumente, inkcitho, izinto ezinokuthengiswa kwakunye namatyala ezo zirhulumente zilawulwa ngendlela efanelekileyo nebonakalisa ukuba iyasebenza kwakunye nokumisela izibophelelo noxanduva lwabo bantu baphathiswe ulawulo lwezezimali kwezo zirhulumente.
ImiThetho yolwaBiwo lweziMali zikaRhulumente	Ukumisela ukwabelana ngokulinganayo kwezimali ezifumanek kwisizwe jikelele phakathi kwamacandelo karhulumente: awesizwe, awamaphondo kwakunye nawoorhulumente benginqi ngokokulandeelana kwavo ngokweminyaka-mali, ukumisela ukubanjwa nokulityaziswa kweentlawulo kwakunye nokumisela amatyalu eendleko ekungenwe kuzo ekumangalelaneni xa kuthe kwephulwa imigaqo yolawulo lomfelandawonye kwakunye nothungelawo lwebhunga loorhulumente.
UmThetho weeNkonzo zoluNtu, ka-1994 nanjengoko uhloniyelwe [IsiMemezelo esinguNombolo 103 ka-1994]	Ukumisela uququzelelo kwakunye nolawulo lwenkonzo zoluntu kwiRiphabliko kwakunye nokulawula iimeko zengqesho, imiqathango yomsebenzi, ukuziphatha, umhlala-phantsi kwakunye nokukhutshwa kwamalungu eenkonzo zoluntu.

<b>Amagunya</b>	<b>Inkcaza emfutshane</b>
UmThetho woGunyaziso IweziQinisekiso zemFundo eMzantsi Afrika, 1995 (UmThetho onguNombolo 58 ka-1995)	Ukumisela ukuphuhliswa nokufezekiswa kweSakheko seeMfanelo neziQinisekiso zeSizwe, nto leyo ke ebangela ukuba kusekwe iGunya lezi Qinisekiso loMzantsi Afrika. I-NQF ngumfuziselo oyimfuneko, kwakunye nomqinisekisi wesixokelelwano sokufunda sesizwe nalapho imfundo noqequesho zibaluleke ngokulinganayo njengamacala amabini ancedisanayo obugcisa nolwazi lomntu. Ukumiselwa okuhlangeneyo kwesiCwangciso-qhinga soPhuhliso IwamaJelo angaBantu Bokusebenza nguMphathiswa wezemisebenzi nomPhathiswa wemfundo ngomhla wama-23 Aprili 2001 ubonakalisa ngokumhlophe umnqweno wokwakha isicwangciso-qhinga esihlangeneyo semFundo, uQequesho noPhuhliso nesiyakuthi sibophelele konke, sigcine ulwazi Iwabafundi bethu abancinci nabadala.
UmThetho wemFundo noQequesho IweNtsusa kwabaDala, 2000 (UmThetho onguNombolo 52 ka- 2000)	Ukulawula imfundo noQequesho Iwentsusa Iwabadala; ukumisela ukubunjwa, ukulawulwa nokuxhaswa ngezimali kwamaziko oluntu okufunda abadala; ukumisela ukubhaliswa kwamaziko abucala okufunda abadala; kwakunye nokumisela ukupinisekiswa komgangatho kwanokuxhaswa nokukhuthazwa komgangatho / ikhwalithi kwimFundo noQequesho Iwabadala

## ICANDELO 2: INDLELA EKUQHUTYWE NGAYO

### 1. Iimali ezivotelweyo

Uhlahlo-mali olunguNdoqo	Uhlahlo-mali oluHlenga- hlengisiweyo	Eyona imali isetyenzisiweyo	Inkcitho enganeno kobe kumiselwe
R6 988 131 000	R7 115 861 000	R 6 920 362 000	R195 499 000
<b>UMphathiswa ekuxhomeke kuye</b>	UMphathiswa wezeMfundu zePhondo		
<b>ISebe eliLawulayo</b>	ISebe lezeMfundu		
<b>IGosa elinika ingxelo</b>	INTloko yeSebe, ISebe lezeMfundu laseNtshona-Kapa (WCED) (UMphathi- Jikelele wezeMfundu)		

### 2. Iinjongo zovoto

Ukupuhhlisa izakhono zabafundi zezengqondo, umzimba, umoya nompheyfumlo ngamaziko asebenzayo nalawulwa ngokukuko asebenze njengemibutho yezemfundu ukuze abafundi babe ngamalungu avuthiweyo anexabiso ekuhlaleni, babe ngabathathi-nxaxheba abanenkqubela kuqoqosho lolwazi kwihlabathi babe kwangabantu abaluncedo nabanendima kwikamva eliqaqambileyo lelizwe.

### 3. Isishwankathelo seenkqubo

EzeMfundu zamkele uhlahlo-lwabiwo mali oluhambelana neentlobo zeenkqubo ezibonakalisa ezona nkqubo zimbalwa. Imisebenzi ye-WCED ihlelwe ngezi zinkqubo zisibhozo zilandelayo:

Inkqubo	Inkqubo esekelyo
<b>1. Ulawulo</b>	1.1. I-Ofisi ye-MEC 1.2. linkonzo zolawulo 1.3. Ulawulo lwezemfudo 1.4. Uphuhliso lwabasebenzi 1.5. INkqubo yokuLawula uLwazi lwezeMfundu (EMIS)
<b>2. IMfundu yeziKolo zikaRhulumente zikaWonke-wonke</b>	2.1. Izikolo zikaRhulumente zamaBanga aPhantsi 2.2. Izikolo zikaRhulumente zamaBanga aPhakamileyo 2.3. linkonzo zomsebenzi 2.4. Uphuhliso lwabasebenzi 2.5. Inkqubo yokutyiswa kwabantwana ezikolweni
<b>3. IziBonelelo-mali zeziKolo eziziMeleyo</b>	3.1. Isigaba esizantsi 3.2. Isigaba esiphezulu
<b>4. IMfundu yeziKolo zikaRhulumente ezineziDingo ezizoDwa</b>	4.1. Izikolo 4.2. linkonzo zomsebenzi 4.3. Uphuhliso lwabasebenzi
<b>5. UQeqesho neMfundu eQhubekayeo</b>	5.1. Amaziko karhulumente 5.2. linkonzo zomsebenzi 5.3. Uphuhliso lwabasebenzi 5.4. Izbonelelo ezixhomekeka kokuthile

Inkqubo	Inkqubo esekelyo
6. UQeqesho neMfundu yabaDala esisiSeko	6.1. Izibonelelo kumaziko abucala 6.2. linkonzo zomsebenzi 6.3. Uphuhliso lwabasebenzi
7. UPhuhliso IwaBantwana abaseLula	7.1. IBanga R kwizikolo zikarhulumente 7.2. IBanga R kumaziko oluntu 7.3. linkonzo zomsebenzi 7.4. Uphuhliso lwabasebenzi
8. liNkonzo ezongezelelwego nezihambelana nazo	8.1. intlawulo ze-SETA 8.2. Iphulo lezibonelo-mali ezixhomekekileyo ze-HIV/ AIDS 8.3. limviwo zangaphandle 8.4. Uqeqesho lootitshala 8.5. iKapa Elihlumayo

#### 4. Isishwankathelo seemeko zonikezelو Iweenkonzo ngo-2006/07

##### Amanani abantu

Inani labantu baseNtshona-Kapa likhule ngokukhawuleza kule minyaka mihanu idlulileyo. Kwaye ngokweenkcukacha zobalo zoMzantsi Afrika lisaghube ka ukukhula. Kubalo Jikele IwamaKhaya, iNtshona-Kapa ilikhaya kubantu abazigidi eziyi-4,7. Le yi-10% yabantu boMzantsi Afrika bebonke. Inani labantu baseNtshona-Kapa likhula nge-2.1% ngonyaka.

lindlela zokufuduka zibonisa ukuba izinga lokufuduka linyuke kakhulu ukusuka ku-1991-1996, ukuya ku-1996-2001. lindlela zokufuduka jikelele zisafana: unini lwabantu bebonke abafudukela eRhawutini naseNtshona-Kapa noninzi lwabantu bebonke abafudukayo besuka eMpuma-Koloni naseLimpopo. Ufuduko lwabantu abaphumayo nabangenayo luzinzile kwamanye la mahlanu amaphondo, eKwaZulu-Natala kubonakala ukufuduka kwabantu bephuma.

IZiko leNkukacha-manani loMzantsi Afrika (Stats SA) liqikelela izinga lofuduko phakathi kwamaphondo ukusuka ku-2005-2015 lufane naphakathi kuka-1996-2001. lingqikelelo zofuduko lulonke lweminyaka emihlanu (u-+ umele ufuduko olungenayo lulonke, u- - ubonakalisa oluphumayo lulonke) oluya kumaphondo ukusuka ngo-2006-2011 zibonakaliswe apha ngezantsi:

Iphondo	Ukunyuka / (ukuhla)
Mpuma-Koloni	(323 622)
Freyistatha	(58 514)
Rhawuti	533 410
KwaZulu-Natala	7 707
Limpopo	(252 928)
Mpumalanga	(42 190)
Mntla-Koloni	(28 167)
Mntla-Ntshona	(64 176)
Ntshona-Kapa	228 480

Icandelo labanezakhono ezifundelwego liginya i-1,3 lezigidi, lize elinezakhono ezingafundelwayo, ibe ngama-144 065 (malunga ne-9,4%) yogoqosho lwephondo lulonke. Abasebenzi abangama-1.5 lezigidi bagcwele kwezolwimi (13%), ezemveliso (19%), iivenkile nodeaderhu Iwevenkile (17,5%), iinkonzo zezezimali (11,9%), kube kuqeshwe ama-80% abasebenzi bebonke. Kwabaqeshiwego, umlinganiselo wabasebenzi bebonke onemfundu yomgangatho wasesikolweni ungaphezulu kwaba banemfundu ephezulu ngomlinganiselo wama-77% kwi-19%. lipesenti zabo baphumelele amabanga aphakamileyo ngokwebala zimi ngolu hlolo: AbaNtsundu ngu-7%, abeBala 34%, ama-Asiya 34%, abaMhlophe 49%.

Intswelo-ngqesho ichatshazelwa kakhulu libala. Nangona kuzwelone abantu abaNtsundu abangama-30 kwabali-100 bafumana imisebenzi phakathi ko-1995 no-2002 ngaba-3 kwi-100 kuphela abahlala eNtshona-Kapa abafumene imisebenzi ngesi sithuba sinye (SER-2003). Ama-80% e-18,9% yabantu abangaqeshwanga eNtshona-Kapa lulutsha. Ngokuchasene nendlela okanye imeko ekuyiyo kuzwelone izinga lokungaqeshwa kwabanemfundu ephezulu lihlile. Lo gama aba baphumelele imigangatho esezantsi ukuqeshwa lonyukile. Abantu abafunwayo ngabafundileyo nabanobuchule.

### **Imiceli-mingeni kunikezelo lweenkonzo**

Esinye seziphumo zokwanda kwamanani abantu eNtshona-Kapa kukuba zonke iintlobo zemfundo noqequeso kwiphondo nazo zikhulile ngokwamanani kule minyaka imihlanu idlulileyo: Imimandla ye-ECD, izikolo, iikholeji ze-FET, amaziko abantu abadala nezinye iinkqubo zemfundo Kodwa kona ukukhula kwamanani abafundi kona akunakuqikeleka. Oku kwenza ukucebela unikezelo lweenkonzo ingakumbi amagumbi okufundela nootitshala kube nzima kakhulu.

linkcukacha-lwazi zezikolo zikarhulumente zikawonke-wonke zaseNtshona-Kapa ukusukela ngo-1995-2006 zinikiwe kuTheyibhuli 1 ngezantsi ukubonakalisa ukukhula kwamanani abafundi kwiphondo nokubonakalisa umceli-mngeni wokuqala i-WCED ejongene nawo. Nangona kubekho ukuhla kwababhalisele ukufunda kwamnye amaphondo, i-WCED yona iyaqhubeka ibonakalisa ukunyuka kwamanani abafundi ukuya kutsho ku-2004. Ukunyuka kwanamanani ngendlela engaqhelekanga ukusuka ngo-2003-2004 ngama-20 121 kwabangelwa ikakhulu kukutshintsha komgaqo-nkqubo wokwamekla abantwana kwsigaba 1 owaqala ukusebenza ngo-2000 (kwakunye nesizathu sokuhla kwamanani abafundi ngo-1999 ukuya kutsho ku-2000).

UPhando IweZikolo loNyaka luka-2005 alubonakalisi kunyuka ukusuka ngo-2004 ukuya kutsho ngo-2005. Oku kubangelwa ikakhulu kukunyuka okungaqhelekanga kuka-2004. Amanani ka-2006 afunyenwe kwi-CEMIS (iNkqubo yokuLandela abaFundi) abonakalisa ukwahluka okukhulu ukusuka ngo-2005 ukuya ku-2206 (Qaphela: ngunyaka wokuqala lo kusetyenziswa i-CEMIS) ukukhula okuqhelekileyo kulindeleke kwakhona ukusuka ku-2006 ukuya ku-2007.

### **ITeyibhuli 1 Amanani abafundi kwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke 1995-2006**


Un-yaka	Banga 1	Banga 2	Banga 3	Banga 4	Banga 5	Banga 6	Banga 7	Banga 8	Banga 9	Banga 10	Banga 11	Banga 12	Itotali
1995	99,158	84,963	80,921	79,199	76,789	72,293	68,795	67,473	61,079	50,698	41,124	34,659	817,151
1996	99,998	84,845	81,137	79,996	77,673	74,142	69,474	72,116	62,696	54,440	43,574	36,764	836,855
1997	97,854	84,892	80,608	81,191	76,894	74,368	70,967	73,261	64,892	57,070	44,586	38,940	845,523
1998	99,380	90,168	85,625	85,188	80,881	76,716	73,928	76,949	67,644	61,926	46,115	40,980	885,500
1999	87,436	92,925	88,613	88,014	83,074	78,495	74,661	79,043	69,674	63,479	49,247	40,206	894,867
2000	64,844	81,865	92,343	91,949	85,766	80,658	75,813	80,026	70,634	63,840	48,934	40,996	877,668
2001	81,790	62,960	81,832	94,302	89,254	83,305	77,778	82,190	71,966	67,034	50,206	39,910	882,527
2002	86,969	77,026	64,134	83,022	93,188	86,786	80,865	75,601	80,450	69,752	51,618	40,468	889,879
2003	86,916	82,454	75,931	66,033	82,383	92,341	84,514	81,154	73,200	81,739	51,746	39,644	898,055
2004	104,105	82,130	81,489	76,781	66,060	82,574	89,614	85,053	78,964	80,756	54,199	39,451	921,176
2005	93,515	94,231	80,695	80,809	74,984	66,141	81,953	88,778	82,169	81,577	56,657	39,303	920,812
<b>2006</b>	<b>92,707</b>	<b>82,214</b>	<b>83,672</b>	<b>89,595</b>	<b>78,362</b>	<b>77,702</b>	<b>72,462</b>	<b>66,561</b>	<b>80,597</b>	<b>86,374</b>	<b>61,429</b>	<b>42,672</b>	<b>914,347</b>

Umthombo weenkukacha-lwazi:

1995 – 2005: UPhando IweZikolo loNyaka (IziKolo zikaRhulumente zikaWonke-wonke)

2006: I - CEMIS yalo nyaka (31 Matshi 2007)

## Umzobo 1



Umthombo weenkukacha-lwazi

1995 -2005: 1995 – 2005: UPhando lweziKolo loNyaka (IziKolo zikaRhulumente zikaWonke-wonke)

2006: I - CEMIS yalo nyaka (31 Matshi 2007)

Umceli-mngeni wesibini i-WCED ejongene nawo kukuphucula izinga lemfundo labantu baseNtshona-Kapa. Nangona kukho ukuncumisa kwesi sithuba seminyaka emihlanu, u-1996-2001, abantu abaninzi abafikeleli kwimfundo ekwizinga elifunekayo nelinokubangela ukuba babe nendima eyiyo kubomi bezentlalo, ezopolitiko nezogqosho lwephondo. Umzekelo, iTheyibhuli 2 ibonakalisa ukuba bangaphantsi kwikota abantu baseNtshona-Kapa abaneSiqinisekiso seMfundu seBanga leMatriki.

### Theyibhuli 2: Ipsenti yabantu bebonke kwimigangatho eyahlukenyeyo yemfundu ngo-1996 no-2001

Imigangatho yokufunda	1996	2001
Abayanga esikolweni	6,3%	5,7%
Imfundu yamanye amabanga aphantsi	15,0%	15,2%
Bawagqibile amabanga aphantsi	8,4%	7,9%
Imfundu yamanye amabanga aphakamileyo	37,2%	36,5%
IBanga 12	18,0%	23,4%
Imfundu ephezulu	10,1%	11,2%

Umthombo: UBalo lweeNkukacha-manani zoMzantsi Afrika ngo-1996 no-2001

Amanani akhoyo abafundi abakwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke akhomba le meko ixhalisayo ichazwe apha ngasentla awazikutshintsha kwangoku. Amanani abafundi kwisithuba sika-1999 - 2006 abonakalisa ukuba ngama-50% kuphela abafundi abangene kwiBanga 1 abafikelelayo kwiBanga 12. (Jonga uMzobo 1 ngasentla). Ukulahla phakathi kwabafundi esikolweni kuhambelana kakhulu nebala. Nangona ukungena esikolweni ukuya kutsho kwi-17 leminyaka ubudala buphantse bali-100% kwabamhlophe, amanani kwabaNtsundu asezantsi, abesezantsi kakhulu kwabeBala abatsha (Seekings 2003, WCED, EMIS)

Upando lakutsha nje obeliqhutywa eNtshona-Kapa lubonakalisa ukuba amanani ahambelana nebala abafundi abaphumeleleyo kwababhalisileyo asukela kumabanga aphantsi esikolweni. Iziphumo zemisebenzi yohlolo yokufunda nemathematika ibesensiwa kumaBanga 3 neBanga 6 abonakalisa ukuba abafundi abaninzi abasuka kumakhaya amkela imivuzo ephantsi bafumana amanqaku angaphantsi ngeminyaka emibini ukuya kwemithathu kokulindelekileyo kwikharityhulam yesizwe.

I-HCDS ayinakukwazi ukuphumeza iinjongo zayo lula kwimeko yentlalo ethwaxwa, phakathi kwezinto, kukungayi esikolweni kwabafundi nootitshala ngenxa yokugula, ukusebenzisa kakubi iziyobisi (ingakumbi i-tik eNtshona-Kapa), ukukhula kweziganeko zobundlobongela ezikolweni, ukuxhatshazwa ngokwesondo, ukumitha kwamantombazana asemancinci kunye nengxaki ye-HIV/AIDS - ebangelwa yintsokolo nokungalingani okusuka kumaxesha angaphambili. Noxa uqoqosho luluhle, iNtshona-Kapa lelinye lamaphondo asenokungalingani nanobuhlanga kakhulu. Ukungakwazi ukusombulula ezi ngxaki zokungalingani neminye imiba efana ne-HIV/AIDS nokhuseleko ezikolweni, kuza kuqhubeleka kungumqobo wokuphumeza iinjongo ze-HCDS kwaye kuza kubachaphazela kakhulu abafundi ekukwazini ukuzibonalisa amakhono abo kangangoko. Ngokuye le miceli-mngeni isanda (nenani labantwana abangenabazali (irkedama) nabantwana abasesichengeni liyanda) umgangatho wokufunda nokufundisa (nokuphumeza iinjongo zokukhula nophuhliso IwePhondo zeKapa Elihlumayo, nombona walo 'ikhaya lethu sonke) uya siba semngciphekweni. Le imeko ifuna ukuba iindlela zakudala zokufundisa zitshintshwe, kufuneka ukuba utitshala basebenze njengeempelesi, bomeleze bethuthuzela abantwana abaxheleke okanye abonzakele imiphefumlo babaxhobise ngezakhono zokumelana nobomi besebancinci.

## 5. Isishwankathelo sesimo sombutho ngo-2006/07

I-WCED ineSebe lezeMfundu lePhondo elikhokelwa liLungu lesiGqeba soLawulo (MEC) kunye ne-ofisi enku yephondo. I-ofisi enku yephondo yahlula-hlulwe yangamasebe amathathu angala: liNkonzo zoLawulo, uLawulo IweMisebenzi yeMihla ngemihla yezeMfundu, nokuCeba nokuPhuhlisa iMfundu. Kwiphulso lokusondeza ulawulo nokuxhasa uphuhliso ezikolweni, amaZiko oLawulo noPhuhliso IweMfundu (EMCDs) avulwa kwizithili ezisixhenxe kwiphondo, amathathu kula maziko asemaphandleni. Uludwe Iwezikhundla zeSebe lubonakalisiwe kwiSheduli 1 nemaphu yezithili zolawulo nophuhliso Iwemfundu ibonakalisiwe kuSheduli 2.

Amaziko emfundu anezikolo zikarhulumente, izikolo ezinezidingo ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko oluntu emfundu yabadala namaziko okupuhlisa abantwana abaselula.

### Imisebenzi ye-WCED – umda nomgama

Abafundi **	947 815
Izikolo zikarhulumente zikawonke-wonke *	1 452
Izikolo zabafundi abanezidingo ezizodwa ***	70
Amaziko eMfundu eQhubeketayo noQeqesho (iikholeji zobugcisa)	6 (amaziko angama-39)
Amaziko oluntu emfundu yabadala	112 (amaziko angama-301)
Izikolo-mpeleso ezbonelelwayo	446
I-ofisi zezithili (i-EMDCs)	7
Ootitshala (Iindlela yokwalatha izikhundla)	30 872
Abasebenzi bakarhulumente (abasebenzi abavuniwego)	8 823

\* Amaziko angoku (Zonke izikolo zikarhulumente zikawonke-wonke, amaBanga Izikolo-mpeleso Bang R ukuya kuMgangatho ongaphaya kwe-Matriki) – ULuhlu oluKhulu ukusukela kumhla wama-31 Matshi 2007

\*\* 2006: I-CEMIS zalo nyaka (ukusukela ngomhla wama-31 Matshi 2007) – Abafundi kuwo onke amabanga kwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke (PreGRR, GRR, Gr1-12, LSEN)

\*\*\* 2006 ULuhlu oluKhulu loPhando IweziKolo loNyaka ukusukela ngomhla wama-31 Matshi 2007

## **5.1 Imeko yangaphakathi**

### **AmaLungiselelo ezaKhono eMsebenzini (WSP)**

I-WCED lelona sebe likhulu likarhulumente kwiphondo. Ubukhulu be-WCED bubeka uxanduva olukhulu lokuqinikisekisa ukuba abasebenzi bayo baxhotyiswa rhoqo ngeenkubo zophuhliso zobomi babo bonke. Oku kuhambelana ngqo nawo omabini amacandelo eenkonzo zoluntu, aphi imfuneko yokuhanjisa kweenkonzo ngokukhawuleza nangempumelelo (Batho Pele) inyuka nyaka nonyaka, kune necandelo lootitshala, aphi inkqubela ekhawulezayo kwezemfundo, ulawulo lolwazi nemfundo ngezobuchwephesh (iteknoloji) zifuna ukuba ootitshala bahlale bezixhobisa ngeendlela ezintsha zolwazi nokufundisa.

IKomiti yoQeqesho yeSebe (DTC) ezimeleyo ye-WCED ithe mbende iquinisekisa ukuzibophela kwayo kuphuhliso IweZakhono oluzinzileyo, olucacileyo nolusebenzayo njengoko kucaciwiwe kuMthetho woPhuhliso IweZakhono neminye imithetho nemigaqo-nkqubo efana nayo. I-WSP ka-2006/07 neNgxelo yoNyaka yoQeqesho ka-2005/06 zatyikitywa ngokusesikweni zangeniswa kwi-SETA yeeNkqubo zoPhuhliso noQeqesho IweMfundu (ETDP) njengoko kumiselwe. I-DTC ikwiphulo lokuza ne-WSP yesithuba se-MTEF ukuqinisekisa ukusebenza nozinzo oluphucukileyo lophuhliso IweZakhono noqeqesho kwisiqingatha sonyaka-mali esiphakathi.

### **IsiCwangciso sokuLungelelaniswa kwezeNgqesho (EE)**

Esi sicwagciso se-EE se-WCED seminyaka emihlanu siya esiphelweni sexesha laso. Nangona kubekho imiqobo emininzi, ibe khona inkqubela ekuzalisekiseni iziCwangciso ze-EE kune nesiGqeba se-EE esimeleyo naso siwubamble umsebenzi waso wokuba liliso. I-WCED iyithobele yonke imimiselo yoMthetho we-EE yayingenisa iNgxelo ye-EE kwiSebe lezeMisebenzi njengoko kumiselwe. I-WCED iphinde yakhupha isigunyaziso ngokomaqo-nkqubo nge-EE kumaziko emfundo kwaye oku kukhokelele kwimpumelelelo engathethekiyo ingakumbi kwinani lababhinqileyo kumaqela alawulayo ezikolweni.

### **IsiCwangciso sokuPhucula uNikezelo IweeNkonzo (SDIP)**

I-WCED iziqaqambise njengombutho osafundayo ozixakekise kakhulu ngokugqwesa kunikezelo Iweenkonzo kule minyaka ilishumi izayo. Njengombutho osafundayo, i-WCED ihlala izigxeka ngokwayo izihlaziya ngokuthi igxile kakhulu kwinkuthalo yombutho, iquinise inqwanaqwade izakhono zezithili, incedise ukusebenza kwezikolo ikhuthaze amaphulo okuxhasa ukusabela kwizinto ezahlukaneyo zemfundo esemgangathweni ezikolweni.

Ikhona inkqubela eyenziweyo ekuqulunqeni i-SDIP egcweleyo. UXwebhu IoNikezelo IweeNkonzo laqlunqwa lamkelwa. Isicwangciso sokuphumeza namxesha asikiwyeo saqlunqwa kwaye saqikelela ukuba i-SDIP iza kuphunyezwu ekuqaleni konyaka-mali u-2007/08. Amazinga eenkonzo aqulunqwa kwicandelo lolawulo ngalinye kwaye nephulo elingqingqwa lokwazisa laqaliswa ukuqinisekisa ukuba ayamkelwa kwaye ayaziwa ngobubanzi. Lindlela zokongamelia nokuhlola ziyaqlunqwa nazo ukulungiselela ukusetyenziswa kwavo, oku kubandakanya nendlela yokuncoma nokukhalaza elawulwa liCandelo lokuQinisekisa uBulunga. Ngale ndlela i-WCED iza kukwazi nokuqokelela ulwazi ngalo macandelo angaqhubi ngokwanelisayo.

### **IsiCwangciso sabaSebenzi (HR)**

Nangona uyilo lokuqala IwesiCwangciso sabaSebenzi le-WCED luhleli lukwinqanaba lokucetywa ixesha elide, imigaqo-nkqubo, izicwangciso-qhinga, nezigunyaziso ezahlukaneyo kwimiba efana ne-EE, ukuqesha, uPhuhliso IwabaSebenzi, uLawulo IwabaSebenzi, uLawulo IweNkqubo nokuceba kudala zikhona ukuqinisekisa ulawulo IwabaSebenzi olunezipumo noluzinzileyo. Isebe leeNkonzo zikaRhulumente noLawulo (DPSA) kutsha nje lize nenqubo-sikhokelo yesicwangciso sabaSebenzi esiza kusebenza njengesikhokelo kuwo onke amasebe karhulumente ukuqinisekisa ukufana kucwangciso ngezabasebenzi kwiNkonzo zikaRhulumente. Imigaqo-nkqubo yocwangciso Iwabasebenzi ekhoyo iyathelekiswa ilunga-lungiswe ngakumbi ukuze ibe sisicwangciso sabasebenzi esigcweleyo se-WCED ngale ndlela yenqubo-sikhokelo intsha.

## **INkqubo yokuJongana neeMeko zonke zoMsebenzi (EWP)**

I-WCED yayiphambili ekuphunyezweni kwe-EWP ngo-2004. I-EWP iqulunqwe ngokukuko kwaye yasiswe kangangoko. Indlela esetyenziswa ngayo ngoku yanelisa kakhulu kobe kulindelwe. lintlanganiso zokunika ingxelo ngenkqubo zibanjwa rhoqo nemibutho eqhuba ezi nkqubo kwaye amanani-ngxelo kunye neendlela ehamba ngayo ziyahlalutya zithelekiswe nemigangatho yehlabathi. Inkqubela ikwakhona ekuguquleni i-EWP ibe yiNkqubo egcweleyo ejongene neMpilo neeMeko zonke zoMsebenzi, ukuba ihambelana nezinto ezintsha kwiphondo, uzwelonke nehlabathi, ukuze inike inkonzo evuthiweyo kubasebenzi bayo. liNtsuku zabaSebenzi zibanjwe ngempumelelo kwi-ofisi enkulu nakwezinje ii-EMDC.

### **Ukuhlola nokuvavanya**

I-WCED iyaqhubeleka iqinisa iinkqubo nezixhobo ezipingo yazo ikukuphucula umgangatho wemfundo kwiphondo. NgeCandelo: ukuQinisekisa ubuLunga, i-WCED ilungelelanisa idibanise zonke iindlela ezikhoyo zokucacisa, kwaye iqulunqe ezintsha aphi bezingekho. Ngelokumelana nokugxinisa kukanhulumente kakhulu kwiziphumo nempembelelo, iinkqubo zokuhlola nokuvavanya ziqalisiwe kuwo onke amanqanaba esebe. Oku kubandakanya indlela zokuhlola nokuvavanya iiprojekthi namaphulo okungenenelela – ukuqonda impembelelo nexabiso. lindlela zokuhlola impumelelo yomsebenzi (kumsebenzi ngamnye) ziyaqiniswa nazo ngokuthi kusetyenziswe kakhulu imigangatho kunye nezicwangciso zomsebenzi. Ukuhambelana phakathi kwezicwangciso zomntu ngamnye neenjongo zesicwangciso-qhinga nako kuqwalaselwa ngamandla. Isikolo ngasinye sinyanzelisa ukuba siyile isiCwangciso sokuPhucula iSikolo (SIP).

Ngo-2006 uVavanyo IweSikolo Sonke Iwangaphandle lube neziphumo ezhle kuzo zonke izikolo ezivavanyiweyo.

ICandelo: LokuQinisekisa uBulunga lipapashe iNgxelo zeNkqubo ezimbini kwi-HCD. Ukuqinisekisa kweenkcukacha-lwazi zeziKali zomGangatho woMsebenz kwensiwe nako ngeenjongo zokuqinisekisa ukuchaneka nokufaneleka.

### **5.2 Ukusebenza kwesebe**

#### **EyeSebe**

Isebe liyahenga-hlengiswa lonke ukuqinisekisa ukuba liza kukwazi ukuphumeza i-HCDS. linjongo zokuhlenga-hlengisa

- kukuxhobisa isebe ngezakhono ukoleka kwizicwangciso-nkqubo eziphambili zeKapa Elihlumayo, ekuzo i-HCDS isesona siphambili.
- Ukuphucula unikezelo Iweenkonzo
- Ukukhawulezisa ukulungelelanisa kwezengqesho
- Ukuphumeza iziphumo zemfundo eziqikelelwego

Iprojekthi eyilwe ngokutsha isetyenziswa kwizigaba ezizezi:

- Isigaba 1 sibandakanya ukuqalisa iprojekthi nokuceba amanyathelo okungenenelela koku kutsha.
- Isigaba 2 sibandakanya ukuhlalutya indlela emile ngayo i-WCED ngoku ingakumbi xa ijongwa ngokwe-HCDS nokubona iindawo ezifuna ukuphuculwa ukuqinisekisa ukuba isebe liyakwazi ukuzonezisa iinjongo zesicwangciso-qhinga.
- Isigaba 3 sibandakanya ukuhlenga-hlengiswa kwesebe ngokweziphumo zohlalutyo olunzulu (ukwenziwa koludwe Iwezikhundla olukhulu nolwangaphakathi kwisebe)
- Isigaba 4 sibandakanya ukuzalisekisa koludwe Iwezikhundla zamacandelo namacandelwana esebe oluza kuqalisa ukusebenza ngonyaka-mali 2007/08 kwaye oku kuza kubandakanya ukuquesha abantu kwizithuba ezikhoyo ngokwesiCwangciso sabaSebenzi

Izigaba 1 ukuya ku-3 zale projekthi zona sezigqityiwe. Le projekthi okwangoku ibandakanya amagqugula okubonisana kwi-ofisi enku lu nakwizithili kwakunye naphakthi kwabathunyuwa abasuka kumaqela achaphazelekayo amaninzi, abandakanya abaphathi-jikelele beekholeji ze-FET, iinqununu zezikolo, ootitshala, abafundi, izaGqeba zamaBhunga aLawulo iziKolo kunye nemibutho yabasebenzi ababandakanyekayo kwisebe.

Ngokoluludwe Iwezikhundla lucetywayo, i-ofisi enku lu yephondo iza kohlula-hlulwa ibe ngamasebe amane angala, eleSiCwangciso-qhinga nesiCwangciso, uLawulo IweKharityhulam, uPhuhliso IweSebe kunye neeNkonzo zokuLungelelanisa noLawulo. Kwpiphulo lokusondeza inkxaso yolawulo nophuhliso ezikolweni, ii-ofisi ezi-7 zezithili ziza kuba si-8 zibe namaQela eSekethe angama-49.

### Ezeziko

linkonzo zokuxhasa kulawulo ezikolweni zibaluleke kakhulu kwi-WCED. Ngenxa yokuba izikolo kufuneka zigxile kakhulu ekufundiseni eziklasini, i-WCED iquinisekisa ukuba inkxaso kulawulo ezikolweni ikhona, iyakhawuleza, iyasebenza kwaye ichanekile. Ngokuye abalawuli bezikolo bechitha ixesha elincinci kwimibandela yolawulo efana nokuqeshwa kootitshala, imivuzo yootitshala neminye imibandela ephathelele neemeko zokusebenza kootitshala kungona bafumana ixesha elininzi abalichitha kwiinkqubo zokufundisa nemisebenzi yabo.

Zininzi izinto ezenziwa rhoqo ukuqinisekisa ukuba le njongo iyaphumelela. Ezi zinto zibandakanya oku kulandelayo:

- Izikolo ezininzi zikarhulumente ziba zizikolo zeCandelo 21 (uMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho uNombolo 84 ka-1996). linkqubo ezininzi zophuhliso zamaBhunga aLawula iziKolo (SGBs) nablawuli bezikolo ziqalisiwe ukuqinisekisa ukuba izakhono zokulawula zikhona ezikolweni ukulawula imisebenzi ethile engundoqo.
- Ngokunikezela le misebenzi yolawulo ingundoqo (iCandelo 21) ezikolweni, umsebenzi omninzi weenkonzo zokusebenza kwemihla ngemihla uye ezikolweni, oku kukhulule I-Ofisi eNkulu nee-EMDC ukuba zizixakekise ngokumana zingeneleka kwimibandela yomgaqo-nkqubo, inkxaso nokongamelia.
- I-ofisi enku lu iyaqhubeleka iphucula i-ofisi yeeNkonzo zeMibuzo ukuqinisekisa ukuba iinqununu nootitshala bafumana iinkonzo ezikumgangatho ophezelu nokuba imibuzo iphendulwa ngoko nangoko.
- Iziko lonxibelelwano le-WCED, elaqala ukusebenza ngo-2004 kwaye elaphucukayo ukusukeka ngoko, lunceda abezemfundo kunye noluntu jikelele ngeenkonzo ezelilultho kakhulu nangolwazi oluphathelele nolawulo Iwemfundo kwiphondo. Oku kukwazi ukufikelela kwisebe kukwancedwa nayiyiwebhisayithi ye-WCED (WCED Online), apho uluntu lukwazi ukufumana ulwazi olusuka kwindaba zakutsha ukuya kutsho kokwenzekayo kweezemviwo nemibandela yekharityhulam.

### 6. Isishwankathelo esicetyiweyo nezinto ezintsha eziphambili zomgaqo-nkqubo zonyaka-mali 2006/07

Imigago-nkqubo gabalala, izinto emazikhokeliswe phambili kunye neenjogo ezibalulekileyo ze-WCED zibandakanyiwe kwi-HCDS, yona ephenjelelwe kakhulu ngumbono wephondo "weKhaya labo Bonke" nesicwangciso-qhinga seNtshona-Kapa, iKapa Elihlumayo, izinto ezibalulekileyo nezikokelisiweyo liQela leKhabinethi lezeNtlalo elichaphazel isebe (ukhuseleko Iwabafundi, inkqubo-sikhokelo ehlanganisiweyo kwi-ECD, imidlalo ezikolweni, iphulo lokusetyenziswa kakubi kweziyobisi lulutsha) kunye nemiba ephambili kwezemfundo kuzwelonek.

Le miba ilandelayo iphambili yezemfundo (kuzwelonek) ye-MTEF (isiCwangciso-nkqubo seNkcitho yesiQingatha soNyaka-mali) ikwayichaphazele indlela ehanjwa yi-WCED –

- Umgangatho ophucukileyo ngokuguqlwa kwamaziko emfundoo
- INkubo yeSizwe yokuPhuhlisa iMfundoo eseMgangathweni nokuPhakamisa izinga kwiZikolo zikaRhulelemente
- UkuFikelela nobulungisa
- UkuSebenza kwephulo lokungahlawuli imali kwizikolo
- Ukwandiswa kweBanga R

- Ukufundiswa kwekharityhulam
- Ukuphunyezwa kweNkcachelo yeKharityhulam yeSizwe kumaBanga 7-12
- Ukupuhhliswa kootitshala
- Ukongamela nokuvavanya
- INkqubo yoLwazi noLawulo IweMfundu (EMIS)
- INkqubo zaBasebenzi (HR)

## Ikhwelo le-HCDS

Ukusukela oko kwamkelwa i-HCDS ngoNovemba ka-2005, nokwaziswa kwayo okwalandela ngoMatshi 2006 iikopi zamaxwebhu zenziwa zasasazwa kumaqela ezemfundu namanye, ingakumbi izikolo namahlakani kumashishini abucala anokuncedisa kupuhhliso. Eminye imiquulu yokupapasha kunye neencwadana ezihlaba ikhwelo lokuba izikolo zibe noluntu zisasaziwe kuzo zonke izikolo kootitshala nabasebenzi abangafundisiyo ngazo zontathu iilwimi.

### **Uphuhliso olugqithileyo, ukucokiswa nokulungelelaniswa kwe-HCDS**

Ukubhalwa koluhlu lwamaphepha ezikhundla namaxwebhu okuxoxa (angama-27 ewonke) aza kukhokela ukupuhhliswa ngakumbi kwe-HCDS kwiphondo sekukumanqanaba okugqibela. Iziphakamiso eziphambili kula maphepha ngumbandela wokuqwalasela ngokutsha imiba ephambili ebalulekileyo ngokwe-PGDS ukuqinisekisa ukuba uphuhliso lwezakhono luyakhkeliswa okwangoku okanye kwisithutyana esingephi esizayo nge-FET; ukuba ukulandela izalathisi eziphambili kuyacaciswa kwakuggitywa kukhokeliswe phambili; nokuba iqonga lokufunda le-ECD luyahlonitshwa ngendima ephambili eliyidlatay ekubenii sisiseko semfundu yeliax elizayo.

Uxwebhu olusayilwayo lwezakhono ezingqabileyo luqalisiwe ngokwesicwangciso-qhingga se-PGDS sesizukulwana sale mihla.

Ngoku uyaqhubeaka umsebenzi wesicwangciso solawulo esihlanganisiweyo nesicwangciso-nkqubo semisebenzi yemihla ngemihla ye-HCDS, eziza kusekelwa kumacandelo amane angundoqo nakwimibandela ephambili ngokwe-PGDS, ASGISA, isicwangciso esibalulekileyo sesizwe seSebe lezeMfundu, iijongo zephulo leMfundu kubo Bonke kunye neeNjongo zoPhuhliso zesi siGaba seminyaka eliWaka. Iziphakamiso zeenkqubo zesicwangciso esihlanganisiweyo, ukunikwa kwengxelo ngenkqubo nokulunga-lungiswa rhoqo kweziphumo kunye nezicwangciso zemisebenzi yemihla ngemihla ye-Ofisi eNkulu nee-EMDC kuza kuphakanyiswa kwesi sicwangciso-nkqubo.

## **Ukuphunyezwa kwe-HCDS**

Amacandelo amane angundoqo achongiwe njengeziseko i-HCDS eza kwakhelwa kuzo; ukugxila ekuphuculen iimeko zemfundo ezikolweni kuxhaswa liphulo lokuphucula **ezemfundu** ngokulwa izifo ezisekuhlaleni nolwaphulo-mthetho. Umongo wesi sicwangciso-qhingga ngulo ujolise ekuphuculen **umgangatho wemfundo** nasekuqinisekiseni ukuba kudalwa amathuba **okwandisa umthombo wezakhono nezinga lemfundo ephunyelelweyo**.

Inkqubela eyenziwe ekuphunyezweni kwezinto eziphambili nezinye iijongo zomgaqo-nkqubo ezingqalileyo, zalungelelaniswa namacandelo amane angundoqo, axhaswe ngemali ngoHlahlo-Iwabiwo Mali luka-2006/07 zezi zilandelayo:

### **1) Imeko yezemfundo**

- a) Izikolo ezili-15 zigqityiwe ngo-2006. Izikolo ezibini zinikezelwe kubakhi ngomhla we-15 Januwari 2007. Ezi zikolo yiDalebhule Primary School kunye neSigcawu Primary School.
- b) Izcicwangciso zokwakha kwizikolo ezili-12 ekujoliswe kuzo ziphunyiziwe, ukwakhiwa sekuqalisiwe kwizikolo ezsibhozo. Izbonelelo, ukuphucula izakhiwo nokuhlaziya zonke izikolo ekujoliswe kuzo kuyaqhuba.

- c) Igqiza labalawuli beNkqubo yokuPhucula umGangatho, uPhuhliso, iNkxaso nokuPhakamisa (QIDS-UP) lonyulwa, kwaye oku kuza kuphucula ukukhawuleza nezinga lokunikezelwa kweenkonzo nezixhobo ezilulutho kwizikolo ezikwimimandla ehlelelekileyo ngo-2007, kuncedise nakwindlela engcono yokulawula izixhobo nezibonelelelo ezilulutho kwizikolo.
- d) Uluhlu olutsha IweziXhobo zokuNcedisa ekuFunderi nasekuFundiseni (LTSM) Iwee-LTSN ezongezelelweyo ukuncedisa kwikharityhulam entsha lanikwa zonke izikolo ukukhawulezisa indlela engcono yoku-odola, ukuthenga nokuziswa kwee-LTSM ezikolweni ngo-2007.
- e) Ukulawulwa ngqingqwa kwezikolo kubalulekile ukuze kuqinisekiswe ukuba imfundu ikumgangantho ofanelekileyo. ICandelo IoPhuhliso IwabaSebenzi (HRD) lize nenkqubo yoqequesho IwamaBhunga aLawula iziKolo (SGB) neemigaqo yokuziphatha yee-SGB yaqaliswa ukubhalwa, kungoku nje iseqqwetheni.
- f) Inani lezikolo ezijikwayo zibe phantsi kweCandelo 21 (uMthethe weZikolo woMzantsi Afrika, 1996) linyukile kwelangaphambili lama-409 (2000/01) laya kutsho kuma-934 (2006/07), umsebenzi wokuncedisa uyaqhuba kwezi zingama-516 zishiyekileyo. Iphulo lokwazisa ngokuba phantsi kweCandelo 21 lube nendima kukukhula kwala manani.

## **2) Ukuphucula ezeMfundu**

- a) Elona phulo liphambili apha lukhuseleko ezikolweni. IsiCwangciso-qhinga seziKolo eziKhuselekileyo saqulunqwa kwaye ngoku siyaggityezelwa. Ukuqwetywa kwesi sicwangciso-qhinga yayingumsebenzi owawuhlanganyelwe ngamaqela ahlukeneyo akwi-WCED, kwaye kwaqiniswa ngakumbi yindima, ukubandakaneka nokuzinikezelwa kwamanye akwisebe lephondo nozwelonke kubandanya iSebe lezoKhuseleko IoLuntu, iiNkonzo zamaPolisa zoMzantsi Afrika (SAPS), uBulungisa noPhuhliso IwezeNtlalo.
- b) linkqubo zezicwangciso-qhinga zeendalela zokuziphatha kwabafundi zaqaliswa ukusetyenzisa kuzo zonke ii-EMDC, apha abasebenzi abakwii-EMDC beqeqliwi baxhotyiswa ngezakhono njengababhexeshi beekqubo zophuhliso okanye zokutshintsha. Umgaoqo-nkqubo ngezona nkono zibubuncinane zifaneleke kwimfundo eyodwa kubafundi abaneengxaki ngokomoya okanye nokuziphatha iphunyeziwe njengomgaqo-nkqubo we-WCED, kwaye neencwadana ezizizikhokelo sezibhaliwe zasasazwa ezikolweni.
- c) Umsebenzi obonakalayo wenzive kumbandela wokwazisa ngomba wengxowa yoluntu kwi-WCED, ulwazi olungekaqinisekiswa ngemisebenzi eyahlukeneyo kwizithili Iwaqokelelwa ngeenjongo zokuqulunqa isicwangciso-qhinga esizeleyo sengxowa yoluntu. Iphulo lezikolo noluntu ngo-Agasti 2006, elazisa ngu-MEC laliyimpumelelo. Njengomba ophambili kwinxaxheba ye-WCED ekwakheni ingxowa yoluntu, iqumrhu leBhunga eliMele aBafundi (RCL) laqulunqwa ngoJuni 2006. nangona iinzame zokuqulunqa umbutho wee-SGB zingekaphumeleli, iNkomfa yee-SGB ibibanjwe ngo-2006/07.
- d) Inkqubo yokuFundiswa ngooNtanga ye-HIV/AIDS iqhwatyelwe izandla lihlabathi jikelele. Sithetha nje kwizikolo zamabanga aphakamileyo ezili-136, kusetyenzisa iinkokeli ze-NPO ukuncedisa amaqela abafundi abafanekileyo (i) ekufundiseni ngokusesikweni oontanga babo (imfundiso ngokuzikhushela echanekileyo, esekelwe kwizakhono nengqale kubafundi); (ii) ekobonakaliseni indlela engumzekelo ophilileyo yokuziphatha (bakhuthaze iindlela ezixhasa ukuziphatha ngokufanelekileyo ngezesondo nezinyhasha ukuziphatha kakubi ngokuzixabisi ngezesondo neengozi ezihamba noko); (iii) ekuqapheleni ulutsha olufuna oncedo olungaphaya babathumele abo kwiindawo ezinoncedo (oonontlalo-ntle/amaziko engcebiso); (iv) kwanokuba babe ngabaphambili abamele ukulwa izibonelelo ezilulutho kubo nakoontanga babo (izinto ezifana nokuya kuzifunela iingcebiso novavanya-gazi, iinkonzo zeekliniki ezifanelekileyo kulutsha kunye nokuncedisa kumaphulo okukhathalelana asekuhlaleni).

- e) Inkqubo yeZikolo namaQoqo okuKhathalela nokuXhasa (SNOCS) ijoliswe kubona bantwana bangamaxhoba alula endlala, ulwaphulo-mthetho, i-HIV/AIDS nokusetyenziswa kakubi kweziyobisi injongo ikukukhuthaza izikolo ezinenkathalo, ezibandakanyayo nezixhasayo. Ngokusebenzisana nee-SGB nemibutho yasekuhlaleni, le nkqubo ifuna ukuseka intsebenziswano okanye amaqela enkxaso asekuhlaleni – kwaye ihambelana ncam namanye amaphulo afanayo afana neZikolo eziKhuthaza iMpilo (HPS), iZikolo eziKhuselekileyo neZikolo njengaMaziko eMfundu eNgenye (EMEP). Izikolo ezingamaqoqo kuluhlu Iwezinye zizakubamba iintlanganiso yooVulindlela ukuzisa iinkonzo ezingenachaphaza zikazwelonke, ezephondo nezenginqi kwizikolo, iinkonzo ezifana nokubhaliselwa kwencwadi-zazisi, iziqinisekiso zokuzalwa, iimali zezibonelelo-mali zikarhulumente, ukuya kuzifunela iingcebiso novavanyo-gazi lwe-HIV ne-TB.

### **3) Ukuphucula uMganthatho weMfundu**

Umandela womgangatho wemfundu usengotshisa ibunzi. Ngeenjongo zokuthatha inxaxheba nokuba nefuthe kule ngxoxo, iCandelo lokuQinisekisa uBulunga le-WCED likhuphe uxwebhu lengxoxo olungomgangatho wemfundu kwizikolo zikarhulumente. Ngaphezu koku, iqela lephulo le-HCDS liyithathele phambili, kune neCandelo lokuQinisekisa uBulunga, bayalihlela eli xwebhu. INkomfa ye-16 yaMazwe ayasakuba ngaMathanga yabaPhathiswa bezeMfundu ibisanda kubanjwa, umxholo wayo ibingumgangatho wemfundu, iza kuza notshintsho lolungiso-ziphene kweli xwebhu. Ukuphunyezwa kwe-HCDS ngo-2006/07 kujoliswe koku kulandelayo:

- a) Ukuphuculwa kwekqubo kwiimviwo zamaBanga aPhezulu (imatriki): Kubafundi abangama-39 832 ababebhale iimviwo zeBanga le-12 ngo-2006, abangama-33 316 baphumelela. Oku ngama-83,7% abafundi abaphumeleleyo ngokwepesenti bebonke, ngaphantsana nje kancinci kuma-84,4% ka-2005. Kodwa abafundi abongezelelwego abali-1 238 bazibhala zonke iimviwo kwaye ama-743 aphumelela. Oku kunyuka kwamanani, kwakunye neendlela ezingileyo ekuqhutywa ngayo, kuzindaba ezimnandi kwikamva lethu.
- b) Ukuqaliswa kokusetyenziswa kwendlela yokulandela abafundi. Le nkqubo yokulandela abafundi yaqulunqwa, yaphunyezwa ngoku iyasetyenziswa kuzo zonke izikolo zikarhulemente kune nezo zinezidingo ezizodwa. Isivumelwano senkxaso eyongezelelwego noqequesho Iwezikolo ekusetyenzisweni nasekuhlaziyi iinkcukacha satyikitywa. I-WCED ifumene isiqinisekiso kwiSebe lezeMfundu (DoE) ukuba ize nekhonkco phakathi kwe-CEMIS kune neeNkqubo zokuLawula iSikolo (SASAMS).
- c) Ukuqaliswa kwezikolo ezingahlawulisiyo. UMgaqo-nkqubo weZikolo eziNgahlawulisiyo waqaliswa ukusetyenziswa ngonyaka ka-2006. Kwizikolo zamabanga aphantsi ezingama-424 ezhleleleke kakhulu ezacelwayo ukuba zifake izicelo zokuba zingahlawulisi, ezingama-419 zazifaka izicelo, oku kwanceda kwaphungulela umthwalo abafundi abamalunga nama-150 000 (15.1%) wokuhlawula iimali zesikolo ukuqala ngomhla woku-1 Meyi 2006. Ezinye izikolo ezingama-233 (ezamabanga aphantsi naphakamileyo) nazo zaba zizikolo ezingahlawulisiyo ukuqala ngomhla woku-1 Januwari 2007, oku kwenze izikolo ezingahlawulisiyo zizonke eNtshona-Kapa zibe ngama-652, ibe ngabafundi abamalunga nama-346 000 okanye ama-37,6% yabafundi bebonke.
- d) Ukuphucula inani labafundi kutitshala ngamnye: ukunyuka kwamanani ezithuba zeetitshala (ezingama-500 ezongezelelwego ku-2007) kuncede kakhulu ekuphuculen ianai labafundi kutitshala ngamnye, okuyeyona nto ibalulekileyo kwimfundu esemgangathweni. Ekuqalen konyaka ka-2007, bekukho izithuba zootitshala eseziyuniwe ezingama-30 872. Oku kubandakanya iitshala ezingama-50 ezongezelelwego zemathematika/nezenzuluwazi eziqeshwe kwiZikolo zeDinaledi, iitshala ezingama-21 ezongozelwego eziqeshiweyo kwizikolo ezahlukenyero ekujoliswe kuzo ukuncedisa ekupuhliseni eli phulo lezikolo ekujoliswe kuzo kune nezithuba ezingama-70 ezbekelwe izithili ezisi-7 ekuncedisni kumaphulo amaninzi okungenelela kuncediswa kwizikolo ezhlelelekileyo, kubandakanya ukuphucula izinga lempumelelelo kwizikolo zamabanga aphakamileyo ezingama-34 eziqhuba kakubi. INkqubo yokuNcedisa ekuFundisni (TAP) iqueshe ootitshala abangabancedisi abangama-500 kwizikolo ezili-163. Aba titshala bandedsayo baqequeshw kwiikholeji ze-FET.

- e) IsiCwangciso-qhinga seLitherasi neziBalo saqaliswa ngokusemthethweni ngo-2006 emva kokungqubanisa iintloko kuboniswana phakathi kwabachaphazelekayo kwi-WCED kwi-ofisi enkulu nakwizithili ze-EMDC. Eli phulo liqulathe –
- Ukuvavanya bonke abafundi beBanga 3 kwilitherasi nezibalo ngenyanga ka-Okthobha noNovemba 2006. Ingxelo ngeziphumo zeBanga 3 zaphuma ngoMeyi 2007.
  - Ukwaziswa ngokusesikweni kweNkubo yokuNcedisa ekuFundiseni (TAP). Oku kubandakanya ukungeniswa kootitshala abangabancedisi abangama-510 ukuba bancedise kwisiGaba esisiSeko kwizikolo ezsokola kakhulu.
  - UkuqeQeshwa kwabaCebisi ngeMfundu yokuXhasa neKarityhulam abali-100 abasuka kwii-EMDC nooTitshala bokuNcedisa ngeMfundu abangama-450 abasuka kwizikolo ezingumndilili ngokusetyenziswa kwezixhobo zokuncedisa ekufundeni nasekufundiseni (Mental Maths Flip Books, Literacy and Numeracy Manuals; MST Kit, Literacy Kit ne-Literacy and Numeracy Kit yootitshala beBanga R) kwakubanjwe ngoJanawuri nangoFebuari 2007.
  - Bonke ootitshala kuzo zonke iiklasi zeBanga 4 ukuya ku-7 kumanqanaba entsokolo u-1 ukuya ku-4 bafumana umqulu wabo oneencwadi zokufunda ezhleliwego kunye noqeQesho olumayelana nolawulo lweklasi kunye nokusetyenziswa kakuhle kweencwadi zokufunda ezhleliwego kumaqela amancinci. Izikolo ezikwinganaba 5 ngentsokolo zafumana iincwadi eziyimizekelo kunye noqeQesho.
  - Kwaqaliswa ukuwalaselwa kwezinto ezenziwa eklasini, kodwa ngenxa yeengxakana ezaphakanyisa yimbutho yootitshala kwaye kwamiswa kodwa oku kuza kuxhomekeka kwimigaqo elawula ukundwendwela amagumbi okufundela ekuza kuvunyelwana ngayo.
  - Bonke abacebisi bekharityhulam namagosa okuncedisa ngemfundu afumana uqeQesho olunzulu ngelitherasi nezibalo, abathi babelana nabo nootitshala ababancedisayo njengesicwangciso-qhinga selitherasi nezibalo.
  - Njengenxalenyne yesi sicwangciso-qhinga, uMgaqo-nkubo weLwimi lokuFunda okhuthaza ukusetyenziswa kwelwimi lwenkobe kwimfundu kwiminyaka yokuqala emithathu yesikolo waqlunqwa wahanjiswa ezikolweni ngo-2006 waxoxwa ngakumbi kucweyo leLwimi kwiMfundu elalibanjwe ngoJulayi 2006.
- f) Ukuphunyezwa kwe-NCS. Ukuqaliswa kwe-NCS kumabanga 10-12, kuqalwa ngeBanga 10 ngo-2006, ukuxhasa ukusetyenziswa kwe-NCS kwiBanga 10 nokulungiselela kootitshala iBanga 11 ngo-2007 kuhambe kakuhle kakhulu. Amaphulo ahlukeneyo okulungiselela abandakanya inkomfa yeenqununu nabaphathi bezikolo eyaba yimpumelelo kakhulu. UkuqeQeshwa kootitshala abangama-5 648 be-FET iBanga 10 ukuya kwele-12 kuqhutwe ngoJuni, kolu qeqesho kwakukho iiklasi ezitsalayo kwizifundo ezitsha, ezibandakanya ezolimo, izifundo zomdaniso, izifundo zeteknoloji (ezibandakanya i-CAT ne-IT). lindibano zocweyo zazibaniwi ngeeholide zesikolo zikajanuwari ngo-2007 zibanjelwe ootitshala abangama-367 abangenamava ngezfundo ze-FET ezingundoqo. I-National Business Institute yalungiselela yaxhasa ngemali uqeQesho lweetitshala ezingama-30 zamaBanga 10 ukuya kwele-12 ababengaQeshwanga kwisifundo esitsha, uKhenketho, ngeli thuba yona i-Elsenburg Agricultural College yayinoqeQesho Iwangaphakathi lweziFundo ngeziTyalo, umxholo omtsha wekharityhulam, nootitshala abangama-35 abafundisa izifundo zeZolimo ezithathu.

Nangona iziphumo zesiqingatha sonyaka zeBanga 10 bezikhe zaxhalisa ekuqaleni, iinkqubo ezintsokothileyo zokuncedisa zisetyenzisiwe ezikolweni ukubanceda ukuba baphucule ezi ziphumo. Ekugqibeleni izinga lokuphumelela kwiziphumo zeBanga 10 ngo-2006 belingama-68,4%. Eli zinga lokuphumelela lifana naweminyaka edlulileyo eBanga 10. Awona mazinga aphantsi okuphumelela aqhele ukuba kwiBanga 10. Ukuqaliswa kwe-NCS kwiBanga 9 ukusukeka ngo-2007 kuza kunceda ukusombulula oku kungadibani phakathi kwezigaba iMfundu noQeqeshe Jikele (GET) kunye ne-FET. lingxelo zethutyana zevinga lokuphumelela kwiziphumo zokuphela konyaka zibonakalisa ukuba izinga lokuphumelela ngama-74%, uMzantsi Kapa/Karoo ubonakalisa ukunyuka kuneminyaka edlulileyo.

Ootitshala balamkele ngezandla ezishushu uqequeso nge-NCS yamaBanga R ukuya kwele-9. Ukuqhubeleka kuqaliswa ngokusetyenziswa kwe-NCS kumaBanga 7-9 kwancediswa naziindibano zokuqhelanisa ezintsku-ntlanu zootitshala. Ngo-2006, ama-2 800 ootitshala beBanga 8 nele-9 bayo kwezi ndibano ngoJulayi noSeptemba 2006 ukubalungiselela ukuba bakwazi ukusebenzisa i-NCS kumaBanga 8 nele-9 ngo-2007. Ootitshala bafumana iinkcazeloz commandla wokufunda, izikhokelo zenkqubo yokufunda kanye nezhokelo zohlolo zommandla wokufunda.

li-CTA zeBanga 9 zahanjisa kuzo zonke izikolo. Ukubonelela ngeencwadi ezonegezelelweyo kwezikolo zeBanga 8 nele-9 ezikumanqanaba asezantsi ngokusokola ngephulo le-Inkxaso kubayimpumelelo ingakumbi ekuqinisekiseni ukuba abafundi banazo izixhobo zokufunda nokufundisa. Ukuqequesha kootitshala beBanga 8 nele-9 kuqhutywe ngoJulayi noSeptemba 2006 ukubalungiselela ukuqaliswa i-NCS kumaBanga 8 nele-9 ngo-2007. Ootitshala bafumana iinkcazeloz commandla wokufunda, izikhokelo zenkqubo yokufunda kanye nezhokelo zohlolo zommandla wokufunda.

Izixhobo zokuncedisa ukufunda nokufundisa, ukuxomezelela kwebezithengwe zizikolo ngengxowa yemiMiselo nemGangatho bazinikiwe abafundi abakumaBanga 8 ukuya kwele-11 ukuncedisa ekuqalisweni kwekharityhulam.

- g) **Ukuqetenyenisa kwe-ICT:** I-WCED ngabanye boovulindlela kweli lizwe ekusebetyenzisweni kwe-ICT ezikolweni. Ubuxhaka-xhaka beekhompyutha bagqitywa ukufakelwa kwizikolo ezingama-225 ngonyaka-mali u-2006/07. Ngaphezu koku, amalungiselelo ayaqhuba ezinye izikolo ezingama-73 ezizakuggitywa ngo-2007/08. Ukuza kuthi ga ngoku, iphulo iKhanya lincelide izikolo ezingama-575 ukuze zikwazi ukusebenzisa i-ICT ngendlela eyiyo, kwaye kukho ezinye izikolo ezingama-276 ezikumanqanaba ahluleneyo okuzilungiselela. Kukho iikhompyutha ezingama-22 271 ezisetyenziswa zizikolo eziphantsi kweKhanya, ubuchwepheshe beteknoloji busetyenziswa ngokukuko ngama-14 993 abafundi kwizifundo zabo, bona abafundi abafikelela kuzo bazisebenzise bangama-496 207. Ukukhula kwicala lokunxibeliana nokuqhagamshelana ngeekhompyutha ezikolweni nokuqhubeleka kunikeyelwa iziseko ezibalulekileyo ze-ICT ezikolweni kuza kulungiswa nge-CEMIS, iKhanya kanye nePhulo loNxibeletwano ngeengingo (TK).

iKhanya iyahlonitshwa njengeengcali kwi-ICT yasesikolweni. Ngexesha kunikwa iingxelo, iKhanya yaphumelela imbaso yesilivere kumsitho weNkulumbuso i-2006 Service Excellence Awards (amawonga ephondo), kwaye yayo ephumeleleyo kwi-Leader in Empowerment Award kwi-2006 Technology Top 100 Awards (amawonga esizwe). IPHulo iKhanya lumphumelele enye iMbasa yeGolide ngokugqwesa kwi-Impumelelo Innovations Award Trust. Lo mbutho uwonga amaphulo aphum'izandla, abandakanya intsebenziswano norhulumente ephucula umgangatho wobomi kwiqingqi ezihlelelekileyo ngendlela ezinobuchule. Isicatahulwa esikule mbasa sifundeka ngolu hlolo:

"Indlela ebanzi neeqiqileyo yokufundisa kumagumbi okufundela kwiNtshona-Kapa iphela yiyona isemva kokufakwa kweekhompyutha kumagumbi okufundela ezikolweni kule minyaka mihanu idlulileyo. likhompyutha azifakwa nje ziyekwe; ootitshala bayaqeqeshwa, izikolo zifakelwe ubuxhaka-xhaka be-intanethi obuntsokothileyo nobukhawulezayo kwaye izikolo kufunwa zisebenzisane neli phulo ngoku nazo zibile zisiya ngakhona ukuze nazo zibonakalisa ukuzinikezela. Inkxaso esuka kwingingqi ezikufutshane ibangele ukuphunguka kobusela njengoko abahlali isikolo nabo besenza esabo."

I-Gold Impumelelo Award yimbasa ye-11 ekuwongww ngayo iphulo iKhanya kule minyaka mibini idlulileyo.

h) Ukuphucuka okuqhubeckayokokufikeleka kweBanga R, umgangatho wokufunda nokufundisa kwaBanga R, ukuqaliswa kwenkubo yezibonelelo kubafundi beBanga R nokunikezelwa kwezixhobo zokufunda nokufundisa ukunceda abafundi bazanezise iimfuno zekharityhulam yesizwe: Isicwangciso-qhinga esihlanganisiwego soPhuhliso IwaBantwana abaseLula saphunyezwa yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo nesiCwangciso seSizwe esiHlanganisiwego sazisa ngokusesikweni ngo-Oktobha 2006. Bonke abafundi bayabonelewa endaweni yalaa ma-30 ayimeselwe kwiklasi nganye. KwiBanga R, i-WCED isiphinde kabini isibonelelo sisuka kwi-R3 siye kwi-R7 ngomntwana ngosuku lwasikolo, kodwa kuphinde kushiya-shiyane kusuke kwi-R3 kuye kwi-R7 kuxhomekeka kwimeko yomntwana yokusokola, kwaye i-WCED iza kukhokela uqequesho lwbancedisi be-ECD abangama-900 abaza kukhethwa liSebe lezoPhuhliso loLuntu, njengenxalenye yenqubo ye-EPWP. Ukunqanda ukulibaziseka koku, i-WCED icele amaziko (iikholeji) e-FET ukuba ibe ngawo la aqhuba olu qequesho. Ezi nkubo zoqequesho ziza kuqala ngonyaka-mali u-2007/08.

i) Ukugqwesa kwephulo: I-WCED iphumelele iimbasa ezintandathu kwezisibhozo zokugqwesa kwi-2006 Premier's Excellence Awards. I-WCED ibinamaphulo asi-9 kwabeli-13 ebengenelele. Iphulo leBreede River/Overberg ABET liphumelele imbasa ephezulu.

Igolide: Breede River/Overberg Project – INtsuku ezili-160 zokuNgenelela kumaZiko e-ABET Isilivere: Khanya Project; kunye neeNkonzo zemiBuzo ze-WCED Ibronzi: SA Schools Choral Eisteddfod Project (SASCE); Cape Teaching Institute; LSEN IProjekthi yaCebisi (IMfundeneziDingo eziZodwa).

Amanye amaphulo e-WCED abengenelele ngala: Western Cape Movement Education Association, the Teaching Assistant Project (TAP) and the Curriculum ICT/KM Unit. The Gold Peer Education Programme, ezifakwe ngokubambisana kwe-WCED neSebe lezeMpilo, ibiyinxalenye yebezengenelele (kwaye yayiphumelele imbasa yehlabathi ye-Commonwealth 'Good Practice in Education').

j) IPhulo LeThala leencwadi eliHambayo, eliqhutywa ngokuncedisa yi-EDULIS yaphumela i-Star Award. Kwi-Impumelelo Innovation Awards Trust. Ngokuncedisa nguMbutho oNgekho Phantsi koRhulumente (NGO) waseJapani, i-Together Africa and Asia Association (TAAA), iibhasi ezilithala leencwadi elihambayo ziyathengwa kwaye izikolo ezikwiindawo ezingafikelekiyo emaphandleni neengingqi ezhlelelekileyo nazo ngoku ziakwazi ukufikelela kumathala eencwadi. Ngoku eli phulo libandakanya izikolo ezise-Elgin, eKhayelitsha, Vredendal naseZoar.

#### 4) **Ukuphucula ukufikelela eMisebenzini nakwiZakhono eziNqabileyo**

Ukuphuhliswa kwezakhono ezingabileyo ngemfundo esesikweni nengamiselwanga nguwona mbandela ubalulekileyo kwi-HCDS. Inoku engqondweni, i-WCED iqalise ngala maphulo:

a) Izikolo zeDinaledi ezingama-50 zityunjiwe kwaye ziza kuqhubeleka zincedisa kufundiso lwezfundo eziphuhlisa imathematika, ezenzululwazi neteknoloji kwiphondo. Ezi Zikolo zeDinaledi zili-10 zanyuswa zangama-40. Ngaphezu koku ezinye izikolo ezili-10 ezigxinisa kwiMathematika nezeNzululwazi zongeziwe ukuxhasa imfundoyemathematika nezenzululwazi kwiphondo. Ootishala kwezi zikolo bafumene inkxaso noqequesho olunzulu ngenjongo zokuqinisa izibalo kwiBanga 8, ulwazi lwemathematika namaqhinga okufundisa, ukufundisa imifuniselo yezenzululwazi nokufundisa, kodwa ingelalwimi labo lasekhaya. USekela-Mpathiswa wezeMfundowesizwe no-MEC bandwendwela ezizi zikolo zikhethiyeo zeDinaledi baya kujonga inkqubo. Ezi zikolo zancedisa ngezixhobo zemathematika nezenzululwazi, iziko lekhompyutha elinako konke okufanelekileyo kuziswe yiKhanya kunye noqequesho lotitshala nabala wuli nalo yiKhanya, ukuqhutywa kwezfundo zaxa izikolo zivaliwe phakathi enyakeni nabafundi beBanga 12 ngemathematika nezenzululwazi kunye nezfundo ngamakhondo, njl njl. Izikolo ezingama-50 zabhala iimviwo ezifanayo kwaye zakhululelwaukuba ziqalise amaqela amancinci okufundisana ngemathematika. Inani elivisayo lootitshala babezibandakanya nemisebenzi emininzi yokuziphuhlisa ngomsebenzi wabo.

- b) INkqubo yeZikolo ekuJoliswe kuzo ekhethekileyo yaziswa ngokusesikweni. Izikolo ezingama-28 zizonke zobuNjineli, uBugcisa neNkcubeko, ezeMidlalo, noLawulo lweShishini zachongwa. Ezi kolo ekujoliswe kuzo zinika imfundu ekhethekileyo kubuGcisa neNkcubeko, uShishino, uRhwebo noLawulo; kunye nobuNjineli neTeknoloji. Imali yachithwa kwizibonelelo ezisisiseko ukulungiselela ezi zifundo kujoliswe kuzo, kubandaknaya nokuhlaziya kweendawo zokusebenzela ezisibhozo. INkomfa yobuGcisa neNkcubeka yabanjwa ngempumelelo ngootitshala neenqununu. Izifundo zokuxabangela zaqhutywa ukuphela kwekota kubo bonke abafundi beBanga 8 abaza kufunda izifundo zoMdaniso, uMculo, ubuChule beMiboniso nokuYila, ubuChule boMdlalo weQonga (iDrama), uRhwebo kwiBanga 10. Ootitshala abangama-30 babhalisa kwizifundo ze-ACE kumacandelo ezorhwebo, ezaziqhutywa ngoFebruwari 2007. Ootitshala beziFundo ngezoBomi bayo kwiindibano zocwego ukuqoqa nokulola izakhono zabo zezifundo ngamakhondo besebenzisa i-intanethi babonise abantwana ihlabathi namathuba emisebenzi nokufunda. Ezi zikolo zanikwa ezinye izixhobo zokuncedisa ukulungiselela ukuba zikwazi ukuzalisekisa iinjongo zazo eziphambili zokuba zizikolo eziggwesileyo kummandla ezijolise kuwo. linkomfa neendibano zocwego zezikolo ekujoliswe kuzo zabanjwa ngezifundo zobuGcisa neNkcubeko, ubuNjineli neTeknoloji, uShishino ngoRhwebo noLawulo, kunye neziFundo ngezoBomi, abathunywa ababekhona bebonke babe ngama-850.

Nangona kukho inkqubela ethe chu ekuqaliseni nasekuzeni nezikolo ekuza kujoliswa kuzo, ukungacebi kakuhle kwangaphambili kushiye izikolo zingazilungiselelanga kakuhle ukuggibezelela nokulandela izicwangciso zazo. Kodwa kunjalo, eli phulo ngoku liyaqhuba kwaye kulindeleke ukubonakala iziphumo ezincumisayo.

Intsebenziswano yokuba nguMmi weHlabathi yaqaliswa kuba kufunwa ukukhuthazwa izifundo ngamakhondo, ingakumbi kwizikolo ekujoliswe kuzo. Izifundo ze-ACE ziyafundiswa ngamaxeshwa asemva komsebenzi e-Cape Peninsula University of Technology kootitshala abangama-20 bezikolo ekujoliswe kuzo. INkqubo ebenempumelelo kakhulu "Yamachule ekhaya" iqhutywa kwizikolo ezisi-9 ezijolise kubuGcisa neNkcubeko. Abafundi abali-1 000 bathathe inxaxheba kwizifundo ukubalungiselela izifundo ekuza kujoliswa kuzo kwiBanga 10.

Iphulo loKwazisa ngeeMaphu liqhutywe nabacebisi bekharityhulam nootitshala abangama-85 kwizikolo ekujoliswe kuzo nezinye izikolo ezininzi ezikhethiweyo

Iqumrhu lezikolo ekujoliswe kuzo lamiselwa eWest Coast/Winelands kunye naseMetropole East.

- c) Ukuguqulwa kweekholeji ze-FET kwiphondo kuqhuba kakuhle kakulu – oku kubandakanya ukuqwalasela kokuqaliswa ukusetyenziswa kwekharityhulam entsha (ehambelana neemfuno zesiCwangciso-qhinga soPhuhliso loQoqosho olukwizinga elisezantsi (MEDS) nezinto eziphambili zesiswe), ukuhlaziya kwezibonelelo zophuhliso nokuqwalasela abasebenzi kwakhona. likholeji ze-FET ziza kuba ngumqolo we-HCDS nokupuhhlisa izakhono ezingqabileyo kwiphondo. Ukuguqulwa kwazo zonke iikholeji ze-FET ezi-6, kuqwalasele kakhulu kupuhhliso lwezakhono ezhambelana ne-MEDS neemfuno zeszwe njengoko zicacisiwe kwisiCwangciso-qhinga seSizwe soPhuhliso IwabaSebenzi , kuqale ngenkxaso-mali efunyenweyo yakhutshewa kwiikholeji ze-FET ngoMeyi noNovemba 2006. Ukuguqulwa kweekholeji ze-FET kusekelwe ekuqaliseni kokusebenza kweeNkqubo zesiQinisekiso (ubuChule) zeSizwe ezili-11 (NCV). NgoJanuwari 2007 iikholeji zabhalisa abafundi abangama-3 222 kwiinkqubo ezintsha ze-NCV ezili-11.
- d) Ingxowa yeNkxaso-mali/mboleko-mali yeeKholeji ze-FET ineda abafundi abahlelekileyo abafuna ukuqhubekeka nemfundu yabo ukuze bafumana imfundu ebalulekileyo eza kubenza ukuba bawkazi ukuqeshwa. UKusukela ngomhla wama-31 Matshi 2007 ama-R37 241 ezigidi anikwe abafundi njengemali-mboleko kwaye abafundi abangama-9 690 bafumana kule mali.
- e) Isebe liqalise ngephulo lophando ukuqwalasela ngokutsha isibonelelo seenkonzo ze-ABET kwiphondo. I-Centre for Adult and Continuing Education kwiSebe lezeMfundu kwiDyunesiti yaseNtshona-Koloni iqhubo uPhando oluVavanyayo lweNkqubo yeMfundu yabaDala noQeqesho olusisiSeko yangenisa ingxelo ngoDisemba 2006. Emva kokuba olunye ulwazi olongezelelwego lwaye lacelwa ingxelo yokugqibela yangeniswa ngo-Apreli 2007.

- f) Ngenxa yengxaki yokufakwa kwabafundi kwiZikolo zeZakhono, isiKolo zezaKhono eMitchell's Plain savulwa ngoJanuwari 2007 kunye nesiKolo sezaKhono iSiviwe savulwa eGugulethu ngo-Apreli 2007.
- g) Ootitshala beziFundo ngezoBomi beBanga 9 baqeQeshwa bancediswa kwizifundo ngamakhondo ngokusetyenzisa kwenqubo i-PACE. UqeQesho ngezifundo ngamakhondo ekusetyenzisweni kwePACE laqhytuya nootitshala abali-171 bamaBanga 10, 11 nele-12. Ootitshala beziFundo ngezoBomi beBanga 9 kwizikolo ekujoliswe kuzo baqeQeshelwa ukuncedisa abafundi ekukhetheni izifundo kwiBanga 10. Njengelinge lokuqala, abanye ootitshala abangama-37 beBanga 7 baqeQeshelwa ukuncedisa abafundi kwizifundo ngamakhondo kwaye olu lwazi beza kulisebenzisa kwizikolo ekujoliswe kuzo. Umgao-nkqubo wezikolo wezifundo ngamakhondo uyaqulunqwa, kwaye izikolo ziza kuwunikwa apha ku-2007.

### **5) Eminye imimandla emayiqwalaselwe – izicwangciso-qhinga zenqubo**

- a) Isiphakamiso sokulungelelanisa koluhlu lwemisebenzi nezhikhundla le-WCED kwiimfuno zenqubo ye-HCDS savunywa yiKhabinethi. Ngoku ukuyilwa ngokutsha kwe-WCED kunezi zigaba zilandelayo:
  - Isigaba 1 sibandakanya ukuqalisa iphulo nokucwangcisa utshintsho oluza kwenziwa;
  - Isigaba 2 sibandakanya ukuphonononga imilo le ikhoyo ye-WCED ngokwe-HCDS kubonwe ezo ndawo zifuna ukuphuculwa ukuqinisekisa ukuba isebe liyazizalisekisa iinjongo zesicwangciso-qhinga;
  - Isigaba 3 sibandakanya ukutshintshwa kwesebe ngaphakathi nangaphandle ngokokufunyaniswe lumphando nophononongo olunzulu.
- b) Abasebenzi bayaphuhlisa kwiSebe kwaye kujoliswe kakhulu kootitshala (upphuhliso lootitshala oluqhubekekayo nolukhawulezayo) ngokuqinisekisa ukuba ifuthe labo livakala kangangoko kwaye bayabizwa bazokucacisa ngokweNkqubo eHlanganisiweyo yoLawulo oluseMgangathweni (IQMS) esetyenziswayo kwi-WCED.
- c) Ngokwendlela zokuziphatha kwabasebenzi gabalala, uxwebhu lonikezelo lwenkonzo laqukunjelwa. Kuqikelelwa ukuba ukuqaliswa ukusetyenzisa kwale nkqubo kuza kuqala ngo-2007 ngenqubo aphi icandelo lolawulo ne-EMDC nganye liza kuchonga imigangatho yokunikezel a ngeenkonzo.
- d) Imali eyayize ngesiCwangciso sezaKhono eMsebenzini (WSP) sika-2006/07 inikwe amacandelo olawulo kunye nee-EMDC ukuze zikwazi ukulawula iinkqubo zasemsebenzini zazo. I-WSP ka-2007/08 iza kuqulunqwa ekuqaleni kuka-2007 ukuze imali yabiwe kwanethuba kunango-2006.
- e) Isicwangciso-qhinga sokukhuthaza ootitshala sisaxoxwa kuzwelonke, kwaye iQumrhu labaPhathiswa bezeMfundu (CEM) liphakamise isivumelwano esisayilwayo aphi kucelwe ukuba amaphondo ahlomle kwindlela izikolo ezisemaphandleni emazilawulwe ngayo kule nkqubo. I-WCED yahlomla nayo.
- f) ICandelo: ukuQinisekisa ubuLunga liyile isicwangciso-sikhokelo sokuhlola nokuvavanya se-HCDS, laqhubela i-HCDS uqeQesho nabalawuli bamaphulo ekuhloleni nasekuvavanyeni, yaggiba yahambisa ingxelo yokuqala yemeko kwi-HCDS ngoNovemba. Ngaphezu koko, belincedise kakhulu ekuqulunqweni kwesicwangciso esihlanganisiweyo solawulo nemisebenzi yemihla ngemihla ye-HCDS.

### **7. Imiceli-mingeni engqalileyo neempendulo**

I-WCED, kunye nemibutho esebebisana nayo yasekuhlaleni, kufuneka iqinisekise ukunyuka okukhulu kwamanani abantu abatsha abathatha inxaxheba nabaphumelelalo kwiinkqubo ze-FET nezeMfundu ePhezulu ezincedisayo kukhulo nophuhliso Iwephondo. Okwangoku, i-WCED izamana namanani abashiya isikolo phakathi ezikolweni injongo ikukuqinisekisa ukuba baninzi abanyamezelayo kwimfundu yamabanga aphakamileyo naphezulu. Kodwa impumelelo kwimfundu yamabanga aphezulu naphakamileyo ixhomekeke ekubeni abantwana babekwiindawo ezifanelekileyo nezikhuthazayo kunye neempfundu jikelele efanelekileyo. Ukuqinisekisa ukuba ezi njongo ziyanesiswa umceli-mngeni kwi-WCED:

- kukuqinisekisa ukuba wonke umntwana ukwigumbi lokufundela elikhuselekileyo, elingena umoya ofanelekileyo, elikhanyayo nelifanelekileyo;
- kukuxhobisa kuxhaswe ootitshala kumsebenzi wabo wokufundisa;
- kukuqinisekisa ukuba kukho ulawulo olululo kuwo onke amaziko okufunda kunye naxhasayo;
- kukusebenza kweNkqubo yeSizwe yokuTyiswa eziKolweni;
- kukusebenzisa izixhobo ezilulutho ezinqabileyo kakuhle nangokulinganayo.

## **8. Imiba efuna ukuqwalaselwa okoko**

Imiba ephambili efuna ukuqwalaselwa okoko ibandakanya –

- Ukuphuculwa kwayo yonke imibandela yoxanduva lolawulo nobalo Iwezimali ngenjongo zokunyuselwa isebe libe ngumbutho ophicottha iincwadi okuMgangatho 4
- Ukudityaniswa kwamanyathelo ahlukeneyo okuqinisekisa umgangatho nokucacisa asetyenziswayo
- Izicwangciso-qhingga zelitherasi nezibalo ezingqalileyo kwisiGaba esisiSeko nesiGaba esiPhakathi ziyasetyenziswa ukucedisa abafundi abakumaBanga 3 nele-6 abangekazizalisekisi iziphumo ezifunwayo yikharityhulam yesizwe kwilitherasi nezibalo kumabanga abo.
- Uqequesho lootitshala, ukuqinisekisa ukuba ootitshala banolwazi nezakhono ezifunekayo ukufundisa ikharityhulam yesizwe nokuphucula indlela abafundi abaqhuba ngayo kuyo yonke imimandla yokufunda, luyaphuculwa.
- Isidingo sokuqinisekisa ukuba izikolo zikhuselekile, kwaye nokubeka izikolo njengeendawo ezihloniphekileyo zokufunda nokufundisa kwiindawo zethu.
- Zikhona izikhewu kulwazi oluqokelelwayo leenkukacha ngenkqubela. Isebe lilungiselela iinkqubo ezifanelekileyo ukuqinisekisa ukuba imimiselo yenqubela neenkukacha zikhona.

## 9. INKQUBO YECANDELO, IINKQUBO NENKQUBO ESEKELEYO

### 9.0 EzeMfundu zePhondo

#### linjongo ezinokulinganiswa

Ezi njongo zinokulinganiswa ▲ nezikali zomgangatho wenkqubo ► zilandelayo ziyelelene kwezemfundu zephondo:

	<b>linjongo ezilinganisekayo</b>	<b>Izikali zomgangatho womsebenzi</b>
<b>Ukufikelela</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukuqinisekisa ukuba abantwana abakwimnyaka enyanzelekileyo yokuya esikolweni bayaya esikolweni.</li> <li>▲ Ukwenza imfundu ifikeleleke okokoko kulutsha nabadala abangaphezulu kweminyaka enyanzelekileyo yokuya esikolweni.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► KGS001: Ipesenti yabantwana abakwimnyaka enyanzelekileyo yokuya esikolweni abayayo esikolweni</li> <li>► KGS002: Ipesenti yolutsha elibudala bungaphezulu kwiminyaka enyanzelekileyo yokuya esikolweni oluya esikolweni nakumanye amaziko emfundu</li> </ul>
<b>Ulingwano</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukuqinisekisa ukuba abasokolayo bayenzelelelewa xa kunikezelwa ngezibonelelo ezelulutho ngurhulumente kwimfundu</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► KGS003: Inkicitho ngurhulemente kubafundi abasokola kakhlulu njenepesenti yenkcitho karhulumente kubafundi abangasokoli kakhlulu</li> </ul>
<b>Ukusebenza</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukufikelela kwithuba apha iziphumo zemfundu zaneziswa zonke ngokukufikeleka nomgangatho ngokohlahlo-lwabiwo mali lwezemfundu olukhoyo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► KGS004: Igalelo lonyaka ngokophumelele isidanga se-FETC</li> </ul>
<b>Iziphumo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukuqinisekisa ukuba abaphumelele izidanga kwimfundu yethu balungelelene neemfuno zezoqoqosho nezentlalo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► KGS005: Ibanga elingumndilili kwizikolo zamabanga eliphunyelelwe ngabadala kwabo bantu</li> </ul>
<b>Umgangatho</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>▲ Ukwakha uluntu olufundileyo.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>► KGS006: Izinga lokufunda lwabadala</li> </ul>

#### Inkqubo

Ingeniso yesebe efikelela kuma-R24 296 ezigidi yafunyanwa ngo-2006/07. Eyona mithombo iphambili le mali ivela kuyo:

- Imali yokulawula (izavenge ze-inshorensi eziqokelelwayo)
- lintlawulo zokhutsho-kopi nokushicilela
- Imbuyiselo-mali yeminyaka edlulileyo nezimali ezitsalwayo, okkt, amatyala acinywayo

Inkcitho eyiyo ka-2006/07 xa ithelekiswa nemali esiyabelwego yayingama-97,3% ohlahlo-lwabiwo mali oluhenga-hlengisiweyo olwamkelweyo. Inkicitho engaphantsi kwebibekiwe ibangelwe ikakhulu kukonga obekunyanzelekile ngenxa yohlenga-hlengiso emivuzweni ngokwezibonelelo zenkuthazo kumaqela amaninzi ootitshala njengoko indlela yokuhlawula yayingekaggitywa phambi komhla wama-31 Matshi 2007. Kubekho ukusebensiza imali ngaphantsi kokufanelekileyo kundoqo wohlahlo-lwabiwo mali ngenxa yokulabaziseka kwezinye iikontraka apha ukwakhiwa bekungenakuqaliswa kuba bekusalindwe uvavanyo lweziphumo zokwakha kwindalo obelusensiwa. Ukulabaziseka ekufunweni kweenkonzo zoqeqesho lweengcali ze-ECD kwiNkqubo yeMisebenzi yoLuntu eYongezelelweyo (EPWP) nokulabaziseka ekuhlaziyi izikolo ezbini ezitsa zobuchule nokuqaliswa ukusetyenziswa kwesicwangciso-qhinga selitherasi kwi-WCED nako kube nendima ekusebenziseni imali ngaphantsi kunobekufanelekile.

Ubukhulu becalal eyona nxalenye ininzi yenkcitho ibe kwizikolo zamabanga aphantsi naphakamileyo, kubakandakanya izikolo ze-LSEN. Ezikolweni, abasebenzi babiwe ngokulinganayo ngokwemigaqo yezibonelelo zesithuba eso ngokwamanani abafundi axeliweyo, iqondo lendlala kulo ndawo kunye nezfundo ezifundiswayo. Inkxaso yemimiselo nemigangatho ihamba ngokwamanqanaba entsokolo esizwe, awona manqanaba asokola kakhulu efumana ngokuphindwe kathandathu kunamanqanaba angasokoli kakhulu.

- Izikolo ezininzi ezikhethiweyo zamabanga aphantsi nezinezidingo ezizodwa eziqalise ngokutya okuphekiweyo. Seluqhutyiwe uqequesho olufanelekileyo kwaye namagosa e-NSNP azincedisile izikolo eziqalisayo. Ukuza kutsho ngoku, oku kusaqhuba kakuhle.
- Imikhuba yokonakalisa yophule imimoya yootitshala ababefuna ukuqalisa ngegadi zemifuno. Amagosa e-NSNP akuqwalaselwe ukunikezelwa kwezixhobo zasekhithini phantsi kweenzima zokungabi naxesha nabantu baneleleyo. lingxelo ezisesikweni zekqubo ziceliwe kubahambisi zinkonzo nakubaLawuli beNkqubo yeNSNP kwii-EMDC ukuqwalaselwa inkqubo kulo mbandela.

### **Eminye imibandela efuna ukusoloko iqwalaselwe –**

- Iqhinga lokukhuthaza indlela eyakhayo yokuziphatha kune neendlela zokumelana nesimilo esingesihlanga kwizikolo zikarhulumente: injongo yeli qhinga intantlu-mbini: okokuqala, kufuneka isicwangciso-sikhokelo esicacisayo kune nezikhokelo zezinto emazensiwe ukukhuthaza isimilo esakhayo, okwesibini, kufuneka likwazi ukuphakamisa izicwangciso-qhinga ize kwanazo neendlela zokuzilwa ngempumelelo iindlela zokuziphatha ezingamkelekanga ezikolweni. Ukuze oku kuzalisekiswe, iinjongo zesi sicwangciso-qhinga kufuneka sikhazi (a) ukukhuthaza ukubuyela kwezikolo kwimo eyiyo zibe yindawo yemfundo ebandakanyayo, (b) ukukhuthaza indlela ephuhlisyayo, esekelwe emandleni nasekuqequeseni izimilo ezingezizo, (c) nokuxhobisa ootitshala ngezakhono ukuze bakwazi ukulungisa abafundi abasokolisayo ngendlela ephuhlisyayo neqequeshayo nokuqikinisekisa ukuba kukho iinkqubo ezisebenzayo nezisemgangathweni, iinkonzo nemfundo kubantwana abakwezi meko.
- Ukwalatha izikolo ezingasebenzi kakuhle: Amaqela enza imisebenzi emininzi akhomba iingxaki ezikwezi zikolo; eze namacebo okusombulula ezi ngxaki ekhokelwa yinkokeli yephulo; aplo kuyimfuneko khona uncedo lwemibutho yangaphandle lucelwe; ezo zikolo zifumane iinkqubo zoqequesho zesebe; ukuba konke oku akulungi, ezo zikolo ziye zinikwe ingcali yokucebisa; ukuba nalapho akukho myhi isikolo siqwalwe phantsi ngokutsha.
- Ungenelelo kumabanga amaninzi: Ukuncedisa izikolo ezifundisa amabanga amaninzi kwiklasi nganye ngendlela yazo yokufundisa; Kugxininiwa ekusetyenziswe kwe-ICT ukuncedisa iindlela zokufundisa amabanga amaninzi.
- IPHulo lokuBhalisa kwangeThuba: Likhuthaza izikolo ukuba ziqualise ukubhalisa abafundi ekuqaleni konyaka kuze kugqityezelwe emaphethelweni onyaka; ukugqitywa kweethaymthebhule nokonyulwa kootitshala abaza kuqeshwa ukuze izikolo ziqualise ukufundisa ngosuku lokuqala lokuvelwa kwezikolo; ukubonwa kweendawo ezinokubayingxaki ngokwamagumbi okufundela kukwazi ukuba kulaleiselwe kwangethuba.
- Imfundo ebandakanyayo iyaqalisa ukusetyenziswa ngokwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo lezeMfundu 6: Ukuqulunqwa kwemfundu ebandakanyayo nehlanganisiweyo kune nekqubo yokuqequesha ibandakanya ukuxhobisa izikolo ezinezidingo ezizodwa zisebenze njengamaziko ezixhobo ezisisiseko, nokuphuculwa kwezikolo zikawonke-wonke ukuba zibe zizikolo zayo yonke into, nokuqequesha kwamaqela ancedisa ezikolweni kune namaqela asebenzela isithili. Le nkqubo isavavanywa ukuze kulungiselelwe i-DoE ukulungiselelwa imimiselo nemigangatho xa isenza uhlahlo-lwabiwo mali, ixhobela izithuba eziza kuvulwa, ilungiselelwa ukunikezelwa kweenkonzo zokuncedisa icacelwe kuko konke.
- Ii-EMDC nemibutho yazo eyahlukeneyo zindwendwela onke amaziko emfundu ziwancedise kumaphulo okuxhobisa ngezakhono ngokweemfuno namanyathelo awahlukeneyo afunwa ukuthathwa, umz. ukonyula amabhunga amatsha okulawula izikolo, imiba yevezimali, ikharityhulam, njl njl.

### 9.3 INkqubo 3: Izibonelelo zezikolo ezizimeleyo

#### injongo yenqubo

Ukuxhasa izikolo ezizimeleyo ngokuhambelana noMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika, 1996.

#### Inkqubo yeZibonelelo zeZikolo eziZimeleyo yenziwa zezi nkqutyana zilandelayo:

##### *Inqanaba lokuqala*

- ukuxhasa izikolo ezizimeleyo kuMabanga 1 ukuya kwele- 7
- inqanaba lokugqibela*
- ukuxhasa izikolo ezizimeleyo kuMabanga 8 ukuya kwele-12

#### linjongo ezilinganisekayo

Ezi njongo zilinganisekayo zilandelayo (▲) nezilinganisi zomsebenzi (►) zinxulumene neNkqubo 3: Izibonelelo zezikolo ezizimeleyo:

	linjongo ezilinganisekayo	Izilinganisi zomsebenzi
Umgangatho	▲ Ukuqinisekisa ukuba imfundu esemgangathweni iyaqhube ka kwizikolo ezizimeleyo.	► PM301: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ezityelwelwe ngeenjongo zokuphonononga

#### Okwenzekileyo kumgaqo-nkqubo wenkqubo ngo-2006/07

Zonke izikolo ezizimeleyo ezibhaliswe ne-WCED kwanezithobela iimeko zesibonelelo njengoko kubekiwe kwiiNtsulungeko neMigangatho kaZwelonke yokuXhasa iZikolo ngezeiMali zinelungelo lenkxasomali ephuma kwiSebe. Izibonelelo zinikezelwa ngokunxulumene nenqanaba nemirhumo yezikolo ebizwa zizikolo ezizimeleyo. Izikolo ezinelungelo ezibiza eyona mirhumo iphantsi zifumana ilungelo lelona nqanaba liphezulu lesibonelelo, esilingana nama-60% e-avareji yendleko yephondo kumfundu ngamnye kwisikolo esiqhelekileyo sikarhulumente.

Kungokunje kukho ama-205 izikolo ezizimeleyo ezibhalisiwego eNtshona Koloni. Ezi zikolo ziginya uluhlu lwabafundi abaphuma kwiintsapho ezaqlukeneyo zentlalo-qoqosho kwaye zibalulekile zikwangamaqabane axabisekileyo kunikezelo lwemfundo kwiphondo.

Kunyakamali ka-2006/07, i-WCED inikezele ngezibonelelo kwizikolo ezizimeleyo ezingama-87 eNtshona Koloni. Ezi zikolo zizimeleyo zibonelela ngamathuba okufunda kubafundi abavinjwe amathuba kwiphondo.

ST301	IZIBONELELO ZEZIKOLO EZIZIMELEYO – lindlela ezingundoqo	2004/05 Ejona	2005/06 Ejona	2006/07 Okujoliswe kuko	2006/07 Eyona
<b>INTLAWULO NGOKWENQUTYANA (R'000)</b>					
3.1 Inqanaba lokuqala		15,673	17,432	19,270	15,902
3.2 Inqanaba lokugqibela		14,088	15,013	14,857	18,357
<b>ITOTAL</b>	<b>29,761</b>	<b>32,445</b>	<b>34,127</b>	<b>34,259</b>	
<b>INTLAWULO NGOKOHLELO LWEZOQQOSHO (R'000)</b>					
Intlawulo yangoku		-	-	-	-
Imbuyekezo yabaqeshwa		-	-	-	-
limpahla neenkonzo nokunye kwangoku		-	-	-	-
Ukutshelo nezibonelelo		29,761	32,445	34,127	34,259
Intlawulo zee-assethi zemali		-	-	-	-
<b>ITOTAL</b>	<b>29,761</b>	<b>32,445</b>	<b>34,127</b>	<b>34,259</b>	
<b>UKUQESHWA KWESITAFU</b>					
Inani lee Titshala (eziqeshwe ngurhulumente)		-	-	-	-
<b>UBHALISO</b>					
Abafundi abakwizikolo ezizimeleyo ezifumana isibonelelo		16,747	16,837	17,006	17,964
3.1 Inqanaba lokuqala		10,973	11,177	11,289	11,843
3.2 Inqanaba lokugqibela		5,774	5,660	5,717	6,121
Abafundi abakwizikolo ezizimeleyo ezingaxhaswa ngezimali					6,170
AMlabanga 1 ukuya kwele-7					
AMlabanga 8 ukuya kwele-12					
<b>ITOTAL (bonke abafundi bezikolo ezizimeleyo)</b>	<b>16,747</b>	<b>16,837</b>	<b>17,006</b>	<b>24,134</b>	
<b>AMAZIKO</b>					
Izikolo ezifumana isibonelelo		75	81	81	87
3.1 Inqanaba lokuqala		55	60	60	65
3.2 Inqanaba lokugqibela		20	21	21	22
Izikolo ezingafumani sibonelelo		100	104	104	118
<b>ITOTAL</b>	<b>175</b>	<b>185</b>	<b>185</b>	<b>205</b>	
Izikolo ezifumana isibonelelo ezityelwelwe enyakeni ngeenjongo zokuphonononga (b)		-	-	41	0
<b>UMLINGANISELO WOMSEBENZI</b>					
► PM301 : ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ezityelwelwe ngeenjongo zophononongo (ba)		-	-	50.6%	0%

## **Imicelamngeni ethile neendlela zokuyihoya kwanemiba efuna ingqwalasela eqhubayo**

Njengoko uMgaqo-siseko ubeka ukuba nabani na angaseka isikolo esizimeleyo, kuluxanduva Iwe-WCED ukuqinisekisa amalungelo omgaqo-siseko omntwana okufumana imfundu esemgangathweni kwindawo ekhuselekileyo. Ngexesa lenkqubo yobhaliso ingqwalasela eyodwa inikwa ekuzibopheleleni neziphumo zeeNgxelo zeKharityhulamu kaZwelonke, iziqinisekiso zeetitshala nemiba yezempilo nokhuseleko.

Inani lezikolo ezifumana isibonelelo linyuke ukusuka kuma-81 ngo-2005/06 ukuya kuma-87 ngo-2006/07 laza inani lezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo lenyuka ukusuka kwi-185 ukuya kuma-205 ngeli xesha linye.

Ukuqinisekisa ukuba imfundu esemgangathweni iyaqhube kwizikolo ezizimeleyo, ibe ziinqjongo ukutyelela ubuncinane ama-50% ezikolo ezifumana isibonelelo ngonyaka. Nangona kunjalo, ngenxa yemiqobo eyayamene nabasebenzi akukho nasinye kwezi zikolo esithe satyelelwa ngo-2006. I-WCED ikwinkqubo yokuqinisekisa ukuba ubuncinane ama-50% ezikolo ezizimeleyo ezifumana isibonelelo ziyatyelelwa qho ngonyaka kwixa elizayo.

Izikolo ziphononongwa zibekwe kufutshane ukuqinisekisa ukuba zibonelela ngemfundu nokufundisa okusemgangathweni. Okuveliswa zizikolo ezizimeleyo ezifumana isibonelelo kophononongwa ngeliso elibukhali kuze kuhlalutywe rhoqo ngonyaka. Izibonelelo zingahlengahlengiswa ngokweemeko. Nangona kunjalo, izikolo ezimbalwa ezizimeleyo zineerekodi ezimbi kakhulu kuvavanyo lwamanqanaba aMabanga 3 nele 6 nkwele-12. Ngokwe-avareji ziqhube kakuhle ngaphezu kokusikwe liphondo kwimiyinge yokuphumelela nokuqinisekisa. Izikolo ezithathu zifumene ingqwalasela eyodwa kwaye zibakalise uphuculo olungummangaliso kwiziphumo zazo zematriki ngo- 2006.

## 9.4 INkqubo 4: Imfundo yezikolo ezizodwa karhulumente

### Injongo yenqubo

Ukubonelela ngemfundu karhulumente kwizikolo ezizodwa ngokuhambelana noMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 nePhepha loGayozimvo 6 ngeMfundu eQuka Wonke uBani.

### Inkqubo yezikolo yezikolo ezizodwa karhulumente yensiwa zezi nkqutyana zilandelayo:

#### Izikolo

- ukubonelela izikolo ezithile ezizodwa zikarhulumente ngemithombo

#### iinkonzo zeengcali

- ukuxhasa izikolo ezizodwa zikarhulumente

#### Uphuhliso lweCandelo lezabasebenzi

- ukubonelela ngophuhliso lobungcali lweetitshala nabo bangezoototshala kwizikolo ezizodwa zikarhulumente

### Injongo ezilinganisekayo

Ezi njongo zilinganisekayo zilandelayo (▲) nezilinganisi zomsebenzi (►) zinxulumene neNkqubo 4: imfundo yezikolo ezizodwa zikarhulumente:

	Injongo ezilinganisekayo	Izilinganisi zomsebenzi
Ufikelelo	▲ Ukubonelela ngofikelelo kwizikolo zikarhulumente ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo kwanemigaqo yemfundu equka wonke ubani	► PM401: Ipesenti yabantwana abaneemfuno ezizodwa ababudala bufuna imfundu esisinyanzelo abangabhaliswanga kumaziko ezemfundu

### Okwenzekileyo kumgaqo-nkqubo wenkqubo ngo-2006/07

#### IMfundu eQuka Wonke uBani (IE)

Ukuze kuphakanyiswe ufikelelo lwabafundi abafumana imiqobo ekufundeni, uhlengahlengiso lweZikolo ezizodwa kwiphondo ngumba obalulekileyo. Ngoko ke ingqwalasela eqhubayo iye yanikezelwa ekuqiniseni nohlengahlengiso lweZikolo neenkonzo zenkxaso zemfundu eyodwa ukuphakamisa ufikelelo, ulungelelaniso, ukubuyekeza ngokuquka wonke ubani nemfundu esemgangathweni.

Ukuqiniswa kweZikolo ezizodwa/amaziko emithombo ngokuhambelana noMilielo lwePhepha loGayozimvo lezeMfundu 6 kabalulekile ukuze kubonelelw ngenkxaso eyodwa kwizikolo eziphambili nezenkonzo ezeleyo ngokubambisana namaqela enkxaso asekezelwel kwizithili. Oku kabaluleka kukwafakwe kwiprojekthi kazwelonke yokuvavanya iMfundu eQuka Wonke ubani kwizowuni ezintathu ezibalulekileyo zephondo kwaye kuquka uphuculo lwasakhono ukubonelela ngeenkonzo ezizodwa kubafundi abamfuno zenkxaso zikwinqanaba eliphezulu, nokuphucula izibonelelo zezikolo ukwenzela ukuba kuphuculwe ufikelelo. Olu vavanyo lokuqalisu lenza i-DoE ukuba ikwazi ukuqalisu ngeentsulungeko nemigangatho yohlalho lwabiwo-mali emva kobonelelo noququzelelo ionikezeloo lweenkonzo kwimeko equka wonke ubani.

Ngokuhambelana nePhepha loGawyo-zimvo lezeMfundu 6 ilinge lephondo likwakwinkqubo yokuba kuqaliswe ngalo ukuncedisana nenqubo yoqaliso lovavanyo kazwelonke. li-EMDCs zatyelelwa kusenzelwa iiseshoni zokubonisana neengxoxo kunye nomququzeleli we-IE okanye amaqela oququzelelo lwe-IE.

## **Izikolo zeZakhono**

Izikolo ezibini ezitsha zezakhono zisekiwe kwi-EMDC: kwMetropole South, ebizwa ngokuba siSikolo seZakhono saseMitchell's Plain eMitchell's Plain neSikolo seZakhono iSiviwe eGugulethu ukuze kukhawulelwane nebango elikhulu lokubekwa kwabafundi kwizikolo zezakhono, ingakumbi kwezi ndawo.

## **iSikolo sezeMidlalo saseNtshona Koloni**

iSebe leMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo ne-WCED, ekunye aseke iSikolo sezeMidlalo saseNtshona Koloni eKuils River. Esi sikolo sivulwe ngowo-1 Januwari 2007 nabafundi beBanga 8 nabeBanga 9.

## **Ukufaka imithombo**

### **liNtlawulo eziKhutshelwego**

lntlawulo ezikhutshelwego ziukha izibonelelo zentlawulo-mivuzo yabaqhubi beebhasi nabancedisi bakumagumbi okufundela, uthutho, indawo yokuhlala yasehostele, i-LTSM, iinkonzo zeengcali nezizodwa kwaneendleko zolawulo.

lntlawulo ezikhutshelwe kwizikolo ezizodwa zimiselwa ngokwenani labafundi kananjalo nezakhono zabafundi ngokusekezelwe kwimiqobo eyahlukeneyo ekufundeni, njengoko kuchaziwe kuMthetho weNgqesho yeeTitshala, 1998. AMaqela oLawulo aSekelzelwe eZikolweni akwii-EMDCs nee-SGBs ziphonononga inkcithomali kwaye iingxelo zemali zekota zibonelelwa kwi-WCED. Izikolo zingenisa iingxelo zazo eziphicothiweyo kwi-WCED ukuze ziphononongwe kwaye zingqinisiswe.

Isixamali sama-R 73 247 ezigidi sakhutshelwa kwizikolo zikarhulumente ezizodwa ngo-2006/7 saza sasetyenziselwa ukuqhuba izikolo ngokufanelekileyo.

## **Ubonelelo Iwesitafu**

Izikhundla zeetitshala ezinikezelwa kwizikolo ezizodwa zimiselwa ngokwemigaqo yezikhundla ezikhoyo kwizikolo ezizodwa kumnyazi wezithuba. Ezi zikhundla zimiselwa ngokwenani labafundi nezakhono ngokusekezelwe kwimiqobo eyahlukeneyo ekfundeni. Izikhundla zeetheraphisti zinikezelwa njengoko kuchaziwe kuMthetho weNgqesho yeeTitshala, 1998 ngokwemodeli yokwabiwa kwezikhundla ezikhoyo.

Oko kwango-2006 izikolo zikarhulumente ezizodwa zifumana isitafu sonyaka endaweni yenqubo yangaphambili yenjikeleza yeminyaka emi-3. Zonke izikhundla ezikhoyo zanikezelwa kwizkolo zikarhulumente ezizodwa ngo-2006/7.

ST401	IMFUNDU YEZIKOLO ZIKARHULUMENTE EZIZODWA – lindlela ezingundoqo	2004/05 Eyon'a	2005/06 Eyon'a	2006/07 Okujoliswe kuko	2006/07 Actual
<b>IINTLAWULO NGOKWENKQUTYANA (R'000)</b>					
4.1 Izikolo		345,224	366,447	386,038	389,112
4.2 linkonzo zeengcali		0	0	1	0
4.3 Uphuhliso lweandelo lezabasebenzi		0	0	1	0
<b>ITOTALI</b>		<b>345,224</b>	<b>366,447</b>	<b>386,040</b>	<b>389,112</b>
<b>IINTLAWULO NGOKOHLELO LWEZOQOQOSHO (R'000)</b>					
Iintlawulo yangoku		275,434	294,556	309,150	312,419
Imbuyekezo yatabaqeshwa		273,315	291,577	305,235	307,469
lititsala		216,114	225,010	235,550	236,750
Abangezotishala		57,201	66,567	69,685	70,719
limpahla neenkonzo nokunye kwangoku		2,119	2,979	3,915	4,950
Ukutshelo nezibonelelo		69,790	71,735	76,890	76,489
Iintlawulo zee-asethi zemal'i		0	156	0	204
<b>ITOTALI</b>		<b>345,224</b>	<b>366,447</b>	<b>386,040</b>	<b>389,112</b>
<b>ISTAFU</b>					
Inani lee Titshala (eziqashwe ngurhulumente)		1,480	1,480	1,544	1,538
Inani labangezotishala (abangaqashwanga ngurhulumente)		904	905	906	904
<b>UBHALISO</b>					
Ukuuya nokuquauka iBang'a 7		10,791	9,444	-	9,536
iBang'a 8 nangaphezulu		4,031	4,411	-	4,812
<b>AMAZIKO NEZIXHOBO ZOKUSEBENZA</b>					
Izikolo		76	70	70	70
► <b>IZILINGANISO ZOMSEBENZI</b>					
► PM401: ipesenti yabantwana abaneemfuno ezizodwa ababudala buyiminyaka emi-6 ukuya kwe-15 abangabhaliswanga kumaziko ezemfundo		Uvumba wembali akafumaneki		2%	23.2%
Source: * StatsSA 2005 UPhando ngokweenNsapho Jikelele – Le yipesenti yabantwana abakhubazekileyo ababudala obunyanzelisa ukuba bahambe isikolo kuthlelekswa netotalli yeanani labantwana abakhubazekileyo ababudala buntyanzelisa ukuba bahambe isikolo bengabhaliswanga kulo naiphi na izikolo lezemfundo lathelekswa netotalli yeanani labo bonike abantwana ababudala buntyanzelisa ukuba bahambe isikolo kwpiphondo.					

## **Imicelamngeni ethile neendlela zokuyihoya kwanemiba efuna ingqwalasela eqhubayo**

Kubekho ukunyuka okumangalisayo kwinani labafundi abathunyelwayo benemiqobo yokufunda ukuba babekwe kwizikolo ezizodwa kulo nyaka uphelileyo. Eyona mfuno inkulu yeyokubekwa kwabafundi kwizikolo zezakhono. Izikolo ezibini zezakhono, ezibizwa ngokuba siSikolo seZakhono saseMitchell's Plain neSikolo seZakhono iSiviwe eGugelethu kwi-EMDC: kwiMetropole South ziye zasekwa ukuphucula ufilelko kwaba bafundi. Lo ngumcelamngeni oqhubayo ukubonelela ibango elikhulu lezi ndidi zeziko. Ezinye izikolo ezibini zozakhono ziyacwangciswa ukukhawulelana nemfuno yabafundi kwi-EMDC: kwiMetropole East kulo nyakamali uzayo.

Imfundu eyodwa kufuneka iqhuba ixhaswa, kuba eli candelo linikezela ngemfundu kwabo banemiqobo yokufunda, kananjalo kwanabo badume ngowaziwa "njengabafundi abanesiphiwo". Ii-EMDCs namanqwanqwa azo ahlukaneyo zityelela izikolo ezizodwa zize zizincedise ngokwakhiwa kvezakhono malunga nemiba efana nokunyulwa kweqonga lolawulo elitsha, imiba yezemali nokuqalisa i-IQMS. Ungenelelo oluqhubayo malunga noqequesho Iwamalungu e-SMT luquka ikharityhulamu, ululeko, amakkosikazi kwisikhokelo, ulawulo lomgaqonkqubo, izlungiso zamvanje kwimithetho kwanezigqibo ezityikityiweyo.

Ukuze kwakhiwe okanye kuqiniswe izakhono ukuququzelela isimilo esihle somfundu, ngaphezu kwama-700 abantu bathe baqequesha kwiinkqubo ezifana neNkqubo yokuXonxa iKamva kwaneNkqubo yoLwazi ngeZiyobisi njengabaququzeleli beenkqubo kwanakolunye uqequesho lwezakhono olufana nengcebiso ngeziyobisi, udliwanondlebe lokubuyisela izinto kundalashe nokudibanisa usapho njengeqela. Olunye uqequesho olungeniswe ngo-2006/07 lube luPhononongo loPhuhliso Iwabfundi abakungcipheko ukuze kunikwe izakhono isitfu kupuhhliso lweenkqubo zophuhliso Iweziqubufundi. Iproujekthi yokuqalisa yeyantlukwano kungokunje iyamiliselwa yi-EMDC: kuNxweme IweNtshonat/Winelands kwanakwiZiko loLutsha laseWellington ukulungiselela abafundi abathunyelwe besuka kwizikolo eziphambili ngenxa yokuba bebonakalisa isimilo esicela umnegeni. Zonke iimanjala zesithili zazisiwe ngesicwangciso se- WCED sokukhuthaza isimilo esihle nokuhoyana nesimilo esicela umnegeni kugxininiswa kwindlela yokwenza esekelezewo ekuqinisni nasekubuyiseleni kundalashe. Ingqwalasela yesi sicwangciso kukuququzelela ukuguquka kvezinto kusukwa kwindlela yokohlwaya ukuya kwebuyisela kundalashe.

Eminye imiba efuna ingqwalasela ethe ngqo yile –

- Ucwangciso Iwendawo yokuhlala yabafundi abathunyelwe kumaziko olutsha ngokwemigaqo yomthetho ofanelekileyo luza kufuna enye ingqwalasela ukuze kunqandwe ukuba abantu abatsha bavalelwae entolongweni.
- Ukuqaliswa kwemigangatho eMinciane yeenkonzo ezizodwa zemfundu kubafundi abagagana nobunzima ngokwasemoyeni kunye/okanye isimilo kufumana ingqwalasela. Uphando IweSiqinisekiso soPhuhliso loMgangatho Iwenziwe kumaziko olutsha amabini ukuze kophononongwe imigangatho emincinane kwaye luza kuhala luqhuba.

## 9.5 INkqubo 5: Imfundo ethe xhaxhe noqequesho

### injongo yenqubo

Ukubonelela nge-FET kwiikholeji zikarhulumente ze-FET ngokuhambelana noMthetho weMfundoo ethe Xhaxhe noQeqesho, 1998

### inkqubo ye- FET yenziwa zezi nkqutyanza zilandelayo:

*Amaziko karhulumente*

- ukubonelela iikholeji ezithile ze-FET ngemithombo  
*linkonzo zobungcali*
- ukuxhasa iikholeji zikarhulumente ze-FET  
*Uphuhliso lweCandelo lezabasebenzi*
- ukubonelela ngophuhliso lwezobungcali kootitshala nabangezootitshala kwiikholeji ze-FET zikarhulumente  
*isibonelelo seemeko ezithile*
- ukubonelela ngohlengahlengiso kwiikholeji ze-FET zikarhulumente

### lijongo ezilinganisekayo

Ezi njongo zilinganisekayo (▲) nezilinganisi zomsebenzi (►) zinxulumene neNkqubo 5: Imfundo ethe xhaxhe noqequesho:

	lijongo ezilinganisekayo	izilinganisi zomsebenzi
<b>Ufikelelo</b>	▲ Ukwandisa icandelo leekholeji ze-FET ngokwemigaqo yeemfuno zezoqoqosho nezentalo zelizwe.	► PM501: iNani labafundi bekholeji ye-FET elinxulumene nolutsha kwiphondo
<b>Ulungelelaniso</b>	▲ Ukuphakamisa intathonxaxheba kulo maqela ayebukulwa ngaphambili kumaziko ee-FET zikarhulumente.	► PM502: Ipesenti yabafundi abangamantombazana abakumacandelo obuchule
<b>Isiphumo</b>	▲ Ukuphucula umyinge wempumelelo kwicandelo leekholeji ze-FET	► PM503: Umyinge wokuphuma kwikholeji ye-FET
<b>Umgangatho</b>	▲ Ukubonelela ngamathuba okufunda asemgangathweni ofanelekileyo nophendulayo e-FET	► PM504: Ipesenti yabafundi ababekwe kwizifundo ngokusebenzia iikholeji ze-FET

### Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ngo-2006/07

Uhlengahlengiso lwazo zonke zo-6 iikholeji ze-FET ngengqwalasela yophuhliso lwezakhono olwayamene ne-MEDS neemfuno zikazwelone, njengoko kuxeliwe siSicwangciso soPhuhliso lweCandelo lezaBasebenzi. Ukungeniswa kweSibonelelo seeMeko eziThile kuhlengahlengiso lweekholeji ze-FET kuhlawulela esi sicwangciso.

Uhlengahlengiso lweeKholeji ze-FET lwayamene nokuqaliswa kweeNkqubo ezili-9 eziJolise kwiZakhono zikaZwelone. Ukwabiwa kwezimali kwamiselwa kwasekuqalen liSebe likaZwelone lezeMfundoo kwaye kwaqua ezi zintlu zilandelayo apho yonke inkcithomali kwafuneka iqhubi ngokwezicwangciso zokusebenza eziphunyezwe kwangaphambili. Itotali yezixamali kuluhlu ngalunye ezabelwe iikholeji ze-FET zaseNtshona Koloni kunya kamali ka-2006/07 zezi:

• UPhuhliso leCandelo lezaBasebenzi	R 4,2m
• UPhuhliso lweNkqubo neMigaqo	R 3,1m
• Uphuculo Iwamagumbi okufundela nawokusebenzela	R33,4m
• Ukuthenga/uKwakha amgaumbi amatsha/awokusebenzela	R 3m
• Uphuculo Iweziza zeekholeji	R3,7m
• Ukuthenga izixhobo zokufundisa/zokufunda	R16,8m
• UPHuhliso Iwekharityulamu	<u>R5,6m</u>
<b>ITotali</b>	<b><u>R70,0m</u></b>

Ubonelelo Iwezifundo, uqequesho Iwezakhono, uqequesho ngokwasemsebenzini neenkqubo zezakhono ezinxuumene namathuba omsebenzi luyandiswa ngolu hlobo -

- Ukulanda umkhondo wokuggibezelə komfundi nokubekwa emsebenzini
- Ukwandisa inani Iwezifundo zoqequesho ezinikezelwa kwiindawo ezichongwe yi-MEDS
- Ukuphucula imiyinge yempumelelo nokuggibezelə
- Ukusebenzisa izixhobo zokufaka abafundi emsebenzini

ST501	IMFUNDU ETHE XHAXHE NOQEQQESHO - lindlela ezingundoqo	2004/05 Ejona	2005/06 Ejona	2006/07 Okujoliswe kuko	2006/07 Ejona
<b>INTLAWULO NGOKOHLLELO LWEZOQQOSHO (R'000)</b>					
5.1 Amaziko kaihulumente		152,383	168,186	194,525	201,048
5.2 linkonzo zobungcali		0	0	1	0
5.3 Uphuliso lweandelo lezabasebenzi		0	0	1	0
5.4 Izbonelelo zeemeko ezithile		0	0	70,000	70,000
<b>ITOTAL</b>		<b>152,383</b>	<b>168,186</b>	<b>264,527</b>	<b>271,048</b>
<b>INTLAWULO NGOKOHLLELO LWEZOQQOSHO (R'000)</b>					
Intlawulo yangoku		121,977	133,538	154,774	140,010
Imbuyekezo yabaqeshwa		121,969	133,538	154,722	139,993
Ootishala		101,035	110,618	128,156	116,194
Abangezootishala		20,934	22,920	26,566	23,799
Impahla neenkonzo nokunye kwangoku		8	0	52	17
Ukutshelo nezbonelelo		30,406	34,648	109,753	131,038
Intlawulo zee-asethi zemali		0	0	0	0
<b>ITOTAL</b>		<b>152,383</b>	<b>168,186</b>	<b>264,527</b>	<b>271,048</b>
<b>ISTAFU</b>					
Ootishala		940	1,040	697	1,062
Abaseszikhundi eni		733	776	697	767
Abaqeshwe yikholeji		207	264	-	295
Abangezootishala		777	858	349	815
Abaseszikhundi eni		262	253	349	245
Abaqeshwe yikholeji		515	605	-	570
<b>UBHALISO</b>					
Abafundi abafana nabasis i għixna		19,350	21,000	23 000	21,323
abafundi (ngokobalo lwentloko nganye) (a)		49,185	44,296	60 000	53,695
Abangamantombazana		17,707	16,390	27 000	19,151
Abangamantombazana akumacandelo obuchule (b)		6,643	6,684	-	7,605
Abafundi abaqibba i ħinkqubu ngempurnelelo enyateni (c)		33,446	31,007	43 200	43,200

ST501   IMFUNDO ETHE XHAXHE NOQEQQESHO – lindlela ezingundoqo (ziqaqhuba)					
	2004/05 Eyona	2005/06 Eyona	2006/07 Okujoliswe kuko	2006/07 Actual	2006/07
<b>AMANANI KWIFUNDO ZOQEQQESHO</b>					
Izivumelwano zezfundo zoqequesho kwiphondo (d)					
Inani lezivumelwano ezbibandakanya iikholeji ze-FET njengomboneleli (e)					
► <b>IZILINAGNISI ZOMSEBENZI</b>					
► PM501: Ipesenti yabafundi be-FET enxilumene nolutsha kwiphondo	20.4%	17.9%	24.4%	21.4%	
► PM502: Ipesenti yabafundi ababhinqleyo abakumacandelo obuchule (b/a)	38%	41%	*	40%	
► PM503: Umyinge wempumelelo ye-FET (c/a)	68%	70%	72%	80.5%	
► PM504: Ipesenti yabafundi ababekwe kwizifundo zoqequesho ngeekholeji ze-FET (e/d)					
<b>Qaphela:</b> * - Ngexesha lokugiqitjezelwa kweSiowangciso sekusuSebenza soNyaka (APP) ngolMatshi 2006, iinkcaza neefomula zomiliselo nobalo lokujoliswe kuko kweZilinganisi zolMsebenzi othile ezifikwe kuluhlu, njengoko kubonelewe kwizikhokelo zeSebe lezeMfundo likazwelonke (DoE) zowanta:25 Novemba 2005, azirkhang zigqityezzelwe yi-DoE. Akukho kujoliswe kuko kube mokumiisewa. Nangona kunjal, iinkcazelo neefomula zitha oko (20 Septiemba 2006) zafulmaneka kwaye, ngoko, owwna mssebenzi ungamiseewa ngoku kwaye ubalwe.					

## **Imicelamngeni ethile neendlela zokuyihoya kwanemiba efuna ingqwalasela eqhubayo**

Umyinge wokukhula kwabo bafana nabasisigxina (FTE's) kwiikholeji ze-FET uthintelwa kuphela yimithombo umz. isitafu, izixhobo zokusebenza, ezemali. Izalathiso zezokuba okujoliswe kuko kuza kufikelelwa kuko kuba ubhaliso olongzelelekileyo lurekhodiwe ngo-2006. likholeji ze-FET zibonelela ngezifundo, eziqala kwiiyure ezimbalwa ukuya eminyakeni ngokwexesha. Ubhaliso Iwabafundi, ngoko ke luyaqhuba. li-FTE's eziphicothiweyo kulo nyaka ungaphambili zifumaneka kuphela ukusukela ngo-Aprili kunyaka olandelayo kuba ezi zixhomekeke kubalo olungekho lula kwanophicotho olwenziwa ngabaphicothi bangaphandle, kunye neengxelo zezimali zekholeji ekuthethwa ngayo.

Isidima nexabiso leziqiqnisekiso ezifunyenwe kwiikholeji ze-FET ziza kuxhomekeka kumgangatho wenkubo ezinikezela ngayo. likholeji ziza kupuhlisa kwaye zisebenzise iinkqubo zolawulo ezsengangathweni ukuze kulinganiswe kwaye kuphuculwe umgangatho weenkubo zokufunda neenkubo ezingezizo ezokufunda.

Ugcino Iwerekhodi ngomsebenzi wezifundo kwiikholeji ze-FET asiyonto iyondeleleneyo, kuba iinkqubo ze-IT zekholeji azilungiselelwanga ngokufanelekileyo olu didi longenelelo. Izifundo azingomcimbi uphambili weekholeji ze-FET (zizihlawula ngokwazo). likholeji ziqhuba izifundo njengeeyunithi zokusebenza ezsicaleni, kuqeshwa isitafu (esolawulo, ootishala, iimanejala zeeprowujekthi, njl.njl). Ukuqaliswa kwee-FETMIS (inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi yeeekholeji ze-FET) ziza kuthi kwixa elizayo incedise kubonelelo lolu lwazi.

Eminye imiba efuna ingqwalasela eqhubayo iquka -

- Imiba yolawulo Iwecandelo lezabasebenzi: Ukunxulumanisa ootishala nezhikhundla kwinqanaba lomanyaniso Iwezhikhundla kwanokuzaliswa kwezithuba. Uboniswano oluqhubayo namaqela abaqeshwa kwanamsebe afanelekileyo angaphakathi.
- Uphunyezo Iweenkubo zokufunda. Uboniswano naMaqumrhu afanelekileyo eCandelo lezeMfundu neMigangatho yoQeqesho (SETAs)
- Ukubangwa kweenkubo eikhokelwayo ezayamene neemfuno zorhwebo namashishini. Uphando oluqhubayo noboniswano nabatlala indima abafelekileyo.
- Ubudlelane baMaqumrhu eCandelo lezeMfundu noQeqesho.
- linkqubo ekujoliswe kuzo eziza kwenza ootishala kwiikholeji ukuba baphucule ukukwazi ukufunda izibalo nezakhono zezifundo zezibalo; uphuculo leziqiqnisekiso zezemfundu nezobungcali; ukufumana amava oshishino Iwangoku ngokubekwa endaweni okwexeshana; ukuphonononga ukufunda ukuze kukhawulelwane nemigangatho ka-Umalusi neye-SETA; kwanokujongana nemiqobo ekufundeni.
- likholeji ziseke iiyunithi zokuxhasa abafundi ukukhawulelana nokubonelela ngenkxaso kwinkumbula yabafundi abanemvelaphi namava ahlukeneyo okufunda. Ukulanda umkhondo wabafundi ngaphakathi kuza kwensiwa ukuxhasa abafundi kwikharityhulamu nokubabeka emsebenzini.
- likholeji ziza kuphinda zipuhlhise izicwangciso zokwandisa ufikeyelo kwiikholeji ze-FET ezifana -
  - Noluhlu olwahlukaneyo Iweendlela (ufundo Iwekhompyutha, ukufunda bucala ukude nezikomfundu, izifundo zoqeqesho, iinkubo zezakhono, njl.njl.)
  - linkqubo zolawulo lomgangatho ukuze kulinganiswe kwaye kuphuculwe umgangatho weenkubo zokufunda kwaneenkubo ezingezizo ezokufunda.
  - Izibonelelo noqeqesho olufikelela kwiimfuno zabafundi abahluke ngokukwazi ukwenza izinto
  - Iziza ezitsha zoluntu oluvinjwe amathuba nolwasemaphandleni
  - Ubonelelo Iwemali-mboleko / izikimu zebhasari

## 9.6 INkqubo 6: Imfundo esisiseko yabadala noqequesho

### Injongo yenqubo

Ukubonelela nge-ABET ngokuhambelana noMthetho weMfundu eSisiseko yaBadala noQequesho, 2000.

### Inkqubo ka-ABET yenziwa zezi nkqutyanza zilandelayo:

*Izibonelelo kumaziko abucala*

- ukuxhasa iisayithi ezithile ezizodwa zika-ABET ngezibonelelo  
*linkonzo zobungcali*
- ukuxhasa iisayithi zika-ABET  
*Uphuhliso lweCandelo lezabasebenzi*
- ukubonelela ngophuhliso lweZobungcali lweetitshala nabangezizo iititshala kwiisayithi zika-ABET

### Injongo ezilinganisekayo

Ezi njongo zilinganisekayo (▲) nezilinganisi zomsebenzi (►) zinxulumene neNkqubo 6: Imfundo esisiseko yabadala noqequesho:

	injongo ezilinganisekayo	izilinganisi zomsebenzi
Ufikelelo	▲ Ukuqinisekisa ukuba abadala abangenayo imfundo esisiseko bayafikelela kumaziko ka-ABET.	► PM601: iNani labafundi baka-ABET elinxulumene nabadala kwiphondo

### Okwenzekileyo kumgaqo-nkqubo wenkqubo ngo-2006/07

Isibonelelo senziwa ukuba abafundi abatsha aangama-2 500 ngonyaka bafikelele kwi-ABET. Oku kubonelelwia ngoku kulandelayo:

- Inqanaba 1, 2 eliqhutywa injongo lika-ABET nekharityhula 3 – awenziwa ziinkqubo ezimbini ezinikezelwayo, ezi zezi: izibalo nokufunda nokubhala, ezinikezelwa kuwo onke amaziko oluntu okufunda (CLCs)
- AMaziko eNqanaba 4 abonelela ngochungechunge lweZifundo akhokelela kwisiqinisekiso esinenjongo se-GETC kumfundu kicingwa ngoluntu
- Ubonelelo Iwemithombo ephathekayo neyezemali ukuxhasa ikharityhulamu ka-ABET
- Zonke ii-CLCs zifumana ikhompyutha neprinta
- Bonke ootitshala abakhoyo bafumana uqequesho ekujoliswe kulo baze ootitshala abatsha bafumane uqheliso noqequesho
- Zonke iimanejala ze-CLC zifumane uqequesho olufanelkileyo (izakhono zobuchwepheshe nezicwangciso zophuhliso lokuziphatha komntu)

IQoqo laBabandkanya kwi-ABET lePhondo, iBhodi ka-ABET, iseberza ukucebisa iNtloko yezeMfundu malunga nemicimbi enxulumene no-ABET.

IZiko leMfundu yaBadala neQhubayo, esekelezewa kwiDyunesithi yeleNtshona Koloni, lenyulwa njengomboneleli weNkonzo ukuqhuba iSifundo soBukho bonikezelo Iwangoku lwe-ABET eNtshona Koloni. Imigaqo yokusebenza koMboneleli weNkonzo iquka oku kulandelayo -

- Ukuqwalasela ngokuhlalutya unikezelo Iwangoku lwe-ABET eNtshona Koloni.
- Ukwenza izindululo ukuphucula unikezelo ukuqinisekisa ukuba iziphumo ze-HCDS kuyafikelelwia kuzo ngokwemigaqo yofikelelo nolwandiso.
- Ukuqwalasela kwakhona indlela yonikezelo kwii-CLCs, ukutsho oko, phakathi kwezinye, iiyure zokusebenza ze-CLCs nekharityhulamu ziyanikezelwa kwaye kwensiwa izindululo kulo mba.
- Ukuphanda ukuzinza kokusa uneikezelo lwe-ABET kumaziko abucala eNtshona Koloni.
- Ukwenza izindululo malunga nokuqina nemilinganiselo yophuhliso Iwamaziko asisigxina ka-ABET.

I-WCED ikwaqinisekise ulawulo oluphuculiwego Iwamaziko ka-ABET ngokuqalisa ungenelelo olufanelekileyo lokunikezela ngezakhono. Njengenxalenye yokuzibophelela kwe-WCED ukuqinisekisa ukuba amaziko ka-ABET aphawulwa lulawulo olubonakalayo nolusebenzayo, iseshoni yoqeqesho yeeManejala zaMaziko naBaququzeleli beeSayithi iye yaqhutywa kucwangciso lokusebenza nezakhono zokubhala zesicwangciso sokusebenza, ukutsalwa kwerhafu, ulawulo olululo lwekharityhulamu kwii-CLCs, uqheliso kulungiselelwa iimviwo zikazwelonke zangoJuni no-Oktobha.

Njengenxalenye yephuhlo lokwazisa le-WCED ukuqaqambisa ukabaluleka kwemfundo yabadala nokusiphula okanye ukususa ityheneba elincanyatheliswe ekungakwazi ukufunda nokubhala kabantu abadala, ezi zixhobo zilandelayo zokuthengisa umbono ziye zaphuhliswa zaza zahanjiswa:

- Incwadana entsha yokwazisa ehonjisiwego ecacisa oku kulandelayo iye yaphuhliswa yaza yashicilewa: ukabaluleka neenzozo ze-ABET, umsebenzi wecandelwana lika-ABET kwi-WCED, ikharityhulamu efumanekayo nalapho nanjani abafuna ukuba ngabafundi bangafikelela ku-ABET kune neenzozo zika-ABET.
- Amaphephancwadi abonakalisa ukabaluleka kuka-ABET ayilwa aza ashicilewa.
- IiBhanile ezi-3 eziNkulu zokuthengisa le mbono ngexesha lemisitho esesikweni.
- Ividyo yemizuzu emihlanu efana nokuya kukwincwadana yokwazisa kananjalo nolwazi nge-ABET nee-HCDs.

Ngenxa yephulo lokuthengisa le mbono elijolise kwiindawo ezithile, apho iintlanganiso zemibutho yoluntu ziqhube khona, indawo yaseBreede River/Overberg ifumene ukunyuka okubonakalayo kumanani abafundi kwaye kuthelekelwa ama-4000 abafundi. Eli phulo liquuzelelwego, "uNgenelelo IweeNtsuku ezili-160", ekugqibeleni liphumelele iGolide kwiiMbasa zeNkulumbuso zeNkonzo eGqwesileyo ngempumelelo yalo ekuboneleleni ngofikelelo olwenyusiwego kuluntu lwale EMDC.

Iisayithi ezintsha ziye zavulwa eMfuleni naseDelft kwi-EMDC North Metropole. Zombini ezi sayithi ngamacandewana amaziko aphambili kule ndawo. Ngонcedo IweCandelwana le-ABET, isayithi entsha, nayo iye yasekwa eHeideveld kwiSikolo saMabanga aPhantsi iWoodlands. Le sayithi yasekwa ngenxa yemfuno echongwe kubanjisene nguye wonke ubani, inqununu noluntu olungabazali.

Inkubo yokufundisa eqinisekisiwego yombane kwanikezelwa ngayo kubafundi abangama-30 beNqanaba 4 lika-ABET kwi-George CLC. Oku kwensiwa kubanjisene ne-ESETA.

Uyilo Iwezikhokelo zobambiswano anamziko okufunda oluntu (CLCs) Iwaphuhliswa Iwaza Iwahanjisa kumaziko nabathabatha inxaxheba abafanelekileyo ukuze baphefumle. Umiliselo oluphumeleleyo lonikezeloo Iwe-ABET ngobambiswano namasebe karhulumente, amaqumrhu abucala noshishino luyaqhuba. Ubambiswano olutsha ekungenwe kulo luquka oku kulandelayo:

- ISebe lezoKhuseleko loLuntu
- ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu lePhondo: iBhunga leeTeksi zeeMitha laseNtshona Koloni
- UMkhosi woKhuseleko waseMzantsi Afrika

IiMemorandum zokuQondana zatyikitywa noMasipala waseKnysna Municipality (abafundi abangama-55) noMetrorail (abafundi abangama-43).

Kulandela ingxoxo zokuqalisa ngo-April 2006, icandelwana lika-ABET laseka ubambiswano neBhunga leeTyalike lePhondo leNtshona Koloni (WPPCC). Injongo yolu bambiswano kukwandisa unikezeloo nifikilelo Iwe-ABET kubemi bephondo ngokusebenzisa iMibutho eSekelezewo kwiiNkolo (FBOs). Amanqanaba okuqala olu bambiswano abandakanye uphando Iweemfuno zemfundo yabadala oluqhutywe kumabandla angamalungu e-WPPCC. Uvimba wolwazi obuyiselwego ufakwe phantsi kogcino, wahlalutywa waza wasetyenziswa ukukhokela unikezeloo lokufunda nokubhala okusisiseko ngokusebenzisa ii-FBOs ngo-2007.

Ubambiswano namaqabane angama-21 luye Iwagcinwa kwaye/okanye Iwasekwa lubonelela ngezifundo kubafundi abangama-527, oko kusiza nengeniso ye-R1,6 yesigidi kwii-CLCs luchazwe ngolu hlobi:

AMAQABANE	INOMB YABAFUNDI	IZIMALI EZIFUNYENWEYO
EzeMpilo	154	R 372,600.00
EzoThutho neMisebenzi yoLuntu	114	R 348,000.00
lInkonzo zeNtlalo	58	R 198,000.00
UMasipala waseKnysna	42	R 100,800.00
IMetrorail	43	R 152,400.00
ISanparks	30	R 133,200.00
IKurlandbriks	14	R 33,600.00
ICape Medical Depot	11	R 38,400.00
I-PGWC	9	R 22,800.00
ICape Bentonite	9	R 30,000.00
I-Oflsi yeNkulumbuso	8	R 21,600.00
IMicimbi yezeNkcubeko	8	R 22,800.00
i-Elsenberg	5	R 12,000.00
i-DWAF	4	R 19,200.00
UMasipala weSithili seKaroo	3	R 7,200.00
iLeeuwenhof	3	R 7,200.00
URhulumente woMandla nezeziNdlu	3	R 10,800.00
IMidlalo noLonwabo	3	R 13,200.00
ISebe likaNondyebo wePhondo	3	R 10,800.00
EzaBasebenzi	2	R 7,200.00
UKhuseleko loLuntu	1	R 3,600.00
<b>ITOTALI</b>	<b>527</b>	<b>R 1,565,400.00</b>

Ngoncedo IweCandelo: loPhando, uvimba wolwazi ka-ABET 2005 no-2006 onxulumene nolwazi Iwe-CLC, amanani abafundi, ulwazi ngokwe-EMDC, njl.njl. uyafumaneka kwiWebfocus kwaye udlala indima ebalulekileyo kuthatyatho Iwezigqibo nocwangciso Iwexa elizayo. Uphando IweCandelo lukwancede icandelwana lika-ABET ukupuhhlisa isoftwe yokubala iintsulungeko nemigangatho yokuxhasa ngezimali kwe-CLCs.

<b>ST601</b>	<b>IMFUNDU YABADALA ESISISEKO NOQEQQESHO – lindlela ezingundoqo</b>	<b>2004/05 Eyona</b>	<b>2005/06 Eyona</b>	<b>2006/07 okujoliswa kuko</b>	<b>2006/07 Actual</b>
<b>INTLAWULO NGOKWENKQUTYANA (R'000)</b>					
6.1 Izbonelelo kumaziko abucala		21,151	23,051	23,569	23,539
6.2 Iinkonzo zeengcali		0	0	1	0
6.3 Uphuhiso iwechiedelo lezabasebenzi		0	0	1	0
<b>ITOTALI</b>		<b>21,151</b>	<b>23,051</b>	<b>23,571</b>	<b>23,539</b>
<b>INTLAWULO NGOKOHLELO LWEZOQQOQOSHO (R'000)</b>					
Iintlawulo yangoku		5,564	5,850	7,797	6,163
Imbuyekezo yabaqeshwa		5,198	5,432	5,948	5,916
Ootishala		4,372	4,569	5,002	4,969
Abangezizo ititshala		826	863	946	947
Impahla neenkonzo nokunye kwangoku		366	418	1,849	247
Ukutishelo nezbonelelo		15,587	17,201	15,774	17,376
Iintlawulo nee-asethi zemali		0	0	0	0
<b>ITOTALI</b>		<b>21,151</b>	<b>23,051</b>	<b>23,571</b>	<b>23,539</b>
<b>ISTAFU</b>					
Inani lee Titshala (eziqeshwe ngurhulumente)		4	3	4	4
Inani labo bangenezzo ititshala (abaqeshwe ngurhulumente)		11	11	11	10
<b>UBHALISO</b>					
Inqanaba le-GET		15,925	16,975	18,374	15,529
Inqanaba le-FET		16,574	17,668	19,124	22,110
<b>ITOTALI (a)</b>		<b>32,499</b>	<b>34,643</b>	<b>37,498</b>	<b>37,639</b>
<b>INANI LABANTU BEBONKE</b>					
Inani labantu ababudala buli-18 ukuya kuma-60 (b)		2,667,975	2,718,151	2,633,620	2,767,069
<b>AMAZIKO</b>					
Amaziko abonelelwayo		314	346	351	351
<b>►IZILINGANISI ZOMSEBENZI</b>					
► PM601: Inani labafundi ibaka- ABET elinxulumene nabadaia kwiphondoo (a/b)		1.2%	1.3%	1.4%	1.4%

## **Imicelamngeni ethile neendlela zokuyihoya kwanemiba efuna ingqwalasela eqhubayo**

Uninzi lwabafundi luyafikelela kwimilinganiselo efunekayo ngexesha lobuncinane imiyaka emibini ukuya kwemithathu. Nje ukuba umfundu afumane imilinganiselo efunekayo ye-120, i-GETC ingakhutshwa ngenxa yoko, inani lee-GETCs ezikhutshwayo (owona msebenzi) liphantsi kakhulu xa kuthelekiswa nokujoliswe kuko ekubekiwego. Ukongeza aphi, iziqinisekiso zezifundo zakhutshwa xa abafundi begqiba ngempumelelo isifundo.

Uphuhliso Ivezakhono ezssembindini neziphakamileyo kwizifundo zoqeqesho nezinye iinkqubo zokufunda luuhlangana neqela leengxaki ezsoloko zilandela kwaye isiggibo soku kufuneka sibekwe phambili ngendlela yoququzelelo. Ezinye zezi ngxaki zezi zilandelayo: izibalo ezikumgangatho ophantsi, izakhono ezingekhoyo kwinzululwazi nakulwimi IwesiNgesi (ezibaluleke kwiZiseko zeNkqubo ye-NQF); ukhuthazo lwabafundi; ulungelelaniso nophuhliso Ivezakhono ezinqabileyo; uqhekeko Ivezemfundo nobonelelo loqeqesho; kwanokunyuak kwamanani abafundi kuzo zonke iindidi zobonelelo.

Intsulungeko nemigangatho ykuxhasa ngezimali amaziko karhulumente emfundu yabadala, kananjalo nemimiselo malunga neemeko zeenkonzo zabasebenza ku-ABET azikhange zigqitywe liSebe lezeMfundu likazwelonke. Oku kuqhuba kuqhawelisa injongo ye-WCED yokuphucula unikezelo Iwemfundo yabadala kweli phondo.

Ukuze kuphuculwe imfundu yabadala, iindlela ezifanelekileyo zokufundisa nolawulo Iwekharityulamu kwii-CLCs ziyaphandwa. Ukongeza aphi, uqeqesho nophuhliso Iwesitatu kumaziko ka-ABET luyasekwa kwaye luyaqliswa. Le ndlela iza kuqinisekisa ukuba bonke ootitshala abakhoyo bafumana uqeqesho baze bonke ootitshala abatsha bafumane uqheliso, uqeqesho nophuhliso.

Unikezelo Iweenkqubo zezakhono, ngentsebenziswano nee-SETAs, luqhuba lunikwa ingqwalasela. lingxoxo eziqhubayo neqonga le-SETA leNtshona Koloni elimele ama-24 ee-SETAs ziyanze. Ngokusebenzisa oku i-WCED ijonge ukuncedisa ii-SETAs ukuba zifikelele kwezijolise kuko ngkubhekiselele kwi-ABET, ngeli lixa isandisa unikezelo olukhoyo kwiphondo.

Uyilo Iwesiphakamiso noyilo IweMemorandum yokuQondana Iwangeniswa kuMasipala weSithili soNxweme IweNthsona. Eli linge lijonge ukubonelela ngokufunda nokubhala okusiseko kuluntu Iwamaphandle oluphantsi kwemida yalo Masipala. Lixhaswa ngezimali ngulo Masipala, kwakhona lijonge ukuhoyana nemicelamngeni yezentlalo yentswelangqesho nokunciphisa ubuhlwempu ngokusebenzisa amalungu oluntu olungaphangeliyo njengabaququzeleli ukubonelela ngesifundo sokfunda nokubhala esisiseko kwabadala. Uboniswano luye Iwaqhuba neenqununu zezikolo ngeveki yokugiqibela ka-Agasti 2006 kwezi ndawo zilandelayo: Bitterfontein, Kliprand, Nuwerus neendawo eziijkelezileyo zeeefama. Izikolo ziza kusetyenziswa njengeesayithi zonikezelo.

Eminye imiba efuna ingqwalasela eqhubayo iquka -

- Ukugina ubambiswano llukarhulumente nokuphuhisa ubambiswano olutsha noshishino.
- Ukwandisa inani labafundi ngama-2 500 nyaka ngamnye.
- Ukubonelela ngeziqinisekiso ezisekelezew kwezakhono kuManqanaba 1 – 4 ngokwemfuno.
- Ukubonelela ngezakhono ze-ICT kubafundi.

## 9.7 INkwubo 7: Uphuhliso Iweentsana ziselula

### Injongo yenqubo

Ukubonelela nge-ECD kwiBanga R namanqanaba asekualeni ngokuhambelana nePhepha loGyzimvo 5.

#### Inkubo ye-ECD yenziwa zezi nkqutyanza zilandelayo:

*iBanga R kwizikolo zikarhulumente*

- ukubonelela izikolo ezithile eziqhelekileyo zikarhulumente ngemithombo efuneka kwiBanga R

*iBanga R kumaziko oluntu*

- ukuxhasa amaziko athile oluntu kwinqanaba leBanga R

*linkonzo zobungcali*

- ukuxhasa iisayithi ze-ECD

*Uphuhliso Iwecandelo lezabasebenzi*

- ukubonelela ngophuhliso lobungcali Iweetitshala nabo bangezo titshala kwiisayithi ze-ECD

### iinjongo ezilinganisekayo

Ezi njongo zilinganisekayo zilandelayo (▲) nezilinganisi zomsebenzi (►) zinxulumene neNkubo 7: Uphuhliso Iweentsana ziselula:

	linjongo ezilinganisekayo	Izilinganisi zomsebenzi
Ufikelelo	▲ Ukubonelela iBanga R elixhaswa ngezimali ngurhulumente ngokuhambelana nomgaqo-nkubo	► PM701: Ipesenti yabafundi kwiBanga R elixhaswa ngezimali ngurhulumente

### Okwenzekileyo kumgaqo-nkubo wenkubo ngo-2006/07

Isicwangciso sokuxhasa i-ECD eNtshona Koloni saphuhliswa liqela elenziwa ngamacandelo ahlukenyoy locwangciso elikhokelwe yi-WCED neSebe lezeNtlalontle nokuLwa iNtlupheko.

Iyonke injongo lubonelelo lwendlela yokwenza edibeneyo neququzelweyo ukuqinisekisa iinkonzo ezisebenzayo nezingcwele kubantu abatsha abakwiqela lobudala eliqala ekuzalweni ukuya kwiminyaka emi- 4. Injongo yesicwangciso ayikokufumana bonke abantwana kwizikolo zeentsana okanye amaziko agcina iiintsana emini, kodwa ukuqinisekisa ukuba abo bakhathalela abantwana (abazali, oomakhulu nootatomkhulu, abasebenzi boluntu, amaziko asemimi, isitafu sezikolo zaphambi kokuqalisa isikolo nezo zakwizikolo ezigcina iiintsana) bayaxhotyiswa ukuphakamisa uphuhliso Iwabantwana Iwenkangeleko, olwasemoyeni nolwengqondo.

Njengenxalenyen yendlela edibeneyo yenkangeleko, eyenzentlalo neyengqondo yophuhliso Iwanbo bonke abantwana abakwiqela lobudala beminyaka eqala ku-0 – 4 kwiphondo, i-WCED ikwinkqubo yokuqequesha abo bakhathalela abantwana kwikarityhulamu ye-ECD. INkwubo eXananazileyo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP) iye yandiselwa kwicandelo le-ECD ukubonelela ngoqequesho Iwezfundo zoqequesho Iwe-ECD kananjalo nokubonelela ngeempahla zemithombo kwiisayitho ezithile ze-ECD zoluntu.

Njengoko kukho ubhaliso lukawonkewonke Iwabantwana kwiqela lobudala beminyaka emi-6 – 15 eNtshona Koloni, ayingabo bonke abaneeminyaka emi-5 ubudala abafikelelano kwiBanga R. Injongo yesibini ye-HCDS yephondo kukubonelela ngeenkubo zokufunda ezikumgangatho ophezulu kubo bonke abantwana abaminyaka imi-5 eNtshona Koloni kwinqanaba lokuqala lemfundo esesikweni, ebizwa ngokuba liBanga R ngo-2010, ukuze baziswe kwizakhono zasekuqaleni okanye ezikhulayo zokufunda nokubhala kwanezezibalo. Oku kabaluleke ngakumbi kuluntu apho abazali bengafundanga kwanalapho amakhaya engathabathi ntweni kwaye ehluphekile.

Ukubonelela ngezifundo zomgangatho ophezulu zeBanga R kubo bonke bantwana ababudala biyminyaka emi-5 ukuze bakulungele ukufunda esikolweni, i-WCED izimisele –

- Ukunikezela ngesibonelelo kwisikali esilwa intlupheko se-R3 ukuya kwi-R7 ngomntwana ngamnye kwizifundo zabafundi beBanga R. Oku kusetyenziselwa ukuhlawula iitishala, ukuthenga i-LTSM nokufumana iisayithi.
- Ukunyusa inani labafundi beBanga R ukuze bonke abantwana abaminyaka imihlanu ubudala babekwiiklasi zeBanga R ngo-2010.
- Ukubonelela ngoqequesho lweetiitshala kwezona ndawo zi-3 zihluphekayo nge-NCS – ugxininiso kufundo nakwizibalo.
- Ukubonelela ngeekiti zemithombo kupuhhliso lokufunda nokubhala, izibalo nezakhono zobomi kwisayithi nganye.
- Ukulawula umfanekiso wokulungela isikolo kuzo zonke iisayithi zeBanga R.
- Ukuhambisa uluhlu lokuhlola ukulungela isikolo kubazali, oomakhulu nootatomkhulu nabasebenzi bakarhulumente.
- Ukubonelela ngenkxaso kwiisayithi ezingafikeleliyo kwiiimfuno zezempiro nezophuhliso lwezengqondo.

<b>ST701</b>	<b>UPhuhliso IweeNtsana kwasekuQaleni- lindlela ezingundoqo</b>		<b>2004/05 Eyonə</b>	<b>2005/06 Eyonə</b>	<b>2006/07 Okujoliswe kukoo</b>	<b>2006/07 Eyonə</b>
<b>INTLAWULO NGOKENKQUTYANA (R'000)</b>						
7.1 lBanga R kwizikolo zikarhulumente		49,243	57,829	52,434		66,902
7.2 lBanga R Kumaziko oluntu		10,125	16,648	42,499		23,293
7.3 linkonzo zeengcali		0	0	1		0
7.4 Uphuhliso Iwecandelo lezabasebenzi		0	0	12,463		0
7.5 Izibonelelo zeemeko ezithile		767	0	-		-
<b>ITOTALI</b>		<b>60,135</b>	<b>74,477</b>	<b>107,397</b>		<b>90,195</b>
<b>INTLAWULO NGOKOHLLELO LWEZOQQOSHO (R'000)</b>						
Intlawulo yangoku		44,544	44,764	55,913		44,411
Imbuyekezo yabaqeshwa		42,170	43,829	45,249		44,390
Ootishala		42,170	43,829	45,249		44,390
Abangezizo ititshala		0	0	0		0
limpahla neentkonzo nokunye kwangoku		2,374	935	10,664		21
Ukutshelo neizibonele		15,591	29,713	51,484		45,784
Intlawulo nee-asethi zemali		0	0	0		0
<b>ITOTALI</b>		<b>60,135</b>	<b>74,477</b>	<b>107,397</b>		<b>90,195</b>
<b>ISIAFU</b>						
Inani lee Titshala (eziqeshwe ngurhulumente)		312	299	289		295
Inani labo bangenezizo ititshala (abaqeshwe ngurhulumente)		-	-	-		-
<b>UBHALISO (OLUXHASWA NGEZIMALI NGURHULUMENTE KUPHELA)</b>						
lBanga R kwizikolo zikarhulumente* (a)		30,873	31,505	35,000		31,916
lBanga R Kumaziko oluntu (b)		25,160	28,000	30,000		30,000
Abaphambi kweBanga R kwizikolo zikarhulumente*		2,685	2,481	-		1,356
Abaphambi kweBanga R Kumaziko oluntu						
<b>ITOTALI</b>		<b>58,718</b>	<b>61,986</b>	<b>65,000</b>		<b>63,272</b>
<b>INANI LABANTU BEBONKE</b>						
Abantu ababudala busi-5 (c)		83,914	89,423	85,601		90,975
<b>► IZILINGANZISI ZOMSEBENZI</b>						
► PM701: ipeseri yabafundi kwIBanga R elixhaswa nguerhulumente R ((a+b)/c)		70%	69.3%	75.9%		69.5%

## **Imicelamngeni ethile neendlela zokuyihoya kwanemiba efuna ingqwalasela eqhubayo**

Inkcithomali kwi-EPWP (izifundo zoqequesho ze-ECD – R15m) iqale emva kwethuba kunya kamali ngenxa yolibaziseko ekuthengweni kweenkonzo zoqeqesho lbasebenza nge-ECD kwiNkqubo eXananazileyo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP). libhidi zoqequesho lwaManqanaba 1, 4 nele 5 zanikezelwa lwaza uqequesho lwaqhuba ukusuka kwikota yokuqala ka-2007.

Inani labafundi beBanga R kwizikolo zikarhulumente alikhange lenyuke njengoko bekucingeleka ngaphambili ngenxa yesizathu esiphambili somgaqo-nkqubo wokwamkela weBanga 1.

Ufikelelo kwiisayithi ezininzi zamaphandle nezona ndawo zisesemva luhleli lungumcelamngeni kwii-EMDCs. Oku kukwaqhawaleisa uqokelelo lovimba wolwazi ochanekileyo malunga neBanga R kuMaziko oLuntu kuba uninzi lwavo akwiilNadwo zaMatyotyombe, ezineedilesi ezingacacanga ukuba kutheunyelwe iifomu zophando. Isiqinisekiso sobudala kuzo zonke iiayithi sibalulekile ukuqinisekisa ukuchaneka kwamabango.

Eminye imiba efuna ingqwalasela eqhubayo iquka -

- Ubhaliso – ukufaneleka kweesayithi zokungeniswa kweeklasi kwezona ndawo zihluphekileyo lufuna ukuphononongwa.
- Ukwazisa nochongo lweendawo zemfuno yokusekwa kweeKlasi zeBanga R ngesiseko sonyuko ukwenze ukuba wonke umntwana ubudala buyiminyaka imi-4½ - 5 akwazi kufikelela kunya osemgangathweni wemfundu phambi kokungena kwiBanga 1.
- Amaqoqo olawulo atshintsha qho kunakwiZikolo zaMabanga aPahntsi naPhakamileyo ngenxa yeenguqu zendalo kumaqoqo abazali. Uphononongo nenkxaso ukuqinisekisa ulawulo olululo luyafuneka.
- Umgangatho wesiqinisekiso ukunikezelia ikharityhulamu yeBanga R.
- Intsebenziswano eqhubayo naMasebe ezeMpilo neleeNkonzo zeNtlalo kananjalo nee-NGGOs kufuneka ikhuthazwe.
- Intlawulo yezibonelelo eyenziwa kuphela xa kufunyenwe iifomu ezizalisiweyo zophando ivuselele umnyele kwiiSayithi zoLuntu. iiSayithi ziyatyelelwaa ngaBacebisi beKharityhulamu kwaye isiqinisekiso senziwa ngokusebenzisa iziqinisekiso zokuzalwa.

## 9.8 INkqubo 8: linkonzo ezincedisayo nezinxulumene noko

### Injongo yenkqubo

Ukubonelela amazikomfundo ewonke ngenkxaso.

**Inkqubo yeeNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene noko yenziwa zezi nkqutyanza zilandelayo:**

*lintlawulo ku- SETA*

- Ukubonelela ngophuhliso Iwecandelo lezabasebenzi ngokuhambelana noMthetho woPhuhliso lweZakhono

*linkqubo zezibonelelo zeemeko ezithile*

- Ukubonelela ngeeprowujekthi ezipixeliweyo liSebe lezeMfundu ezisebenza kwiinkqubo ezininzi kwanezixhaswa ngezimali ephuma kwizibonelelo zeemeko ezithile

*limviwo zangaphandle*

- ukubonelela ngeenkonzo zeemviwo ezilawulwa lisebe

*Uqequesho Iweetitshala*

- ukuncedisa nobonelelo Iweetitshala ezineziqinisekiso neziwaziyo umsebenzi kwikhondo lokufundisa iKapa Elihlumayo

- ukuncedisa nokwakhiwa kwezakhono zoluntu

### iinjongo ezilinganisekayo

Ezi njongo zilinganisekayo zialndelayo (▲) nezilinganisi zomsebenzi (►) zinxulumene neNkqubo 8: linkonzo eziNcedisayo nezinxulumene noko:

	<b>linjongo ezilinganisekayo</b>	<b>Izilinganisi zomsebenzi</b>
<b>Ufikelelo</b>	▲ Ukukezelza ngemfundo yeZakhonno zoBomi be-HIV/AIDS kwizikolo zamabanga aphantsi	<ul style="list-style-type: none"><li>► PPM 801: Inani leetitshala zezikolo zamabanga aphantsi naphakamileyo eziqequeshelwe iNkqubo zeZakhonzo zoBomi kwi-HIV ne-AIDS</li><li>► PPM 802: Inani leetitshala zamaqela eziqequeshelwe iZakhonzo zoBomi kwi-HIV ne-AIDS</li><li>► PPM 803: Inani lezikolo (SMTs nee-SGBs) eziqequeshwu kulawulo lwe-HIV ne-AIDS kuluntu lwezikolo zazo</li></ul>

### Okwenzekileyo kumgaqo-nkqubo wenkqubo 2006/07

Esinye sezona zoyikiso zinobuzaza kupuhliso Iwecandelo lezabasebenzi eMzantsi Afrika ngubhubhane we-HIV/AIDS. I-WCED idlala indima yobuchule ekuqinisekiseni ukuba zonke iitishala nabafundi banolwazi olufanelekileyo, iingqondo zezakhono neentsulungeko ukuba bahlale bengena-HIV kodwa babaxhase abantu abasulelekileyo nabachaphazelekayo. Okujoliswe kuko ngo-2006/07 kuuke:

- i-18 000 leetitshala eziza kuqequeshelwa ukukezelza ngenkqubo yeZakhonzo zoBomi nge-HIV/AIDS kwigumbi olkufundela
- ama-6 500 abafundi bezikolo zemfundo ephakamileyo abaza kuqeleshwa njengabafundisa amaqabane (i-12 000 iyaqhube oko kwango-2003/04)
- ama-700 ezikolo aza kuxhaswa kulawulo lwe-HIV/AIDS kuluntu lwezikolo zazo

Imfuno ebalulekileyo yee-HCDS kukubakho kweetitshala ezineziqinisekiso ezhile, ngakumbi ezo zifundisa izibalo, inzululwazi nobuchwephesehe, ezichongwe ngqo ngophando njengezfundo ezifuna iitishala ezongezelelekileyo. libhasari ekujoliswe kuzo zanikezelwa kubafundi abanqwenela ukungenela ikhondo kula macandelo.

Ubuhlwempu sesinye isoyikiso esinobuzaza kupuhliso Iwezakhono zoluntu. Kumzamo wokuhoyana nezinye iziphumo zobuhlwempu i-WCED iphehlelele iSikimu seMalimboleko seeKholeji ze-FET.

IPruwjekthi iKhanya iqhube iseka iilebhu zeekhompyutha ezikolweni.

ST801	liNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene noko – lindlela ezingundoqo	2004/05 Eyona	2005/06 Eyona	2006/07 Okujoliswe kuko	2006/07 Eyona
<b>INTLAWULO NGOKWENQUTYANA (R'000)</b>					
8.1 lntlawulo kwí-SETA		3,659	3,306	3,756	3,756
8.2 liprowijekhi zezibonelelo zeemeko ezithile		9,814	11,205	11,870	11,872
8.3 limviwo zangaphandle		51,436	54,561	62,632	63,124
8.4 Uqejesho lweetishala		1,345	1,743	1,753	1,868
8.5 iKapa Elhlumayo		28,046	127,772	131,375	120,225
<b>ITOTALI</b>		<b>94,300</b>	<b>198,587</b>	<b>211,386</b>	<b>200,845</b>
<b>INTLAWULO NGOKHLELO LWEZOQQOSHO (R'000)</b>					
Inthawulo yangoku		68,020	70,099	93,492	87,197
Imbyekezo yabaqeshwa		34,903	37,581	40,064	41,321
littishala		18,742	20,180	21,513	22,313
Abangezizo iitishala		16,161	17,401	18,551	19,008
limpahala neenkonzo nokunye kwangoku		33,117	32,518	53,428	45,876
Ukhutshelo nezibonelelo		26,133	118,928	105,394	113557
lntlawulo zee-asehhi zemali		147	9,560	12,500	91
<b>ITOTALI</b>		<b>94,300</b>	<b>198,587</b>	<b>211,386</b>	<b>200,845</b>
<b>ISTAFU</b>					
Inani leetishala (eziqeshwe ngurhumente) (a)		0	17	1	16
Inani labo bangazo zitishala		140	119	147	142
<b>► IZILINGANISI ZOMSEBENZI</b>					
► PPM801: Inani leetishala zezikolo zamabanga aphantsi naphakamileyo eziqeqeshwe kwNlkqubo yeZakhono zoBomi nge-HIV ne-AIDS (elenyukileyo)		15,910	17,124	18,000	21,347
► PPM802: Inani leetishala zamaqela eliqeqeshwe kwizakhono zoBomi nge-HIV ne-AIDS (elenyukileyo)		4,500	8,910	12,000	14,126
► PPM803: Inani lezikolo (SMTs ne-SGBs) eziqeqeshwe kulawulo lwe-HIV ne-AIDS kuluntu lwazo lwezikolo		17	537	1,400	607

## **Imicelimngeni ethile neendlela zokuyihoya kwanemiba efuna ingqwalasela eqhubayo Imicelimngeni**

Inkcithomali engeneno ukakhulu yensiwa lulibaziseko ekupculweni kwezikolo ezibini zezakhono eMitchell's Plain naseGugulethu kananjalo nokukhuthswa kwesicwangciso sokufunda nokubhala se-WCED.

### **I-HIV/AIDS**

I-HIV/AIDS inamandla okudodobalisa iSicwangciso soKhulo noPhuhliso sePhondo (esifaka phakathi izicwangciso zoPhuhliso IweCandelo lezaBasebenzi zezeMfundu). Ukuhoyana ngqo ngenjongo ne-HIV/AIDS nemiba enxulumene noko kuza kuphucula iimeko ezikhangaleka zinganxulumananga nonikezelo lwemfundo.

Inkubo engcwele, yentsebenziswano nehlangeneyo yolawulo iyafuneka kumanqanaba ephondo, elesithili neloluntu, idityaniswe nesikhokelo esithetha phandle esiphuma kwiimanejala ze-WCED. Ilinge liyeza ukuqinisekisa ubeko phambili olukhulu kwanoxanduva lwabaphathi njengesicwangciso sokukhuphela ngaphandle isibonelelo seemeko ezithile.

### **Imfundo yeetitshala**

Kuye kusiba nzima ukurhwebesha abantu abakumgangatho omhle, abazimiseleyo kwikhondo lokufundisa. Izizathu zoku ziyaxaka kwaye ziyadibana kwaye zinxulumanu nembono yoluntu ngezemfundo namathuba afumaneka kwabanezdanga abasebatsha eMzantsi Affrika nakumazwe aphesheya.

Kungokunje kukho abafundi abangama-96 abafunda isigxina, abanikwe izivumelwano ukuba babeziTitshala zeZibalo okanye iNzululwazi. Aba bafundi baonelelwu ngeebhasari ezinkulu, ezbonelela ngemirhumo yokufunda kananjalo neencwadi zokufunda zabo nezinye izixhobo zokufunda.

I-WCED ingeneli kwiphulo lokugaya iititshala kune ne-HEIs yommandla. Oku kube nempumelelo kwaye ilinge elongeziwego liza kufakwa kweli phuhlo kule minyaka mihlani izayo.

I-CD yemithombo yeSikhokelo saMakhondo iPACE ibonelela ngolwazi olufanelekileyo ekufundiseni njengekhondo.

### **IKapa elihlumayo**

Kukho iititshala ezimbalwa kakhulu zezfundo ezifundisa ngamakhondo ezineziqinisekiso ezishiyekileyo kwi-WCED. Oku kuthetha ukuba ukugaya nokuqeqesha iititshala kweli candelo libaluleke kangaka nolwesakhono kufuneka kuqalwe ekuqaleni. Oku akuzi kuba lula. I-WCED iyile inkubo yeminyaka emi-3 ukuphuhlisa izakhono zeetitshala zezfundo zobomi ngokubhekiselele kwisfundo nesikhokelo sekhondo.

Iziphumo zovavanyo olwabhalwa ngabafundi beBanga 8 – uvavanyo Iwezibalo kwakunye nolwimi Iweenkobe oludityaniswe nolwimi lokufundisa (LoLT) – ziza kubakhona ngo-2007 kwaye ziza kunika abafundi isikhokelo ekwenzeni ukhetho Iwamakhondo nezfundo kwiBanga 10.

Kwakhona akukhange kube lula ukuseka iinkubo nolawulo olufunekayo IweSikimu seMali-mboleko seeKholeji ze-FET. Ukongeza aphi, abafundi abaphuma kwiintsapho eziqhawalelayo ngokwezemali baphendule ngorhan kumba weemali-mboleko.

I-WCED ibonisene yaza yasebenza neSikimu sikaZwelonke saBafundi soNcedo IwezeMali (NSFAS) kwaye lithabathele kulo uninzi Iweenkubo zaso. I-WCED kuye kwafuneka itshintshe igama lesi sikimu liye kwiskimu soncedo Iwezemali kwankuba liqhube ukwazisa okubonakalayo malunga nesi sikimu. Ukususela ngowama-31 Matshi 2007, ama-R37,241 ezigidi anikezelwa ngemalimboleko baza abazusi abangama-9 690 baxhamla kwesi sikimu. Uphononongo nenkxaso kubafundi abathe banikwa iimalimboleko zokufunda luyaqhutywa ukuqinisekisa ukusebenza kweli linge.

Uphuhliso Iweenkubo zokuphendula kwiimfuno zezoqoqosho zabemi kwanezoqoqosho IweNtshona Koloni kufuneka luphononongwe kwaye luqinisekiswe.

## 10 lintlawulo ezikhutshelweyo

Igama leZiko/aBazuzi	Isixamali esiKhutshelweyo (R'000)	Ukuthobela iCandelo 38(1)(j) le-PFMA
<b>INkubo 1</b>	<b>22,731</b>	
Apho -		
IProwujekthi yeTelecommunications kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	7,153	Ewe
IProwujekthi iKhanya kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	9,731	Ewe
IProwujekthi yeZibalo neNzululwazi kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	2,664	Ewe
<b>INkubo 2</b>	<b>332,292</b>	
Apho -		
Izikolo zamabanga phantsi eziqhelekileyo zikarhulumente	172,087	Ewe
Izikolo zamabanga aphakamileyo eziqhelekileyo zikarhulumente	114,437	Ewe
IProwujekthi yeZikolo eziKhuselekileyo kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	25,595	Ewe
INkubo kaZwelonke yeSondlo yeZikolo	3,519	Ewe
<b>INkubo 3</b>	<b>34,259</b>	
Apho -		
Izikolo zamabanga aphantsi ezizimeleyo	15,902	Ewe
Izikolo zemfundo ephakamileyo ezizimeleyo	18,357	Ewe
<b>INkubo 4</b>	<b>76,489</b>	
Apho -		
Izikolo zikarhulumente ezizodwa	76,933	Ewe
<b>INkubo 5</b>	<b>131,038</b>	
Apho -		
Amaziko oluntu e-FET	60,688	Ewe
Isibonelelo seemeko ezithile se-FET	70,000	Ewe
<b>INkubo 6</b>	<b>17,376</b>	
Apho -		
Amaziko emfundo oluntu	17,373	Ewe
<b>INkubo 7</b>	<b>45,784</b>	
Apho -		
Imfundu yophuhliso lweentsana kwizikolo zikarhulumente	22,335	Ewe
Imfundu yophuhliso lweentsana kumaziko oluntu	23,284	Ewe
<b>INkubo 8</b>	<b>113,557</b>	
Apho -		
ETDP SETA	3,756	Ewe
libhasari kubafundi	1,868	Ewe
IProwujekthi iKhanya kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente	49,986	Ewe
liProjekthi zeKapa Elihlumayo kwiKholeji ze-FET	25,000	Ewe
liProjekthi zeKapa Elihlumayo kwizikolo zeNgqwalasela	31,391	Ewe
liProjekthi zeKapa Elihlumayo ezikolweni zesakhono	1,485	Ewe
<b>ITotali yoKhutshelo lweeNtlawulo</b>	<b>773,526</b>	

## 11. Izibonelelo zeeMeko ezithile

ITafile: iSishwankathelo seZibonelelo zeeMeko eZithile sika-2006/07 (R'000)

ISibonelelo seeMeko ezithile	Inkcithomali 2005/06	Ukhutshelo ukusuka 2005/06	ITotali yoBonelelo 2006/07	ITotali yoKhutshelo oluFunyenweyo	Eyona Inkcithomali 2006/07	% Inkcithomali
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	
HIV/AIDS	11,205	0	11,870	11,870	11,872	100,0%
INkubo yeSondlo yeZikolo kaZwelonke (NSNP)	49,337	0	48,313	48,313	45,958	95,1%
UHengahlengiso IweMfundu ethe Xhaxhe neCandelo leeKholeji			70,000	70,000	70,000	100,0%
<b>ITOTALI</b>	<b>60,542</b>	<b>0</b>	<b>130,183</b>	<b>130,183</b>	<b>127,830</b>	<b>98,2%</b>

Zonke iimfuno ngokoMthetho woLwahlulo IweNgeniso, 2006 (uMthetho Nomb 1 ka-2006) ngokubhekiselele kwezi Zibonelelo zeeMeko ezithile zikhankanywe ngentla apha kwafikelelwa kuzo, ngolu hloboz. –

- Lonke ukhutshelo olwafunyanwayo Iwafakwa kwi-akhawunti yebhanka yeSebe.
- Zonke iimeko zezibonelelo zeemeko ezithile, njengoko kubekiwe kwiZicwangciso zokuSebenza eziphunyeziweyo, kwafikelelwa kuzo.

Inkchithomali engeneno yeSibonelelo seeMeko ezithile se-NSNP kube ngenxa yeentlawulo ezenziwe ekupheleni kukaMatshi 2007 ezenziwa ukuba zisebenze kuphela ngo-Aprili 2007, ukutsho oko, kunyakamli ka-2007/08. Inkchithomali epheleleyo ithe, ke ngoko yafunyanwa.

### Iinjongo ezizalekisiwego:

#### ISibonelelo seeMeko ezihile: HIV/AIDS

liNjongo zeProwujekthi	limpumelelo
KPA 1: Ukwazisa	<p>Ngokongezelelekileyo, 120 000+ abafundi bathabathe inxaxheba kwimisebenzi yokwazi-sa kulo nyaka equke iNyanga yeSikolo ye-AIDS kwanemisebenzi yoSuku IweHlabathi lukGawulayo. Kubekho iindibano zocwego Iwe-HIV/AIDS ezixeliweyo ezingama-94 kunya nabazali kwaneentlanganiso zamaqela adityanisiweyo ali-154. Zonke izikolo zidityanisiwe ngokwamaqela kwaye zinabaQuquzeleli be-HIV/AIDS. IBhunga likaGawulayo lePhondo liphumeze uyilo IweSicwangciso sokuSebenza se-HIV/AIDS saMasebe ngamasebe ngo-wo-1 Disemba 2006 kwaye onke amasebe ephondo kungokunje aphuhlisa izicwang-ciso zokusebenza. Esi sicwangciso sayamene neSicwangciso esicingwayo sokuSebenza si-kaZwelonke se-HIV/AIDS, esiza kuhutshwa ngowe-4 Juni, esinoxanduva oluza kunwen-wela kuamsebe karhulumente kanajalo noluntu ngokubanzi. Izicwangciso zikazwelonke nezephondo ziza kuba neziphumo zexesha elide kwi-WCED ngaphaya konikezelo Iwesi-bonelelo seemekoezithile (nesiquka imiba edla umzi efana nokuphakanyiswa kwengcebi-so zeengqondo ngokuzithandela novavanyo (VCT) kootitshala nabafundi &gt;15 leminyaka, kwanofikelelo oluphuculiweyo kwiikhondom kootitshala nabafundi abazibandakanya ne-zesondo). Ukuqaliswa kweSicwangciso se-HIV/AIDS sePhondo siza kuphononongwa, ngee- MECs, sisuka kwi-ofisi yeNkulumbuso. Uxanduva Iwe-WCED kwi-HIV/AIDS lubonakaliswa ngokomgaqo kwiSicwangciso sokuSebenza soNyaka saso sika- 2007/08–2009/10. Ingqwalasela ephambili yeSicwangciso sisonke se-HIV/AIDS ikulutsha olubudala buli-15-24, kwaye okujoliswe kuko okungundoqo kweSicwangciso sokuSebenza kuku-cutha amanqanaba okunwenwa kwe-HIV ngama-50% kule minyaka mihihanu ilandelayo. Into yokuba amanqanaba okunwenwa kwabo bane-15-19 iminyaka ubudala kule minyaka mithathu idlulileyo (kwaye, ngokungekho mthethweni, iminyaka emine) ize ngqo kwi-Ntshona Koloni (kwaye ngokunje asisiqingatha salawo kazwelonke kweli qela lobudala) ziimpawu ezicacileyo zokuba isicwangciso sephondo sifumana impumelelo ethile.</p>

liNjongo zeProwujekthi	limpumelelo
KPA 2: Uqequesho Iweetishala kwiZakhono zoBomi ze- HIV/AIDS kwiharityhulamu	Okujoliwe kuko (kuquka okujilise kuko kwama-80% kweetitshala zezikolo zamabanga a-phantsi aza kuqequesha) kufikelwe kuko ukakhulu okanye kwaggithisa – eyona mpu-melelo ingummangaliso xa kujongwa ubume bobuvolontiya boqequesho, into yokuba kubanjve isihlalo sangasemva kuqequesho lwe-NCS kwaye, kwiimeko ezininzi, lunikezelwe nge-empelaveki okanye ngexesha leeholide zeskolo. Ootitshala bali-18 363 baMabanga 1-7 bathe baqequesha oko kwaqaliswa le nkubo (aze ama-21 347 ootitshala kwitotali, zonke izintlu). Ingqwalasela, oko kwango-Aprili 2006, isukile kakhlulu kwizikolo zamabanga apha-kamileyo. Uqequesho Iweetishala ze-FET zeifundo zoBomi kwi-HIV/AIDS nezifundo zeze-sondo luhleli lungumba obalulekileyo, kuba kukho into yokunqongophala kweetitshala ze-Zifundo zoBomi eziqequeshe ngokufanelekileyo kwanokuba izikolo zinika ootitshala abanini abongezelwego, kodwa zingenzo iziqinisekiso, olu xanduva.
KPA 3: Ulawulo Iwezemfundo nophuhliso lolawulo (SMTs & SGBs)	Okusemva kokujoliswe kuko, ukakhulu ngenxa yezixhobo zoqequesho (kunye noguqulelo lolwimi) zingekalungi ukuba zikhutshelwe kumagumbi okusebenzela, icuthe isakhono see-EMDCs ngeli xesha lokuxhasa isicwangciso, kwanokuba imanejala ye-EMGDingekaqeshwa ukuba yongamele isicwangciso. lifayile zemithombo kungokunje ziyaggityezelwa ukulungiselela u- 2007/08, nokujoliswe kuko kwe-MTEFKufuneka ukuba kuhengahlengiswe ukuze zonke izikolo ziqeqeshwe kwaye zixhaswe kule minyaka mithathu ilandelayo. Olu hlengahlengiso sele lubonakalisiwe kwiSicwangciso soNyaka sokuSebenza sika- 2007/08-2009/10.
KPA 4: Uqequesho Iwenkathalo neNkxaso	Okunye okusemva ngokujoliswe kuko, ukakhulu ngenxa yokuba izixhobo zenkxaso zisagqityezelwa. Nangona kunjalo, iqela leeprowujekthi zelinge ziyeza, eqaphelekayo iyiprovujekthi ye <i>Children's Institute/SADTU Caring Schools</i> , izikolo ezingama-60 <i>Soul City Schools as Nodes of Care and Support (SNOCS)</i> , kunye nezikolo ezili-9 ze-ARK. Izifundo ezifutshane ze-15 credit NQF Level 4 Counselling iphuhlisiwe ukuze ikhutshelwe kootitshala, kananjalo nezifundo zoqequesho ezinimilinganiselo eli-134 zootitshala beZifundo zo-Bomi ze-FET (kungokunje zilinde uphunyezo kwiBhunga leeNgcali zezeMpilo). I-90 lesitu se-EMDC sele siqequeshiwe kwinkubo yeeNgcebiso zeNgoqndo ye-UNISA, 25 kwinkubo yokuPhila ka-Kuhle, ne-104 leetitshala ze-EMDC South elithe laqequesha nguLifeLine lifumana ulawulo oluqhabay. Abanye ootitshala abali-120 baqequeshe kiwzakhono zokuthu-mela kumaziko athile kule kota. Inkqubo ka-SNOCS iza kwandiselwa kwezinye izikolo ezi-malunga ne-150 ngo-2007/08, kuxhomekeka kuluntu lubaluliwego Iwenani elifikelela ku-15 elichongwe yinKulumbuso, nocwangciso kulo mba sele lusendeleni. Inqununu ethunyelwego inoxanduva lolawulo lwale nkubo phakathi kwi-WCED.
KPA 5: Abafundi befundisana bebobowa	Le nkubo iqaliswa ngobambiswano neSebe lezeMpilo nabanikezelni beenkonzo abali-18. Izikolo zaMabanga aPhakamileyo ezili-136 kungokunje ziyaxhamla kule nkubo (ama-5 216 ootitshala bamaqela sele beqeshiwe kumanqanaba asezantsi naphezulu ngo-2007, kwane-14 126 eyongezelelekileyo kule minyaka imbalwa idlulileyo). Inani elkwalinye lezikolo zamabanga aphakamileyo zixhamla kwinkxaso yenqubo kaloveLife groundBreakers, njengokuba olunye ubambiswano neSoul City luxhamlisa amaqela eeSoulBuddyz zezikolo zamabanga aphantsi ezili-120. Inkqubo yokufundisana kwamaqela ka'GoLD' ibe yenye yomagqibela-kankqoyi kwiimbasa zeNkonzo yokuGqwesa seNkulumbuso, kwneyena upumelele ngaphandle kwamatandabuzo kwiimbasa zaMazwe ayesakuba ngaMathanga zaMazwe ngamazwe i'Good Practice in Education'.
KPA 6: Irixhobo zenkxaso yokufundisa nokufunda	Kule minyaka imine idlulileyo ititshala nomfundisana ngamnye yeBanga 1-7 kwiNtshona Koloni ubonelelw nge-TLSM efanele ibanga, ezaliswayo kwakhona rhoqo ngonyaka njengoko kuceliwe zizikolo, ngolwimi esizikhetheli lona. Oku kwandiselwa kwiBanga 8-9 ngo-2004 kwaza kwangenisa kuMabanga 10-11 ngo-2005. Njengokuba kwabakho ulibaziseko kwakhona lweqela leenyanga ekuseni irixhobo zokusebenza ezikolweni ekuqalen konyaka wokufunda, lo mba wahoywa ngo-2007 ngesigidimi nesiqinisekiso semfonofono semiyalelo kwisikolo ngasinye kwiphondo. Uhanjiso lweixhobo ezikolweni, nangona kunjalo, kuhphela luqalise ngoJanuwari 2007, kwaye kucingeleka ukuba olu hanjiso ezikolweni luza kuggitya kuhphela ngoMeyi 2007. Njengokuba mhlawumbi eli iya kukuba kuhphela kwephondo elibonelela nggencwadi ezinxulumene ne-HIV/AIDS kuzo zonke izikolo zalo rhoqo ngonyaka, uhanjiso emva kwexesha asinto intle leyo. Kufuneka kuqatshelwe kwakhona ukuba phantse ama-20% ezikolo akaziceli ezi ncwadi. Umyinge wezi zikolo zisebenzisa ezinye iincwadi xa kuthelekswa nezo zingenazo ezinye kusafuneka uqinisekiswe.

liNjongo zeProwujekthi	limpumelelo
KPA 7: Uhlolo, inkxaso novavanyo	<p>Ngo- 2006/07 iqela lovavanyo Iwangaphandle Iwaggityezelwa, kuquka uvavanyo kabini lukazwelonke Iwenkqubo oluqhutywe liSebe lezeMfundu kananjalo nophicotho olunexabiso olongeziweyo oluqhutywe nguMphicothi-zincwadi Jikelele. Ukuqukwa kweziphumo zophando lophicotho olunexabiso olongeziweyo kwiNgxelo yoNyaka ye-WCED kudale ingcinga engeyiyo malunga nokusebenza kwezemali aphi le nkqubo ilawulwa khona. Olu lophicotho olunexabiso olongeziweyo Iwesibini oluqhutywe kwinkqubo ye-HIV/AIDS, ngokunyanzelisa kweSebe likaNondyebo likaZwelonke – ayikho enye inkqubo ye-WCED phandwe nzulu ngolu hlobo. Kodwa oku kubonisa inqanaba aphi yonke inkcitho-mali ye-WCED yezimali zikarhulumnete izi kuye isanda iphononongwa. Uvavanyo Iwen-kqubo yephondo neyesizwe icwangciselwa ebutsheni buka-2007, kwaye uphicotho Iwe-xabiso elongeziweyo luka-AG luyacingeleka. Uvavanyo Iwenkqubo yokufundisana kwamqabane, oluqhutywe yiYunithi yoPhando IwezeMpilo yaBafikisayo kwiDyunivesithi yaseKapa, Iwandiselwe eminye iminyaka emithathu. Qaphela ukuba zonke izikolo ze-WCED zifumana inkxaso eqhubayo yen-kqubo ye-HIV/AIDS ngokutelela iisayithi neen-tlanagniso zekota zamaqela ahlanganisiweyo, kwanokuba zonke izikolo zinoMquuzeleli we-HIV/AIDS eziminikwewo omnye okanye ngaphezulu ukuba iinkqubo zeklasi neen-kqubo nemisebenzi esekezelwe esikolweni.</p>

#### I Sibonelelo seeMeko ezithile: iProwujekthi seSondlo seZikolo kaZwelonke (NSNP)

liNjongo zeProwujekthi	limpumelelo
Ukuqinisekisa ufikelelo kwiNkqubo yeSondlo seZikolo kaZwelonke ngokwezikolo ejijoliswe kuzo	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Bonke abafundi ekujoliswe kubo banikwa izidlo.</li> <li>• Okufunekayo kwithenda yebhidi kwaqulunqwa kwaye kwangeniswa ngempumelelo ngeenjongo zokwazisa nokuphinda kuqhutyelwe phambili liCandelo loLawulo: Amalungiselelo. Ihbidi yapapashwa kumaphephanda ngo-Novemba 2006 yaza yavalwa ngowama-29 Januwari 2007.</li> <li>• Intlawulo zokhutshelo ngokubhekiselele kumavolontiya abaphatha ukuya Tzagqit-yezelwa ngempumelelo.</li> <li>• INTILOKO YEZE MFUNDO YAPHUMEZA ISICWANGCISO SOKUSEBENZA SE-NSNP SIKA 2007/08.</li> <li>• Ikomiti enoxanduva lokuyila iMemorandum yokuQondana phakathi kweSebe leze-Mfundu leNtshona Koloni [WCED] kune neSebe lezeMpilo eNtshona Koloni [DoH-WC] yaggibezelu uxwebhu. Kulindeleke ukuba olu xwebhu kwaye lutyikitywe ngekota yokuqala kunyakamali olandelayo ka-2007/08.</li> <li>• Kuhlaziyo olwatyikitywa ngokusesikweni ngabaquuzeleli beenkqubo kwizithili, ku-ye kwacaca ukuba amavolotiya kwzikolo ekujoliswe kuzo ezingama-916 kwiphon-do lilonke athe aeqeqliwe kukhuseleko Iwerhasi nolokutya kwanokugcinwa kokuya nezikhokelo zabonelelwa ngokubhekiselele kwzdido eziphekiwewo.</li> <li>• Zonke izithuba ezihlawulelweyo zestafu ziayazalisa.</li> <li>• Incwadana yowlazi oluhlaziyiweyo yahanjiswa kuzoz zonke izikolo ekujoliswe kuzo.</li> <li>• Intlanganiso yeentsuku ezimbini yocwangciso Iwezemali iqale phambi kohlengahlengiso lombindi wonyaka lohlahlo Iwabiwo-mali Iwe-online.</li> <li>• Ababoneleli ngeenkonzo baqalise ngempumelelo unikezelo Iwezixhobo zegumbi lokuphekela kwzikolo ezingama-967 ekujoliswe kuzo. Isitafu se-NSNP sibeke es-weni ngampumelelo unikezelo Iwezixhobo zegumbi lokuphekela kuma-805 ezikolo.</li> <li>• Iiyuniti ezingama-83 ezihamabnyo zakhiwa zaza zahlolwa ngempumelelo kwizi-kolo ezichongiweyo ezidingayo ekujoliswe kuzo.</li> <li>• Isixhobo esingunaphakade esihlaziyiweyo sokuhlolai iimpahla sele silingisiwe kwaye singeniswa ngokwenkqubo kwzikolo ekujoliswe kuzo.</li> <li>• Iqela laBalawuli abali-15 beenkqubo zesondlo kumazwe ahlukaneyo e-USA lachitha usuku ne-ofisi yephondo ye-NSNP laza latyelela isikolo ekujoliswe kuso. Utshintshiselwano lolwazi namava afayyananiswa ezuzisa macala.</li> <li>• Izikolo ezi-8 ekujoliswe kuzo zatyelelwa ngexesha lenkomfa yobisi yamazwe ngamzwe yesikolo njengenxalenye yenqubo. Igqiza le-NSNP lithabathe inxaxheba kucwangciso Iwenkqubo laza lazimasa le nkomba.</li> <li>• Isicwangciso sokusebenza esibe yimpumelelo seentsuku ezi-3 siqhutywe ukusu-sela ngowe-4 ukuya kowe-6 Disemba. UMLawuli oBambeleyo kaZwelonke, uNksz M Maduna, uizimase iseshoni njengomakhi-mkhanyo.</li> <li>• Uqequeso Iwesitafu se-NSNP luqhube ngowama-25 Januwari nowe-15 Matshi ngokulandelelana kwaye ezi zihloko zilandelayo, ukhuseleko Iwerhasi nophunyezo Iweemveliso zokutya, zaxoxwa. Iziqinisekiso zanikezelwa kumalungu esitu se-NSNP.</li> </ul>

liNjongo zeProwujekthi	limpumelelo
	<ul style="list-style-type: none"> <li>• lincwadana zokhuseleko lokutya ezingama-893 zafunyanwa kwiCandelo likaz-welonke: iSondlo kwaye zahanjiswa kwizikolo ngalo lonke ixesa isitafu se- NSNP sityelela izikolo. Phakathi kwama-50% ne-100% ezixhobo zokusebenza ezifunyewo zasele zihanjiswiwe kwizikolo ekujoliswe kuzo zonke iZithili ezisi-7 zephondo.</li> <li>• Isixhobo sohlolo ngokubanzi sahlaziwa, ukakhulu ukukhawulelana neemveliso ezahlukeneyo zokutya.</li> <li>• Isitafu se-NSNP kwizithili zephondo ezihlanu phakathi kwezisixhenxe ziqalise ukungenisa kwiinqununu iingxelo ezibekwe emgangathweni ngoggityezelo lohlo-lo olwenzive kwizikolo ekujoliswe kuzo. IZithili ezibini ezishiykelileyo ziva-kalise ukuba ziza kungenisa le ngxelo ngekota yokuqala yonyakamali ka-2007/8.</li> <li>• Phantse ama-91% ezikolo ekujoliswe kuzo ezafumana izimali ngokubhekiselele nezixhobo zamakhitshi neeyuniti ezihambayo ngonyakamali ka-2006/7 zabe-kwa phantsi kweliso.</li> <li>• Phantse ngama-98% azo zonke izikolo ekujoliswe kuzo zinikezela ngezidlo ezishushu. I-2% eshiyekileyo azinazo izixhobo zokusebenza ezifunekayo zolungiselelo lwezidlo ezishushu.</li> <li>• Inkqubo entsha yaphuhliswa kuphenyezo lweemveliso zokutya phambi kokuba ikhutshelwe kwizikolo ekujoliswe kuko. Le nkqubo iza kungenisa ngokuqeshwa kwaBanikezel beeNkonzo</li> </ul>
Ukukhuthaza, ukucebisa nokuphuhlisa izitiya zeziqhamo neminye imisebenzi yoveliso lokutya ezinzileyo kwizikolo ekujoliswe kuzo apho ukulungela kwezixhobo zokusebenza nesitafu noluntu kuhkona	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ucwego lokuxhobisa ngezakhono malunga neemeko ezahlukeneyo yezitiya zokutya lwabanja kuzo zonke izithili kwiphondo. Ootishala, abafundi nabazali bazimasa olu cwego.</li> <li>• Izitiya zokutya zasekwa ngempumelelo kwizikolo ebekujoliswe kuzo kuzo zonke izithili.</li> <li>• Ekupheleni konyakamali ka-2006/7 itotali yenani lezitiya zokutya ifikelele kuma- 219.</li> <li>• Amalungu amahlanu oluntu asebenza kwiSikolo saMabanga aPhantsi iCypress e-Athlone sizibophelele ekutshintshaneni ijonga esi sitiya, nkqu ngeehlide zesikolo. Oku kucacise phandle umda waso malunga nokuba nesitiya.</li> <li>• Ubudlelane bokusebenza baqiriswa kunya neGosa loLwandiso lwezoLimo elinoxanduva lwendawo zaseKhayelitsha naseGugulethu. Lithembise ukubonelela iSikolo saMabanga aPhantsi iLitha eGugulethungezixhobo ezithile ezibalulekileyo.</li> <li>• Ubudlelane babunjwa nombutho woluntu obizwa ngokuba yi-Oasis, oseGrassy Park. Lo mbutho ubandakanyeka kuphuhliso loluntu ngokusebenzisa imidlalo, ukwazisa nge-HIV-AIDS nokuveliswa kwemifuno. Useke (Oasis) isitiya semifuno kwiZikolo zaMabanga aPhantsi iPerivale iZeekoevlei eGrassy Park</li> <li>• Izitiya zemifuno ziqhuba kakuhle gqitha eTyholora neMzoxolo neGeorge, iGrootkraal e-Oudsthoorn (they made a profit of R525.00 from potatoes and spinach) neSikolo saMabanga ePhakamileyo eMossel Bay. ISebe lezoLimo eKnysna lixhase ngeeetanki zamanzi ezintathu ukugcina amanzi emvula.</li> <li>• ISikolo saMabanga aPhantsi iSir Lowry's Pass eGordon's Bay sinesitiya esivelisayo nenkqubo yonkencenkcesho esiyifumene kwiSebe lezoLimo.</li> <li>• Intlanganiso yabanja e-Elsenberg noMlawuli wePhondo koKhuseleko loKutya. Le ntlanganiso, eayibankwe ngowe-6 Matshi 2007, yayijonge ekuqiniseni ubudlelane neSebe lezoLimo.</li> <li>• ISikolo saMabanga aPhantsi Ummangaliso eKhayelitsha sikwinkqubo yokuseka isitiya semifuno sibambisene namalungu athile oluntu.</li> <li>• EWellington ezi kholeji zilandelayo zithembise ukuxhasa izikolo ezithile kule kota izayo: iKholeji yaMapolisa yasePhillipi - ISikolo saMabanga aPhantsi iGroenberg, iKholeji yaseHuguenot - Voorgroenberg and Kaput [iDyunesithi yezoBuchwepheshe] – zozibini iZikolo ZaMabanga aPhantsi IWagenmakervallei neBlouklei.</li> <li>• ISikolo saMabanga aPhantsi iCypress e-Athlone siseke isitiya ekupheleni kalo nyaka upheleleyo, kwaye siqhuba kakuhle gqitha. Isipinatshi neradishi yabo ibe ilingile ngoMatshi 2007.</li> <li>• ISikolo saMabanga aPhantsi iSivuyiseni eKhayelitsha siqhuba kakuhle ekukhuliseni imifuno nasekusebenziseni imijelo esayinikwa ngu-Ark [umbutho olizayo].</li> <li>• Ngomwa-27 Matshi 2007 intlanganiso yabanja phakathi kwamagosa amabini e-NSNP negosa le-Ark ukuxoxa iindlela zosetyenzisoolufanelekileyo lwamajelo kwizikolo zaseKhayelitsha. Amaqela omabini afikelela kwisivumelwano sokuquzelelo uweyo olongezelelekileyo lokuxhobisa ngezakhono kabantu abafanelekileyo kwezi zikolo zikhankanwe ngentla apha.</li> </ul>

## ISibonelo seeMeko ezithile: UHlengahlengiso IweeKholeji ze-FET

liNjongo zeProwujekthi	liMpumelelo
1. Ukupuhlisa icandelo lezabasebenzi ukuxhasa unikezelo lweenkqubo ezintsha nezala maxeshas ngo-2009	Ngo-2006 ubuncinane bama-450 amalungu eetitshala nesitafu solawulo axhotyiswa kwiinkalo ezahlukeneyo zonikezelo lwamakhondo kulungiselelwa unikezelo lwenkqubo yeNqanaba 2 ngo-2007. Amagumbi okusebenzela namagumbi okufunda alungiswa kwaza kwathengwa izixhobo nemithombo eli-11 yeNqanaba 2 le-NQF
2. Ukupuhlisa iinkqubo nemigaqo ukubonelela ngeenkqubo ezintsha ze-DoE ukususela ku-2007 kwanokuxhasa ubhaliso olunyukileyo lwabafundi	I-LANs ne-WAN zisebenza ngokupheleleyo kwiikholeji ezi-6. likhampasi ezingama-40 zeekholeji ezi-6 zidityanisiwe kwiphondo nakuzwelone. Ukuza kuthi ga ngoku iinkqubo zolawulo lwee-asethi neekhampasi. Intengiso ephumeleleyo yeenkqubo zeNqanaba 2
3. Ukuphucula/ukulungisa nokuhlaziya amagumbi okufundela, iilebhu anamgumbi okusebenzela aza kusetyenziselwa iinkqubo ezintsha zokufundisa. Oku kungaqua ukuguqula izakhiwo ezikhoyo	Ubuncinane bama-20 amagumbi okusebenzela aphuculiwe ukukhawulelana nemigangatho yezoshishino, ubuncinane bama-45 ahlaziyiwe uulungiselela umgangatho ophezulu wonikezelo lwekharityhulamu, amaziko emithombo ali-11 afakwe iimpahla kwaye ayasebenza
4. Ukuthenga okanye ukwakha amagumbi okufundela amatsha, amagumbi okusebenzela, ii-ofisi, umhlaba, njl.njl. apho kukho ubungqina obucacileyo bemfuno	likhampasi ezine kwiKholeji yoMzantsi Koloni ziqqityiwe: Ikhampasi yase-Mossel Bay Campus isebezenza ngokupheleleyo zaza izakhiwo zeeprifebhu zasuswa kwafakelwa ezinye kune namagumbi okusebenzela ama-3, amagumbi okufundela ama-4 kwaggitywa namaziko ezmithombo ama-2. Ukwandiswa kwamagumbi okufundela asi-7 namaziko emithombo ama-3 kwiKhampasi yaseGeorge kuyacwangcisa kwaye kuza kuqhutywa. Ama-gumbi okufundela ama-4, amagumbi okusebenzela ama-2 nezikolemithomb-bo e-1 kwiKhampasi yaseBhobhofolo aggityiwe kwee ayasebenza.
5. Ukuphucula iisayithi zeekholeji	lisayithi ezili-8 zekhampasi ziphuculwe malunga nocingo, ukuhonjiswa kwakhona, isaynejii, umbane, ukupheyiva.
6. Ukuthenga izixhobo zokusebenza ukuxhasa ukufundisa nokufunda	Izixhobo zamagumbi okusebenzela angama- 72 kwiikhampasi ezingama-27 zithengiwe, zafakelwa kwaye zisebenza kunikezelo lweNqanaba 2 nele 3
7. Ukupuhlisa ikharityhulamu/iinkqubo nezixhobo	I-LTSM yonikezelo lweenkqubo zamakhondo ezili-11 zeNqanaba 2 nezi- 3 kwiikhampasi ezingama-32 ziaythengwa/ziya-odolwa kwaye ziyasebenza

### 12. Utyalomali oluphambili, ulawulo lwee-asethi nolondolozo

ISibe likaNondyebo kaZwelonek liyile iSicwangciso soPhuhliso loPhuculo lweZixhobo zokuSebenza (IDIP) ukuphucula unikezelo lwezixhobo zokusebenza nenkcithomali yezimali zezixhobo zokusebenza kumaphondo awohlukaneyo elizwe. Kukho oku ezingqondweni iNtshona Koloni izingca kakhulu ngeempumelelo zayo ekunikezeleni ngezixhobo zokusebenza ngokukhawuleza kwanokusebenzia (ukuchitha imali kune/okanye ukuzibophelela) zonke izimali ezikhoyo zezixhobo zokusebenza.

Njengenyathelo lokuqala eliya kuphuculo ionikezelo lweenkonzo zezixhobo zokusebenza, amagosa kwinqanaba lokusebenza kwi-WCED neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu (iMisebenzi) adibene ukuqwalasela kwakhona iSivumelwano esikhoyo soNikzelot lweNkonzo (SDA) kwanokuhlanganisa incwadana yokusebenza yamaxwebhu afunekayo ukusebenisa nokuthobelwa onke amasolotya e-SDA.

limfuno zenkqubo namasolotya e-IDIP akhoyo kwi-SDA ehlaziyiweyo akanakho ukufikelelwa kusteynzwisa esi sitafu sikhoyo. Oku kubonakalisa luhlobo lwemibuzo ebuzwe ngexesha lophicotho lomsebenzi. Kuba zonke iimfuno zingakhange zifikelelwe, iCandelo: isitafu soCwangciso lweMithombo ePhathekayo kwi-WCED kufuneka siphendule imibuzo emininzi yophicotho kwimiba yezixhobo zokusebenza zezikolo.

Isixamali esongeziweyo sama-R65 ezigidi saphunyezwa ngonyakamali ka-2006/07 kulungiselelwa izixhobo zokusebenza. Ezi mali zanikezelwa ngale ndlela ilandelayo:

- Ama-R39 ezigidi kulgakhiwo lwezikolo ezithathu zamabanga aphakamileyo eKhayelitsha
- I-R13,2 lezigidi kwiiprowujekthi zolwakhiwo kwiSikolo saMabanga aPhakamileyo iMondale (iqonga), iSikolo saMabanga aPhantsi iTurfhall (iqonga), iSikolo saMabanga aPhakamileyo iRavensmead (iqonga), iSikolo saMabanga aPhakamileyo iKhayamandi (isikolo esitsha), iSikolo saMabanga

aPhakamileyo iOaklands (isibonelelo solawulo ), iSikolo saMabanga aPhantsi iRosmead (amagumbi okufundela) neSikolo saMabanga aPhakamileyo iEsselenpark (isibonelelo solawulo).

- Isixamali se-R12,8 sezigidi sakhutshelwa ezikolweni ukuze kwakhiwe iiholo. Izikolo ezibandakanyekayo siSikolo saMabanga aPhakamileyo iSarepta, iSikolo saMabanga aPhantsi iMzamomtsha, iSikolo saMabanga aPhakamileyo iRocklands, iSikolo saMabanga aPhakamileyo iScottsville, iSikolo saMabanga aPhakamileyo iKnysna neSikolo saMabanga aPhakamileyo iPhoenix.

Uhlahlo Iwabiwo-mali olucwangciselwe ulondodolozo luka-2006/07 Iwalungama-R89,806 ezigidi aphi i-R15 lezigidi lachithwa kwi-EPWP (iProwujekthi yokuQalisa uLondolozo IweZakhiwo), elawulwa yiMisebenzi.

Uvuthondaba olubaluleke kakhulu kufikelelwe kulo ngokwemigaqo yamalungelo ee-SGBs ukuphucula ipropathi yesikolo. Uluvol Iwezomthetho luyicaise kakuhle le meko kwaye ngoku izimali zingakhutshelwa ezikolweni – ingaba ezi mali zeze-PIG (iSabelo seZixhobo zokuSebenza sePhondo) okanye zizimali zolungelelaniso Iwezabelo.

Imigaqo ibekiwe ukwenzela ukuba izikolo zilawule iiprowujekthi. Imigaqo ayicuthi kuphela ungcipheko lokulawula hesheheshe izimali zoMbuso, kodwa ikwabonelela ngezikkhokelo ezicacileyo ukuqinisekisa ukuba iiprowujekthi ziyaggitywa ngempumelelo. Ulawulo lomgangatho Iwaqaliswa kwinkqubo yolkwakhiwo ukuze izixhobo zokusebenza eziggityiweyo aziyi kuba ngumthwalo wezemali owongezelekileyo kuhlahlo Iwabiwo-mali lolondolozo Iwe-WCED kwiminyaka ezayo.

## 12.1 Utyalomali oluphambili olubotshelwego Fixed capital investment

### 12.1.1 Iiprowujekthi zokwakha eziggityiweyo ngo-2006/07

**Isishwankathelo:**

IMisebenzi ePhambili	Inani leeprowujekthi eziggityiweyo		IZikolo
Iiprowujekthi zolwakhiwo Iwezikolo	IZikolo zaMabanga aPhantsi	1 ka 2	Imvulmelwano PS (30)
	IZikolo zaMabanga aPhakamileyo	2 ka 3	Kuilsrivier SS (37) and Khayamandi SS (iSakhiwo sexeshana (10). Bloekombos SS (Temporary building) (15) seleiza kuggitywa.
Amagumbi okuyalela njengenxalenye yesikolo ngasinye esitscha okanye njengeeprowujekthi ezisecaleni	IZikolo zaMabanga aPhantsi	114 ka 22	Conville PS (6) (Equity Share (ES)), Rainbow PS (6) (ES), Parkdene PS (6) Imvulmelwano PS (30) and Kretchenshoop PS (6), Meulenhof PS (3) (SGB), Siyafuneka PS (5) (SGB), Vredendal PS (22) (ES), Heinz Park PS (30) (PIG)
Ukususwa kwamagumbi okufundela ahambayo esisiwa kwenye indawo	IZikolo zaMabanga aPhakamileyo	111 ka 30	Simunye SS (6), Manzomthombo SS (6), Zolani CS (5), Kuilsrivier SS (37), Khayamandi SS (temporary building (10), Bridgton JSS (5) & Van Cutsem Combined School (6), Naphakade SS (3) (SGB), Wellington SS (6) (SGB), Bloekombos SS (22) (SGB), Murray SS (5) (ES), Kenmere PS (1) (SGB)
	IZikolo zaMabanga aPhantsi	38 ka 18	Citrusdal PS (SGB) (2), Dalubuhle PS (SGB) (2), Karookop PS (SGB) (1), Kleinrivier PS ((SGB) 1), Trevor Manual PS (SGB) (3), Lutzville PS (ES) (2), Steilhoogte PS (ES) (1), Melkbostrand PS (ES) (1), Phakamisani PS (ES) (2), Sedgefieeld PS ((ES) (1), Slangrivier PS (1), Melkhoutfontein PS (1) and Mzoxolo PS (1), Bongolethu PS (3) (SGB), Masakhane PS (5) (SGB), Lukhanyo PS (2) (SGB), Amalienstein PS (3) (SGB), Vuyani PS (3) (SGB), Sir Lowry's PS (3) (SGB) (3),
	IZikolo zaMabanga aPhakamileyo	24 ka 7	Wesbank SS (SGB) (8), Umeyezo Wama Apile PS (SGB) (4), Sizimisele SS (SGB) (4), Sitembele Matiso SS (3) (SGB), Khayamandi SS (2) (SGB), Thandokhulu SS (3) (SGB)

<b>IMisebenzi ePhambili</b>	<b>Inani leeprowujekthi ezigqityiwego</b>		<b>IZikolo</b>
Amaqonga	IZikolo zaMabanga aPhantsi	3 ka 4 2 phantsi kolwakhiwo	<b>Ezigqityiwego:</b> Wesfleur PS (ES), Victoria Park PS (ES), Panorama PS (ES). <b>Phantsi kolwakhiwo:</b> Turfhall PS (PIG), Protea Park PS (ES)
	IZikolo zaMabanga aPhakamileyo	11 ka 9 7 isakhiwa.	<b>Ezigqityiwego:</b> Ladismith SS (ES), Imizamo Yethu SS (SGB), Glendale SS (SGB), Bridgton SS (ES). Charleston Hill SS (ES), Heideveld SS ES), Proteus SS (PIG), Villiersdorp SS (ES) and Luhlaza SS (SGB), Kasselsvlei SS (SGB), Spine Road (SGB). <b>Phantsi kolwakhiwo:</b> Paulus Joubert SS (ES), Ravensmead SS (PIG), Mondale SS (PIG) and Matthew Goniwe SS (SGB), Gugulethu Comp School (SGB), Vusisiswe SS, (SGB), Rocklands SS (SGB)
Izindlu zangasese	IZikolo zaMabanga aPhantsi	109 of 66	Imvulmelwano PS (33 WCs), Garden Village PS (10 WCs) (SGB), Vredendal PS (33 WCs) (ES), Heinz Park PS (33 WCs) (PIG)
	IZikolo zaMabanga aPhakamileyo	81 ka 81	Kuilsrivier SS (27 WCs), Khayamandi SS (Temporary building (10 WCs), Bloekombos SS (Temporary building (17 WCs) (Inkwenkwezi SS (27 WCs)
Uphuculo Iweeprowujekthi	IZikolo zaMabanga aPhantsi	0 ka 1 1 isakhiwa	<b>Phantsi kolwakhiwo:</b> Thembani PS (Administration block)
	IZikolo zaMabanga aPhakamileyo	1 ka 1 2 isakhiwa	<b>Ezigqityiwego d:</b> Aural College (ES) <b>Phantsi kolwakhiwo:</b> Essellenpark SS (PIG) and Oaklands SS (PIG)

### 12.1.2 Iiprowujekthi zolondolozo eziqhutwyne ngo-2006/07

<b>Inani leeprowujekthi</b>	<b>Uhlahlo Iwabiwo-mali luka- 2006/07 R'000</b>	<b>Indleko yoGqibela eQikelelwayo R'000</b>
*2005/06-2007/08 1 201 leeprowujekthi	89, 806	91, 072

\*inani elibonisa iiprowujekthi

Inkqubela eyenziwego ukuhoyana nolibaziseko kulondolozo ngeli xesha kuthethwa

Indleko eqikelelwayo yokukwakha ezinye izakhiwo zezikolo endaweni yezikhoyo eNtshona Koloni li- R12 lezigididi. ngokweKhowudi yeNkonzo kaRhulumente, 1,5% yexabiso lokufaka ezinye izakhiwo kufuneka yensiwe ibekhona rhoqo ngonyaka ukusilondoloza. Isixamali se-R180 lezigidi, phambi kokunyuka, kufuneka sabelwe imali rhoqo ngonyaka ukulondoloza izakhiwo zezemfundo eNtshona Koloni.

Uhlahlo Iwabiw-mali lolondolozo luka-2006/07 Iwaba ngama-R89,806 ezigidi. Esi sixamali simele kuphela ama-50% okona kufunekayo ukulondoloza izakhiwo ze-WCED. Ngalo myinge, ulibaziseko lolondolozo luyanda.

Phantse ama-3 500 amagumbi okufundela akhiwa ngezixhobo ezingafanelekanga ezifana nemithi/amaplanga, itshipbhodi nesamente ye-asbestos. Amagumbi okufundela okanye izikolo ezakhiwe ngezi zixhobo zisesichengeni sokonakaliswa okanye ubusela kwaye zifuna ulondolozo Iwarhogo. Ngokweengxelo, eziqulunqwe ngabacebisi emva kokuhlolola amagumbi okufundela okanye izikolo ezinjalo, ezingeniswe kwiSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu, kuphakanyiswa ukuba izakhiwo ezinjalo mazisiphulwe neengcambu. Abafundi bangasiwa kwizikolo ezikufutshene, ezinendawo eyaneleyo.

## **INkqubo eXananazileyo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP)**

ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu (iMisebenzi) lingenise i-EPWP ngo-2004. Le nkqubo iquke ukucocwa kwezibonelo zogutuulo, iisayithi, izitiya neebhodi ekubhalwa kuzo, kuquka ukutshayela nokuthambisa imigangatho/ikhorido. Qho ngeenyanga ezintathu imizobo eseludongeni yasuswa zaza iigatara nemijelo yamazni emvula yacocwa.

Izikolo ezingamashumi amane (44) kuMasipala weSithili soNxweme IweNtshona (ooMasiapala baseSaldanha, Bergvrier, Swartland) zifumene ingqwalasela exabisa i-R1,325 lezigidi aza ama-412 kwiSixeko soBumbano seKapa afumana ingqwalasela exabisa i-R13,172 lezigidi.

### **12.2 Ulawulo Iwee-asethi**

#### **II-asethi ezingasusekiyo**

I-WCED isebeenzisa INkqubo yoLwazi loLawulo IwezeMfundu (EMIS) neNkqubo yoBhaliso IweeMfuno zoLwazi IweZikolo (SRNIS), efanelekileyo ukulawula ii-asethi ezingasusekiyo

#### **II-asethi eziphambili ezsusekayo**

##### **I-Ofisi eyiNtloko nee-EMDCs (kuquka ii-ofisi ezinxulumene nee-EMDCs)**

Ngokubhekiselele kwii-asethi ezsusekayo, i-WCED iseke iyunithi yolawulo Iwee-asethi. Le yunithi yenze yeentsika yeYunithi yoBonelelo IweeNkonzo.

Yonke ifanitshala nezixhobo zokusebenza ezifuneka kwi-Ofisi eyiNtloko nee-EMDCs yathengwa kwi-Ofisi yaza yafakwa kuluhlu Iweempahla Iwee-asethi ezihambayo ngokwemigaqo yeemfuno ezechazwe liSebe likaNondyebo kaZwelonke. Uphicotho lonyaka Iwee-asethi ezihambayo (Novembra) nobalo Iwempahla ekhoyo nengekhoyo (Februwari/Matshi) Iwenziwa ngoncedo Iwekontraka yabucala eqeshwe ngqo le njongo.

La manyathelo alandelayo athatyathwa ukuqinisekisa isidima sovimba wolwazi esixhasa irejista yee-asethi esebezayao egcina imigangatho yobalomali neqinisekisa ulungelelaniso lolwazi lousebenzayao, olubonakalayo noluchanekileyo:

- Ubalo Iwezinto ezikhoyo nekumele ukuba zikho olwensiwe liSebe njengoko kuchaziwe yiMimiselo yeSebe likaNondyebo.
- Ubalo Iwezinto ezikhoyo nebukumele ukuba zikho luyaqhube ngembono yobungakanani bezinto.
- Izintlu zeempahla zatyikitywa ngamagosa anoxanduva zaza azqinisekisa ziimanejala zezikoleendleko.
- Izigidimi zakhutshwa ngokuhambelana neSahluko 10 seMimiselo yeSebe likaNondyebo.
- Imigaqo yezinikamaxabiso yee-asethi iye yacaciswa kwiNkqubo yeGosa loBalo-zimali.
- Ulungelelaniso Iweentengo kwi-LOGIS nenkcithomali ku-BAS yenziwa nyanga nganye.
- Irejista yee-asethi inolwazi olufunekayo ngokwemigaqo yeMimiselo yeSebe likaNondyebo.

lindlela ezaqaliswayo ukuqinisekisa ukuba inkqubo esebezayao yokuchonga, ukukhusela, ukuphonononga nekugcina irekhodi yee-asethi ezihambayo ikho, zilolu hlobo lulandelayo:

- Zonke ii-asethi zafakwa uphawu Iwebha, olubhalwe "RSA" zaza zarekhodwa kwizintlu zempahla.
- Zonke ii-asethi zachongwa kwirejisata yee-asethi ezihambayo kuzo zonke izintlu zee-asethi ezechongwe liSebe likaNondyebo kwaye zanikwa iinombolo ezizodwa (iibhakhowudi).
- Imanejala zamaziko eendleko zinoxanduva lokukhusela ii-asethi zazo.
- Zonke ii-asethi ezihambayo zarekhodwa kuluhlu Iweempahla ngokwezikoo leendleko nendawo. Izintlu zeempahla zaqinisekisa nengezichanekileyo ziimanejala zamaziko eendleko zaza zagcinwa kwindawo ebonakalayo kwindawo nganye.

## Izikolo

Kwagqitywa ukuba kwensiwe ukhutshelo lweentlawulo ezikolweni ngokwemigaqo yeZikhokelo zeSebe likaNondyebo ezikhoyo ukwenzela ukuba izikolo zikwazi ukuthenga izixhobo zazo kubanikezeli beenkonzo abanezivumelwano. Zonke iintengo zezikolo zasuswa kwiRejista yee-Asethi kaLOGIS njengoko zinjalo, ngomwemigaqo yoMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho Nomb 84 ka-1996), zithatyathwa njengezinto zoluhlu lweempahla zezikolo. Izikolo kufuneka, ke ngoko, zixe ezi zinto zoluhlu lweempahla kwiingxelo zazo zezemali. iRejisata yee-Asehi kaLOGIS ibonakalisa kuphela izintlu zeempahla kwi-Ofisi eyiNtloko ye-WCED nee-EMDCs kwaneendawo zazo ezahlukaneyo zeenkonzo.

### Izicwangciso malunga nee-asethi ezihambayo, ezifana nezithuthi

ISebe lezoThutho neMisebenzi lePhondo (iziThuthi zikaRhulumente) lilawula ubonelelo, ukurhoxiswa nokufakwa kwezinye endaweni yezindala kuye/okanye ezonakalisewyo kwiGaraji kaRhulumente (GG) izithuthi. Likwaqwalasela ukulayiseniswa, ulondolozo nokuthiya kwamafutha kwezithuthi, kananjalo nokulondolozwa kwerejista yee-asethi kwiNkubo yeFleetman. Likwaqlunqa umgaqo-nkubo wephondo mayela nosetyenziso lwezithuthi zee-GG.

I-WCED iqinisekisa ukuba umgaqo-nkubo wephondo uyathotyelwa. Likwalondoloza irejista yezithuthi ezisetyenziswayo yi-WCED, liphonononga usetyenziso lwezithuthi ngamaxwebhu elog kwaye liqinisekisa ukuba ezi aithuthi zisendleleni kwaye zilondolozwe ngokufanelekileyo.

Izithuthi ezikhoyo n goku ziyafilela kwiumfuno zangoku ze-WCED.

### Amanyathelo athatyathiweyo ukuqinisekisa ukuba irejista yee-asethi yeSebe ihambelana namaxesha

Ubalo lonyaka lwempahla ekhoyo nekufanele ukuba ibekhona luyaqhutywa ukuqinisekisa ukuba irejista yee-asethi ye-WCED ihlala ihambelana namaxesha. Uqinisekiso oluphathekayo lwee-asethi lwasiva kumacandelo abucala kumikezeli weenkonzo oyingcali.

## 13. Izicwangciso zoququzelelo, intsebenziswano nokusiwa kumacandelo abucala

### 13.1 Amakhonkco amasebe ahlukaneyo

I-WCED lisebe elikhokelayo elinoxanduva lokupuhlisa umiliselo nophononongo lwee-HDCs zephondo. Nangona kunjalo, inqontsonqa yomsebenzi ifuna ukuba onke amasebe karhulumente kwinqanaba lezphondo nelommandla axhase kwaye afake igalelo kumiliselo lvesicwangciso. Amasebe angundoqo aquka aMasebe ezeMpilo, uPhuhliso lwezeNtlalo, uKhuseleko loLuntu kananjalo nelezoThutho neMisebenzi yoLuntu. Ukongeza apho, amaqabane ezentlalo, ukutsho oko; amashishini, imibutho yabasebenzi nabasebenzi bakarhulumente besebenzisa iBhunga loPhuhliso lePhondo, badlale indima engundoqo ekubumbeni nasekuqaliseni ii-HCDS.

lintlanganiso neengxoxo zarhoqo kumaqonga afana ne-CEM, iiNtloko zeKomiti yezeMfundu (HEDCOM) kwaneekomitana zayo ezahlukaneyo, ziyabanjwa neSebe lezeMfundu likazwelonke kwanamanye amaseben emfundu ephondo malunga nomgaqo-nkubo wezemfundu.

lingxoxo kune amasebe angamahlakani kwintsebenziswano yamacandelo ahlukaneyo zikwaqhube rhoqo, ngakumbi naMsebe ezeMpilo (i-HIV/AIDS nezakhono zobomi, impilo nentlalontle ezikolweni, ukubonwa kwanethuba neenkonzo zezempiro zezikolo), uKhuseleko loLuntu (iProwujekthi yeZikolo eziKhuselekleleyo neProwujekthi yaMagosa eXhasa aBafundi ukucutha ukungahambi kakuhle isikolo nokona kwabantwana abasebancinane), iNkulumbuso (i-Ofisi yoBume baBantu aBakhabazekileyo – iSicwangciso esidibeneyo soKhubazeko sePhondo), uPhuhliso lwezoQoqosho nezoKhenketho (uMnyadala weKapa eliFuundayo namacandelo okhulo lwezoQoqosho) nezoThutho neMisebenzi yoLuntu (iiprowujekthi eziphambili nolondolozo). lintlanganiso zekota ziyabanjwa nekomiti equuzelela i-ISLP ukubonelela izakhiwo zezikolo kwiindawo ezazivinjwe amathuba ngaphamabili. lingxoxo namasebe angamahlakani ngophuhliso oludibeneleyo olungcwle nazo ziqhuba rhoqo. Kunye namasebe angamahlakani ngophuhliso oludibeneleyo olungcwle nazo ziqhuba rhoqo.

naworhulumente wommandla, iSicwangciso esiDibeneyo sokuSebenza sePhondo ukwenzela i-HIV ne-AIDS siye saphuhliswa kwaye sele siphunyeziwe liBunga lePhondo likaGawulayo.

Icandelwana le-ABET le-WCED libandakanyeka kuthotho lobambiswano namanye amasebe ephondo. Ngolu bambiswano, abaqeshwa bamasebe ephondo banikwa ithuba lokufumana i-GETC. Kumgaonqkubo woNqamlezo woNikezelo lwe-ABET kuBaqeshwa baMasebe kaRhulumente ukwakhona. Ubambiswano luyasekwa kwinqanaba lephondo nasembindini. Ezi zikhokelo ziureka, phakathi kwezinye izinto, amanqanaba kuqaliso lobambiswano, iindima noxanduva lwabo babandakanyekayo, indleko nokuqhube iindleko. Amasebe ali-10 ephondo, kananjalo naMasebe kazelonke eMicimbi yaManzi neeNkonzo zoLuleko, enza inxalenye yolu bambiswano. Ukwenza ubambiswano lube sesikweni, iiemorandum zokuqaondana (MOUs) zaphuhliswa. Omabini amaqela, ukutsho oko; i-WCED, njengomnikezeli wenkonzo, neqabane (umz. Isebe lephondo), kufuneka atyikitye le MOU. I-MOU ikwatyikitye noMetrorail. Uyilo lwe-MOUs lwaqulunqwa kwaye kufuneka lugqityezelwe naMasebe ePhondo eeNkonzo zeNtlalo, ezoThutho neMisebenzi nelezeMpilo.

### **13.2 Amakhonkco karhulumente wommandla**

I-WCED isebezisana neSixeko seKapa malunga neNkqubo yoVuselelo lweeDolophu (URP) noMasipala woMbindi Karoo malunga neNkqubo eDibeneyo yoPhuhliso oluZinzileyo lwaMapHandle (ISRDP). Injongo yezi nkqubo zombini kukusebenza kunye nangokudibeneyo namanye amasebe noorhulumente ukuphelisa ubuhlwempu ngokusebenzia uphuhliso lwezakhono kubantu abangasebenziyo.

lingxoxo zathabathisa phakathi kwe-WCED neSixeko seKapa kananjalo ne-SALGA malunga noku kundandelayo –

- ukunxulumanisa i-HIV/AIDS neNkqubo yeZakhono zoBomi, iNkqubo yokuFunda kwaBanye abangaMaqbane naMaqela aSebenzayo aMacandelo aManinzi ahlukaneyo e-HIV/AIDS (MSATs);
- ukunxulumanisa amalinge e-ICT ye-WCED kunye namalinge eSmart Cape; kunye
- nophunyezo lwezicwangciso zeziseko (uCwangciso lweeDolophu).

### **13.3 Amaqumrhu karhulumente**

Kungokunje akukho maqumrhu karhulumente apho i-WCED inoxanduva.

### **13.4 Ubambiswano noluntu, amacandelo abucala, ukusiwa kumacandelo abucala, njl.njl.**

Nangona i-WCED ingenalo ubambiswano olucacileyo namaqumrhu oluntu nawabucala (PPPs), isebe lazise iqela longenelelo neeproujekthi ngemizamo yokuhoyana neemeko ezahlukaneyo zemfundo esemgangathweni ezikolweni. Ezi proujekthi nongenelelo zilawulwa mhlawumbi yi-WCED (ngokusebenzia ii-EMDCs) ngqo okanye ngokusebenzia imibutho eliqela yezemfundo engeyiyo ekarhulumente (NGOs). Olu bambiswano ngokubanzi lunqamlezie (phakathi kwi-WCED) kunye(okanye namacandelo amaninzi ngobume, lukho ukuhoyana nemiba yezengqondo nezentlalo nezoqoqosho ethi, ngaphandle kokuba ihoywe ngokusebenzayo, idodobalise ubonelelo lwemfundo esemgangathweni ezikolweni, kwaye ziphinde zisekwe ukwandisa isambuku sezimali ezikhoyo ngeli lixa kuqinisekiswa utyalomali lwezemali olutshitshileyo lwe-WCED.

INgxowamali yeHlabathi, ngokusebenzia iSebe lezeMpilo, ixhasa ilinge elishukumayo lemfundu yamahlakani le-HIV/AIDS kwizikoo zemfundo ephakamileyo ezingama-94. Izikolo ezongezelelekileyo ezingama-42 zikwamilisela le nkqubo ngenye inkxasomali. Kukwakho iqela lobambiswano lentsebenziswano elikwinqanaba elisezantsi phakathi kwinkqubo ye-HIV/AIDS ye-WCED.

I-WCED isebezisana nabaphuhlisi aba-6 babucala kupuhliso lwenkqubo zokusetyenziswa kwiiProujekthi zeNkqubo yoLawulo lweZikolo (SAMS).

I-WCED ikwasebenzisane ne-PETROSA. Bakhe bagqiba isikolo se-R12 yezigidi seSikolo saMabanga aPhantsi iRietvlei eMossel Bay kwaye baxhobise ngokwaneleyo izikolo ezi-4 ezazisakuba phantsi kwe-DET eMossel Bay ngekhompyutha yestate-of-the-art nelaboratri zenzululwazi.

iMemorandum yokuQondana yatyikitywa phakathi kwe-PETROSA neSebe lezeMfundu leNtshona Koloni, ebonelela ngendlela yokusebenza yokuchitha ilizo le-R15 lesigidi kulwakhiwo lwasikolo samabanga aphantsi eVredenburg.

iGarden Cities iyabandakanyeka kulwakhiwo lwamaqonga ezikolo. Bakhe ngempumelelo amaqlonga kwiSikolo saMabanga aPhakamileyo iGlendale, iSikolo saMabanga aPhakamileyo lmizamo Yethu, iSikolo saMabanga aPhakamileyo iLuhlaza neSikolo saMabanga aPhakamileyo iKasselsvlei. Ulwakhiwo lukwaqhuba kwiSikolo saMabanga aPhakamileyo iMatthew Goniwe eKhayelitsha neSikolo saMabanga aPhakamileyo Intshukumo eGuguletu. Izivumelwano zityikitywe phakathi kweGarden Cities neSikolo saMabanga aPhakamileyo iKnysnal, iSikolo saMabanga aPhakamileyo iSarepta, iSikolo saMabanga aPhantsi iMzamomtsha, iSikolo saMabanga aPhakamileyo iPhoenix, iSikolo aMabanga aPhakamileyo iScottsville neSikolo saMabanga aPhakamileyo iMountview. Ucwangciso kungokunje luyaqhubeke.

iTsheyimba yezoRhwebo: ukhuhphiswano lweTechnopreneur kubafundi beBanga 10

SANTAM: Ukuxhasa ngezimali eyona misebenzi imihle ka-EMS

Sanlam: UPhuhliso Iwenkubo engcwele ye-HIV/AIDS esekelezelwe kwikarityhulamu

Cape Town Holocaust Centre: Ukujongana neMbali neZiqu zeThu (aMabanga 9 ukuya kwele 12)

### **13.5 INkxasomali ePhuma kuBaxhasi**

I-WCED ayifumenga nkxasomali evela kubaxhasi kunyakamali ka-2006/07.

## **ISIHLOMELO A: IZILINGANISI ZOMSEBENZI – 2006/07**

### **► PM001: Ipesenti yabantwana ababudala buyiminyaka enyanelisa ukuba bahambe isikolo abahamba isikolo**

Le yipesenti yabantwana ababudala buyiminyaka enyanelisa ukuba abahambe isikolo kwiphondo abahamba kuso nasiphi na isikolo okanye izikomfundo. Esi silinganisi somsebenzi sibonisa indlela asebenza ngayo amalungelo abantwana, njengoko kuxeliwe kuMgaqo-siseko, azalisekiswa ngayo, kwanenqanaba apho izibonelelo zoMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika obhekisa ekuyeni esikolweni othotyelwa ngayo.

**Umthombo:** Kwiminyaka ekungabalwa ngayo abantu uvimba wolwaizi weStatsSA General Household Survey (GHS) osebenza kunya ka ekuthethwa ngaye uyasetyenziswa kwinani eliphezulu nakwelisezantsi.

### **► PM002: Ipesenti yolutsha olubudala bungaphezulu kweminyaka enyanelisa ukuhamba isikolo oluhamba isikolo nakwamanye amaziko emfundu**

oku kuyafana ne-PM001, ngaphandle kokuba esi silinganisi somsebenzi sibhekisa kubantwana abadala. Le yipesenti yenani labantwana kwiphondo ababudala buli-15 ukuya kwi-17 abahamba isikolo okanye amanye amazikomfundo. Ibonisa indlela urhulumente nelizwe eliphumelele ngayo ekuboneleleni ngesikolo nenye imfundu engaphaya kwenqanaba lemfundo esisiseko. Njengoko uMgaqo-siseko ungayenzi imfundu njengelungelo elisisiseko kweli qela lobudala, inyanelisa urhulumente ukuba enze imfundu ethe xhaxhe ukuba ifumanike kwaye ifikeleleke ngokubonakalayo kulutsha lwethu.

**Umthombo:** Kwiminyaka ekungabalwa ngayo abantu uvimba wolwaizi weStatsSA General Household Survey (GHS) osebenza kunya ka ekuthethwa ngaye uyasetyenziswa kwinani eliphezulu nakwelisezantsi.

### **► PM003: Inkcitho karhulumente kwabona bafundi bahluphekayo njengepesenti yenkcitho karhulumente kwabona bafundi bangahlupheki kangako**

Le yinkcitho karhulumente kwabona bantwana bahluphekayo basisinye esihlanwini nabafundi njengepesenti yenkcitho karhulumente kwesona sinye esihlanwini singahlupheki kangako. Ngexesha leminyaka yokugqibela yobandulululo, ipesenti yayimalunga nama-20%. Yinjongo karhulumente ukunyusa le pesenti ukuya ngaphezu kwe-100% kuwo onke amaphondo. Zininzi iimeko ezityhala le pesenti ukuba ihle isenyuka: imigaqo-nkqubo karhulumente yobonelelo olukekelele kwabahluphekayo nobonelelo lwezikolo; iinkqubo zikarhulumente zokwakha izikolo (zenyusa le pesenti); inani labantwana abahluphekayo abangekho sikolweni (kwaye ngoko abafumani nkxasomali yakufunda); iingxaki zokulobela iititshala kwiindawo zamaphandle (ezi meko zehlisa le pesenti).

**Umthombo:** Amanani obhaliso kubafundi abakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwizikolo zomlinganiselo 1 okanye umlinganiselo 5 afumaneka kumanani obhaliso lwe-EMIS njengoko efakwe kwikhompyutha esuka kuPhando loNyaka lweSikolo (ASS).

### **► PM004: Igalelo leminyaka ngokwezdanga ze-FETC**

Eli linani leminyaka yokufunda urhulumente atyala imali ukuvelisa oneBanga 12 ngamnye okanye onesidanga esifanayo. Kuba abafundi bephinda, kwanokuba abafundi beyeka phakathi kwinkqubo yokufunda phambi kokuphela kweBanga 12, inani leminyaka lisoloko lingaphezulu kuno- 12. Nangona kunjalo, ngokugcina inani leminyaka liphantsi kangangoko, urhulumente angabonelela ngemfundu eyongezelekileyo yomgangatho ongcono kubantu abongezelekileyo.

**Umthombo:** Amaphondo akanankho ukufaka ekhompyutheni le PM ngoku kuba imithombo yovimba wolwazi ayifumaneki.

► **PM005: I-avareji yelona banga liphezulu elifunyanwa ngabadala kwinani labantu**

Elona xabiso liphezulu linokuba khona kwesi silinganisi somsebenzi ngu 12. Le iya kuba yimeko ukuba bonke abadala kwinani labantu baligqibile iBanga 12. Njengoko uluntu lwethu luya lufunda ngamandla, ixabiso lesi silinganisi somsebenzi kufuneka lenyuke. Kufuneka silindele unyuko olungakhawuleziyo, kuba kuthabatha iminyaka emininzi yokufunda ne-ABET ukutshintsha onke amanqanaba emfundu kulo lonke uluntu lwabada.

**Umthombo:** Kwiminyaka ekungabalwa bantu, uvimba wolwazi wenani eliphezulu nenani elisezantsi usekelezelwe kwisampulu yovimba wolwazi ophuma kuphando lweentsapho olwenziwe nguStatsSA.

► **PM006: Umyinge wokufunda nokubhala wabada**

Le yipesenti yabadala abakwaziyo ukufunda nokubhala, ubuncinane kwinqanaba lesiseko. UMgaqo-siseko wethu usiqinisekisa ilungelo lemfundo esisiseko kubobe bobe abantu abadala abakuvinjwayo oku ngaphambili. Ngezizathu zamalungelo oluntu, kodwa kwanangezizathu zophuhliso lwezoqoqosho, esi sisilinganisi somsebenzi esibalulekileyo kurhulumente wethu. Injongo yethu kufuneka ibe li-100% lomyinge wokukwazi ukufunda nokubhala kwabada.

**Umthombo:** Kwiminyaka ekungabalwa bantu kuyo, uvimba wolwazi usekelezelwe kwisampulu ephuma kuphando lweentsapho lweStatsSA okanye intelekelelo yenani labantu bebonke njengoko kubonelelwe yi-DOE.

► **PM101: Ipesenti yezikolo eziqalisa iNkqubo yoLawulo lweZikolo**

iNkqubo yoLawulo lweZikolo (SAMS) iyiliwe kuzwelonke kwaye yinkqubo efakwe kwikhompyutha evumela izikolo ukuba ziquszele kwaye zisebenzise ulwazi lwabafundi, olwesitafu, olwezibonelelo nolwezemali ngokusebenzayo. Ngokuya libalikhulu inani lezikolo ne-SAMS, kungona kuba ngcono ngeenkonzo esizilindele ezikolweni.

**Umthombo:** Zonke izikolo azinayo i-SAMS ekhoyo, kodwa zonke izikolo zine-CEMIS ekhoyo kuzo. I-WCED ifumene uphunyezo kwi-DoE ukupuhhlisa ikhonkco phakathi kwe-CEMIS ne-SAMS. Ngoncedo lukaCel, inkonzo yomhlalutyi yafunyanwa ukuze iqalise ngomiliselo lwekhonkco phakathi kwe-CEMIS ne-SAMS. Inqanaba lohlalutyo lwenkqubo laggitywa kwikota yokuala ka-2007, njengokuba uphuhliso lokuhlanganisa luza kuba sendeleni ekupheleni konyaka wokufunda ka-2007. Olu phuhliso luza kuvumela ukuhlanganisa kwe-SAMS ne-CEMIS.

► **PM102: Ipesenti yezikolo ezinokuqhagamshelwa nge-imeyile lisebe**

I-imyile inceda izikolo ekughagamsheleni iSebe msinyane xa kukho ingxaki iSebe ekufunena liyihoye. Olu hlobo lonxibelelwano lukwavumela iSebe ukuba linxibelelane kakuhle nangendaleko encinane ukudlulisa umyalezo wokutshintsha komgaqo-nkqubo, iiprowujekthi eziqhabayu nezigidimi ngokubanzi. Yinjongo karhulumente ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zinonxibelelwano luka-e.

**Umthombo:** I-ASS ibonelela ngolwazi ngenani lezikolo ezisebenzisa i-imeyile ngeenjongo zolawulo.

► **PM103: Ipesenti yamakhosikazi amanyama kwizikhundla zolawulo**

Le yipesenti yamakhosikazi amanyama akwizikhundla zolawulo. Nangona ulungelelaniso kwezengqesho luquka iqela lemiba, amakhosikazi amanyama akwizikhundla zolawulo yinkqubela ebaluleke kakhulu leyo eya kulungelelaniso kwezengqesho kuMasebe ezeMfundu ePhondo.

**Umthombo:** PERSAL

► **PM104: Ipesenti yenkcitho yangoku eya kwizinto ezingezizo ezabasebenzi**

Le yipesenti yenkcithomali yezemfundo, ngaphandle kwenkcithomali kwixhobo zokusebenza eziphathetkayo (Non Personnel Non Capital), eya kwizinto ezingezizo ezabasebenzi ezifana neencwadi zokufunda, iincwadi zokubhala nothutho lwabafundi.

**Umthombo:** lingxelo zohlahlo lwabiwomali zephondo neengxelo zonyaka

► **PM201: Ipesenti yeentsuku zabafundi ezenziwa yinkqubo yesondlo**

Eli linani lezidlo zasemini ezibonelelwa ezikolweni, ngenqubo yesondlo karhulumente, elahlulwe ngeentsuku zomfundu enyakeni (usuku lomfundu kukuza komfundu esikolweni ngosuku olunye). Le pesenti iyenyuka xa inkqubo yesondlo ibonelela abafundi abongezelelekileyo, okanye umfundu ngamnye efumana izidlo zesmini ezongezelelekileyo ngonyaka omnye. Elona nani liphezulu lisenokuba khona ngu-100%. Singalindela ukuba le pesenti ibe ngaphezulu kulo maphondo anawona manqanaba ohlupheko makhulu kakhulu.

**Umthombo:** IASS inombuzo ngenani labafundi abafumana inkxaso phantsi kwe-NSNP. Ngoku ayiqokeleli lwazi ngenani leentsuku le nkxaso ebonelelwa ngalo kwisikolo ngasinye kodwa eminye imithombo yovimba wolwazi wephondo isetyenziselwa oku.

Amanani esondlo sesikolo ayachazwa kwiitafle zamanani kwaye abonisa ukuba omabini inani labafundi abaxhamla kule nkqubo kananjalo ne-avareji yenani lesikolo le nkxaso yesondlo ebonelela ngayo.

► **PM202: Ipesenti yabafundi abakwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente abaneemfuno ezithile**

Le yipesenti yabafundi abakwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente abaneemfuno ezizodwa. Ngokwembali, abafundi abanjalo babeneengxaki ekufumaneni ukufikelela kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente, nangona kunjalo, ngokwembono yomgaqo-nkqubo karhulumente wemfundo equka wonke ubani, amanyathelo amakathathyathwe ukwenza ufilelelo ibe yinene kubafundi abakhubazekileyo.

**Umthombo:** Le PM kungokunje ayinakho ukufakwa kwikhomyutha kuba imithombo yovimba wolwazi echanekileyo ayifumaneki. Kucingeleka ukuba kwixa elizayo olu lwazi luza kufumaneka ngokusebenzisa amangenelo e-CEMIS aphuma ezikolweni.

► **PM203: Ipesenti yezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezinobonelelo lwamanzi**

Le yipesenti yezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezinohlobo oluthile lobonelelo lwamanzi acocekileyo. Ngezizathu zezempiro nezinye kabalulekile ukuba zonke izikolo kufuneka zibenofikelelo lwamanzi acocekileyo kumasangao azo.

**Umthomb:** Uvimba wolwazi we-ASS uyasebenza kulo nyaka kuthethwa ngaye.

► **PM204: Ipesenti yezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezinombane**

Le yipesenti yezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezinobonelelo lombane. Umbane yimfuno ebalulekileyo xa kungeniswa ubuchwepheshe bala maxesha obunokuphakamisa ulawulo, ukufundisa nokufunda ezikolweni.

**Umthombo:** Uvimba wolwazi we-ASS uyasebenza kulo nyaka kuthethwa ngaye.

► **PM205: Ipesenti yezikolo ezinenani lezindlu zangasese ezisebenzayo kakuhle**

Eli linani lezikolo ezinobuncinane izindlu zangasese ezisebenzayo kwigumbi lokufundela ngalinye. Ngezizathu zezempiro nezokuhanjwa kwsikolo, kabalulekile kwinkqubo yesikolo ukuya kwintsulungeko encinane kuzo zonke izikolo.

**Umthombo:** Itotali yenani lezindlu zangasese neendawo zokuchama kananjalo netotali yenani lezindlu zangasese ezingasebenziyo neendawo zokuchama ezifunyanwa kwicandelo lezindlu zangasese le-ASS. Itotali yenani lamagumbi okufundela asetyenziselwa ukufundisa okanye itotali yenani labafundi ngokwesikolo ngsinye ikwafunyanwa kwi-ASS.

► **PM206: Inkcithomali kulondolozo njengexabiso lezixhobo zokusebenza zesikolo**

Kabalulekile ukuba izakhiwo ezikhoyo nezixhobo kwinkqubo yesikolo zilondolozwe kakuhle, ukuze zisebenze ngokupheleleleyo, kwaye ukufakwa kwezinye kungakuncinane. Umgaqo-nkqubo uthi inkcithomali yonyaka kulondolozo lwezibonelelo kufuneka ixabise ubuncinane i-1.5% yetotali yexabiso lezo zibonelelo.

**Umthombo:** Amanani enkcitho yolondolozo amiliselwa ngamasebe ezemali e-PEDs ngokomyinge we-SCOA nexabiso le-asethi ephambili lithathyathwa kwirejista (iirejista) yee-asethi efanelekileyo ebanjwe yi-PED okanye iSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu lePhondo.

► **PM207: Ipesenti yezikolo ezinabafundi abagaphezu kwama-40 kwigumbi lokufundela ngaliny**  
Le yipesenti yezikolo ezinomyinge womfundu/titshala ongaphezu kwama-40. Amagumbi okufundela amakhulu kakhulu ngokucacileyo akalunganga ekufundiseni nasekufundeni, kwaye injongo kukuthoba le pesenti iye ku-0%.

**Umthombo:** Amanani abafundi namanani ootitshala athatyathwa kwi-ASS.

► **PM208: Ipesenti yezikolo ezingezizo ezeCandelo 21 ezinazo zonke ii-LTSMs nezinye izixhobo ezifunekayo eziziswa ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo**  
Le yipesenti yezikolo ezixhomekeke kwiSebe ukuba lithenge iincwadi zokufunda nezinye ii-LTSMs, ezifumana zonke iimpahla ezizilindleyo ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo, ngelona xesha lisemva.

**Umthombo:** ULawulo loBonelelo ngeeNknzo lunolulwazi malunga nokuhaniswa kweencwadi zokufunda.

► **PM209: Ipesenti yezikolo ezikwimeko yeCandelo 21**  
Le yipesenti yezikolo ezinikwe uxanduva oluthile lolawulo, kuquka uxanduva lwezemali, ngokwemigaqo yecandelo 21 loMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika. (Oku akunanto yakwenza neenkampani zeCandelo 21.) Kubalulekile ukuba izikolo ezininzi ukuba zenziwe ziyilungele le meko yokuzilawula ukuze izikolo zikhawulelane kakuhle noxinzelelo lommandla.

**Umthombo:** ICandelo loLawulo loHlahlo lwabiwo-mali linolu lwazi.

► **PM210: Ipesenti yeentsuku zokusebenza ezilahlekileyo ngenxa yokungahambi isikolo ngootitshala kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente**  
Esi silinganisi somsebenzi sithabathela ingqwalasela nakuphi na ukungabikho kootitshala ezikolweni, ngaso nasiphi isizathu, apho bekungekho ititshala ebambeleyo. Ukuze izikolo ziqhuba ngokufanelekileyo, kubalulekile ukuba abafundi bangahlali ngaphandle kweetitshala. Injongo kufuneka ibe kukugcina esi silinganisi somsebenzi sibe phantsi kangangoko.

**Umthombo:** IPERSAL, nangona kunjalo, imithombo yowlazi olukhoyo ngokungabikho kootitshala ezikolweni ayichanekanga kuba IPERSAL ayiboneleli ngolwazi lokuba bangaphi ootitshala abebengekho esikolweni ngaphandle kwetitshala ebambeleyo esikolweni.

► **PM211: Ipesenti yeentsuku zabafundi ezilahleke ngenxa yokungabikho kwabafundi esikolweni kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente**  
Esi silinganisi somsebenzi siyafana no-PM210, kodwa siqwalasela abafundi endaweni yeetitshala. Nakuphina ukungabikho esikolweni komfundi kuza kuthatyathelwa ingqwalasela sesi silinganisi somsebenzi.

**Umthombo:** Isebe alikhange libe nazo iinkqubo zokusebenza ukubonelela ulwazi kwiintsuku zabafundi ezilahlekileyo ngenxa yokungabikho esikolweni. Inkqubo ngoku sele ibekiwe ukufumana olu lwazi ngamangenelo ekota asuka ezikolweni kwixa elizayo.

► **PM212: Umyinge wosebenzi wezona zikolo zinamathuba amancinane xa kuthelekiswa nezona zikolo zinamathuba amaninzi ngokubhekiselele kwiBanga 3**  
Le yi-avareji yezikoro zokufunda nezibalo zabafundi beBanga 3 kwezona zikolo zihluphekayo ngokunxulumene ne-avareji yabona bafundi bahlupheka kancinane, ivakaliswe njengetpesenti. Akubalulekanga kuphela ukuba kuhoywane ngqo nokwenziwa yinkqubo yobandlululo kwenkcitho engalinganiyo kubafundi. Kukwabalulekile ukuba kuqinisekiswe ukuba konke ukungalingani kwiziphumo zabafundi kuyacuthwa, ukuz eabafundi bafumane isiqalo eslingana ngakumbi ebomini.

**Umthombo:** Iziphumo zovavanyo lweBanga 3. Uvavanyo lwenziwa ngo-2006 kwaye lwenziwa kuphela qho kunya ka wesibini, ukutsho oko, uvavanyo olulandelayo lweBanga 3 luza kuqhutywa ngo-2008.

► **PM213: Umyinge wabaphindayo kuMabanga 1 ukuya ku 7**

Eli linani abafundi abaphinda ibanga abakulo ngoku kuMabanga 1 ukuya ku 7, lahlulwe ngabo bonke abafundi ababhalise kuMabanga 1 ukuya ku 7. Umyinge ophezulu wokuphinda uzindleko, kwaye uqhwalelisa ukufundisa nokufunda. Kubalulekile ukuba esi silinganisi somsebenzi sibe phantsi kangangoko.

**Umthombo:** I-WCED, ngokwembali, iqokelele ulwazi ngabaphindayo ngendlela efakte kuluhlu kwizikolo iinyanga ezintathu phambi kokuqala konyaka olandelayo wokufunda. Nangona kunjalo, uphicotho olwenziwe kwizikolo ezichongiwego lubonise ukuba olu lwazi alukhange lusoloko luchanekile. Inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi yaqaliswa ngo-2006 waza unyaka wesikolo ka-2006 wabonwa njongonyaka welinge ukuze kuhoywane neenhxaki zokuqalisa. Inkqubo ekhoyo yokuphakamisa yagqitywa ngempumeello ngo-2006 kananjalo nenkqubo ekhoyo kwikhompyutha yeSnap 2007. Kwingxelo elandelayo iSebe liza kukwazi ukunika ingxelo ngabo baphindayo kwiphondo kananjalo nabo bafundi baphuma phakathi kunya wa wokufunda ka-2007.

► **PM214: Ipesenti yabafundi kwiBanga 3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizibalo nokufunda nokubhala**

Esi silinganisi somsebenzi sisekelezelwe kuvimba wolwazi olunye njengaku-PM212. Sibonakalisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga 3 abathi, nge-avareji, bafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizibalo nokufunda nokubhala.

**Umthombo:** Iziphumo zovavanyo Iwephondo IweBanga 3. Uvavanyo Iwenziwa ngo-2006 kwaye Iwenziwa kuphela qho kunya wa wesibini, ukutsho oko, uvavanyo olulandelayo IweBanga 3 luza kuqhutywa ngo-2008.

► **PM215: Ipesenti yabafundi kkwiBanga 6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizibalo, ukufunda nokubhala nenzululwazi yezendalo**

Esi silinganisi somsebenzi slatha ipesenti yabo bonke abafundi beBanga 6 abathe, nge-avareji, bafumana iziphumo ezamkelekileyo kwizibalo, ukufunda nokubhala nenzululwazi yezendalo.

**Umthombo:** Iziphumo zovavanyo Iwephondo zeBanga 6. Uvavanyo Iwenziwa okokuggibela ngo-2005 kwaye Iwenziwa kuphela qho kunya wa wesibini, ukutsho oko, uvavanyo olulandelayo IweBanga 6 luza kuqhutywa ngo-2007.

► **PM216: Ipesenti yabafundi abangamtombazana abathabatha izibalo nenzululwazi kuMabanga 10 ukuya ku-12**

Le yipesenti yabafundi abangamtombazana ababhalise kwizibalo nenzululwazi kuMabanga 10, 11 nele 12. Ngokwembali, amantombazana ebemelwe kancinane kwezi zifundo, ngoko ke intathonxaxheba enyukileyo kuwo iza kuba sisalathisi esibalulekileyo sokuya kwelona nqanaba lizinze ngakumbi ngokwesini le-FET.

**Umthombo:** UPhando IoNyaka IweZikolo lunolwazi Iwenani labafundi abangamakhwenkwe nababhinqileyo abathabatha iZibalo neNzululwazi kuMabanga 10 – 12, kwaye lukwabonelela ngesalathiso setotali yenani labafundi kula mabanga.

► **PM217: Umyinge womsebenzi wezona zikolo ziphantse zibe zivinjwe amathuba xa kuthelekiswa nezo zinamathuba amaninzi ngokubhekiselele kumyinge wokuphumelela webanga 12**

Le yi-avareji yamanqaku eSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo abafundi beBanga 12 kwezona zikolo zihluphekayo enxulumene ne-avareji yabona bafundi bahlupheka kancinane, evakaliswe njengepesenti. Esi silinganisi somsebenzi siyafana no-PM209.

**Umthombo:** Uvimba wolwazi weeMviwo zeSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo.

► **PM218: Umyinge wabaphindayo kuMabanga 8 ukuya ku 12**

Oku kuyafana njengakwi-PM213, ngaphandle kokuba isilinganisi somsebenzi sijongene naMabanga 8 ukuya ku-12.

**Umthombo:** I-WCED, ngokwembali, iqokelele ulwazi ngabaphindayo ngendlela efakte kuluhlu kwizikolo iinyanga ezintathu phambi kokuqala konyaka olandelayo wokufunda. Nangona kunjalo, uphicotho olwenziwe kwizikolo ezichongiwego lubonise ukuba olu lwazi alukhange lusoloko luchanekile. Inkubo yokulanda umkhondo wabafundi yaqaliswa ngo-2006 waza unyaka wesikolo ka-2006 wabonwa njongonyaka welinge ukuze kuhoywane neenhxaki zokuqualisa. Inkubo ekhoyo yokuphakamisa yaggitywa ngempumeello ngo-2006 kananjalo nenqubo ekhoyo kwikhompyutha yeSnap 2007. Kwingxelo elandelayo iSebe liza kukwazi ukunika ingxelo ngabo baphindayo kwiphondo kananjalo nabo bafundi baphuma phakathi konyaka wokufunda ka-2007.

► **PM219: Umyinge wokupumelela kwiimviwo zeBanga 12**

Le yitolali yenani labaphumelela iSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo enyakeni, yahlulwa ngetotali yenani lababudala buli-18. Oku akufani noyinge wokuphunyelela kweMatriki. Esi silinganisi somsebenzi sithabathela ingqalelo izinto ezimbini. Okokuqala, sithabathela ingqalelo ukuba bangaphi abalulutsha abathabatha inxaxheba kwiimviwo. Okwesibini, sithabathela ingqalelo ukuba bangaphi abatsha ababhala iimviwo, baphinde baziphumelele.

**Umthombo:** Ingxelo yeemviwo zeSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo zonyaka ophelileyo. Abantu ababudala buli-18 iminyaka bamiliselwa kwiintelekelelo zabantu bebonke ezbonelelw yi-DOE.

► **PM220: Umyinge wokuphumelela kwiBanga 12 kwizibalo nenzululwazi**

Le yitolali yenani labafundi abaphumelela mhlawumbi iimviwo zeSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo zenzululwazi okanye izibalo enyakeni, lahlulwe ngetotali yenani lababudala buli-18. Njengomyinge uwonke wokuphumelela (jonga uPM219), esi silinganisi sibonelela ngengcinga yendlela inkubo yezemfundo ekhupha ngayo izipumo ezinxulumene nabantu bebonke.

**Umthombo:** Uvimba wolwazi weeMviwo zeSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo unolwazi malunga nenani labafundi abaphumelele iiMviwo zeSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo kwiNzululwazi okanye iZibalo okanye zombini. I-DOE ibonelela ngeentelekelelo zabantu bebonke ngenani lababudala buli-18 kwiPhondo.

► **PM221: Ipesenti yabafundi beBanga 9 abafumana izipumo ezamkelekileyo zemfundo kuzo zonke izifundo**

Esi silinganiso somsebenzi sibonisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga 9 abathi, nge-avareji, bafumane izipumo ezamkelekileyo zemfundo.

**Umthombo:** Izipumo zeBanga 9.

► **PM301: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali ezityelelwego ngeenjongo zohlolo**

Le yipesenti yezikolo ezizimeleyo ezifumana isibonelelo sikhulumente ezityelelwego ngeenjongo zolawulo lomgangatho liSebe apha enyakeni. Kubalukekile ukuba urhulumente ahlole umgangatho wezemfundo owenzeka kwizikolo ezizimeleyo, kwaye ngakumbi ezo zifumana izibonelelo zikhulumente, aze athabathe inyathelo apho imigangatho emincinane kungafikelelwa kuyo.

**Umthombo:** AMaziko oLawulo noPhuhliso lwezeMfundu.

► **PM401: Ipesenti yabantwana abaneemfuno ezizodwa ababudala bunyanzelisa ukuba bahambe isikolo abangabhaliswanga kumaziko emfundu**

Le yipesenti yabantwana abakhubazekileyo ababudala bunyanzelisa ukuba bahambe isikolo abangabhaliswanga kulo naliphi na izikomfundo. Kubalulekile ukuba urhulumente ukuba abonelele ngofikelelo olwaneleyo nolufanelekileyo kwizikolo ezizodwa neziqhelekileyo zikhulumente kwaba bafundi. Ngokwenene, esi silinganisi somsebenzi kufuneka sithwale ixabiso le-0%.

**Umthombo:** Imibuzo efanelekileyo kuPhando lweeNtsapho ngokuBanzi isetyenzisiwe.

► **PM501: Inani labafundi beekholeji ze-FET ngokunxulumene nolutsha kwiphondo**

Eli linani labafundi beekholeji ze-FET, babo bonke ubudala, lahlulwe ngolutsha olubudala be-16 ukuya kwi-18. Nangona abafundi abaninzi beekholeji ze-FET benokuba ngaphezulu kobudala be-18, esi siliganisi somsebenzi sibonelela ngomboniso oluncedo ngendlela entle iikholeji ze-FET ezifikelela ngayo kulutsha kwanabantu bebonke.

**Umthombo:** Kwiminyaka ekungabalwa bantu ngayo amanani abantu bebonke afunyanwa kolona Phando Iwangokutshanje IweeNtsapho ngokuBanzi okanye iintelekelelo zabantu bebonke njengoko kubonelelw yi-DOE. Ubalo ngokweentloko Iwe-FET lufumaneka kwiiKholeji ze-FET.

► **PM502: Ipesenti ybafundi abangamabhiinqa abakumacandelo obuchule**

Le yipesenti yabo bonke abafundi ababhinqileyo kwiikholeji ze-FET ababhalise kubunjinel namanye amacandelo ezobuchule. Ngokwembali, ubhaliso Iwamabhiinqa kula macandelo beluphantsi. Kwimidla yolungelelano ngokwesini, le meko kufuneka iphucuke.

**Umthombo:** Nangona iirekhodi zoBhaliso IweeKholeji kufuneka zibe nalo lonke ulwazi ukuze kubalwe le PM, akukho ndlela ngoku yokujongana noku zi-PEDs okanye i-DOE ukuqokelela olu Iwazi. Olu Iwazi kule PM kungokunje lufumaneka kwiiKholeji ze-FET.

► **PM503: Umyinge wempumelelo yeeholeji ze-FET**

Eli linani labafundi abaphumelela iimviwo zophela konyaka, lahlulwe ngetotali yenani Ibafund abangena kwinkqubo yeeholeji ze-FET ngenjongo yokuphumelela iimviwo.

**Umthombo:** Ukuqokelela olu Iwazi ngoku yinkqubo engelula, nto leyo eza kufuna ukuba zonke iikholeji ziqeleshwe ukuze ziyyalisekise. (Akukho luvivo lucocekileyo kanye ngonyaka Iwabo bonke abafundi oluza kubonelela ngesiseko eslilula sokwenza izibalo, kuba akukho namnye ugunyaziwe weemviwo – i-SETA nganye iimenfuno zayo zovavanyo Iweenkqubo zayo). Uvimba wolwazi wale PM kungokunje ufunyanwa kwiiKholeji ze-FET.

► **PM504: Ipesenti yabafundi ababekwe kwizifundo zoqelesh ngokusebenzia iikholeji ze-FET**

Aba ngabafundi abakwizifundo zoqelesh abafumana uqelesh Iwabo ngekholeji ye-FET, njengepesenti yabo bonke abafundi abakwizifudo zoqelesh kwiphondo. Esi siliganisi somsebenzi sibonisa indlela ezisebenza ngayo iikholeji ze-FET ekulobeni abafundi kwinkqubo yezfundo zoqelesh.

**Umthombo:** Ugcino Iweerekodi kumsebenzi wokufunda kwiiKholeji ze-FET ayiguwo ogqibeleyo, kuba iinkqubo ze-IT zezi kholeji azilingiselewanga ngokucacileyo olu hlobo longenelelo. Izifundo zoqelesh ayingomcimbi uphambili wekholeji ze-FET (ziyazihlawula ngokwazo). Iikholeji ziqhuba izifundo zoqelesh njengeeyunithi zomcimbi ozimeleyo, kuqeshwa isitafu (esolawulo, iitishala, iimanejala zeeprowujekthi, njl.njl). Ukuqaliswa kwe-FETMIS (inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi yeeholeji ze-FET) kuza kuthi kwixa elizayo kuncedise kubonelelo lolu Iwazi.

► **PM601: INani labafundi baka-ABET abanxulumene nabadala kwiphondo**

Eli linani labafundi ababhalise kumaziko karhulumente ka-ABET, lahlulwe ngetotali yenani labadala kwinani labantu bebonke. Le pesenti ibonelela ngombiniso wendlela oluxananaze ngayo ubonelelo lukarhulumente luka-ABET kwiphondo.

**Umthombo:** Kwiminyaka ekungabalwa bantu ngayo amanani abantu bebonke abadala afunyenwe kuphando IweeNtsapho ngokuBanzi alo nyaka kuthethwa ngaye okanye abantu bebonke aqikelela njengoko kubonelelw yi-DOE.

► **PM701: Ipesenti yabafundi abakwiBanga R elixhaswa ngezimali ngurhulumente**

Le yitolali yenani labafundi abakwiBanga R elixhaswa ngezimali ngurhulumente (kwizikolo zikarhulumente okanye amaziko oluntu), yahlulwe ngabo bonke abaminyaka mihlanu kubantu bebonke. Nangona ingeyonjongo karhulumente ukufikela kwi-100% ngokubhekiselele kwesi silinganisi somsebenzi (abanye abafundi bangalindeleka ukuba baye kumaziko abucala), umgaqo-nkqubo uthi ngo-2010 kufuneka ukuba sibe sifikelele kwelona nqanaba liphezulu, laphakathi kwama-80% nama-90%.

**Umthombo:** Nangona i-ASS ingathatyathwa njengomthombo wovimba wolwazi owaneleyo kwiBanga R elisekezelwelwe kwisikolo, ayikaquki iisayithi ezisekezelwelwe kuluntu. Nangona injongo kwiPhepha loGayozimvo 5 yayikukuba i-10% yabafundi okanye ngaphantsi ifakwe kwiisayithi ezisekezelwelwe kuluntu, umiliselo kumaphondo awohlukaneyo lukhokelele kwimeko apho uninzi lwabafundi ukakhulu lusebenzise iisayithi ezisekezelwelwe kuluntu. Amanani asuka kwi-ASS aza kuthi ke ngoko angachaneki ngolona hlobo.

Ufikelelo kwiisayithi zasezilalini nakwezona ndawo zisesemva luhleli lungumcelamngeni kwii-EMDCs. Oku kukwaqhawalelisa uqokelelo uvimba wolwazi ochanekileyo malunga neBanga R kuMaziko oLuntu kuba amaninzi kuwo akwiiNdawo zaMatyotyaombe, ezineedilesi ezingacacanga ukuze kuthunyelwe iifomu zophando. Ukuqinisekiswa kobudala kuzo zonke iisayithi kubalulekile ukuqinisekisa ukuchaneka kwamabango.

Nangona kukho imicelamngeni yemithombo yovimba wolwazi, i-GHS ngowona mthombo wovimba wolwazi ufanelekileyo ukuba usetyenziselwe inani elisezantsi lale PM.

## **IPHEPHA ELILANDULAYO**

Olu xwebhu, luxwebhu oluguqulweyo oluyikopi yoxwebhu lweKomiti yophicotho olwatyikitywa lwaza lwamkelwa, kwaye iKomiti yoPhicotho ehlanganisiweyo ayinakubekwa butyala xa kuthe kwafumaniseka ukuba akugulwanga ngokuchanekileyo xa bekuguqulwa.

ICANDELO 3 – INGXELO YEKOMITI YABAPHICOTHI-ZINCWADI

**INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO YORHULUMENTE WEPHONDO LENTSHONA KOLONI NGESEBE  
LEZEMFUNDO (IVOTI 5) YONYAKA-MALI OPHELE NGOMHLA WAMA 31 MATSHI 2007.**

## 1. Intshayelelo

IKomiti yoPhicotho inovuyo ukuthi thaca ingxelo yayo yalo nyaka-mali uchazwe ngentla uphele ngomhlwa wama 31 Matshi 2007.

## 2. Amalungu eKomiti yoPhicotho nokuHlala kwayo

- 2.1 IKomiti yoPhicotho inamalungu adweliswe ngezantsi apha. Kufuneka idibane ebuncinaneni ka 4 ngonyaka ngokweMiggaliselo yayo eyamkelwego ekubhekiselelwe kuyo. Kulo nyaka umiyo kubanjwe iindibano ezi 6.

## 2.2 Amalungu alo nyaka

## Inani leendibano ezichotshelwego

Mnu RG Nicholls (uSihlalo)	6
Gqr L Kathan	4
Mnu J January	3
Mnu R Lalu	5
Mnu M Joshua (Owonyulwe 01 Meyi 2006)	4

### 3. Umsebenzi weKomiti yoPhicotho

Ikomiti yoPhicotho inika ingxelo eyiqulunqileyo ngemisebenzi yayo equelethwe kwiSiqendu 38 (1)(a) soMthetho woLawulo IweZimali zoLuntu, 1999 (uMthetho 1 ka 1999) noMqathango kaVimba 3.1.13 njengoko kuyimfuneko.

IKomiti yoPhicotho ikwachaza nokuba ithabathele kuyo iMigqaliselo ekuBhekiselelw kuyo efanelekileyo nesesikweni njengesikhokelo sayo sekomiti yophicotho, iphethe imicimbi yayo ngokuthobela esi sikhokelo yaye yenze yonke imisebenzi yayo njengoko kuchaziwe kuso.

#### **4. Ukuggibeleta koLawulo IwaNgaphakathi**

Ngokokubona kwethu, ngokwengxelo ezifunyenwe kubaboneleli ngeenkonzo nolwazi olufunyenwe kwiintlanganiso zethu zekomiti yophicotho, imeko yolawulo Iwangaphakathi inobuthathaka obungamkelekanga yaye ifuna ukomelezwa ngokumandla kunya-mali ophela ngomhla wama 31 Matshi 2008. sikwaholelwa nokuba iziphumo zeengxelo eznikwe ngababoneleli ngeenkonzo zophicotho kufuneka zidale inguqu encumisayo. Igosa eliNika iNgxelo liseke iqela lokubeka esweni uphicotho laliyalela ukuba liginisekise ukuba kuthathwa amanyathelo afanelekileyo ukukhawulelana noko kufunyenwe kwiingxelo zababoneleli ngeenkonzo zophicotho.

Ukufezekiswa kwalo myalelo ungentla lelinye kumalinge anqabileyo empumelelo. Ukuphunyezwa kwalo myalelo kufuneka kube yeypona nto iphambili kunyaaka-mali wama 2007/8.

## **5. Uphioco Lwangaphakathi**

Njengoko kuchazwe kunyaka ophelileyo yiKomiti yoPhicotho, uphicotho alukhange luggibelele ngokwaneleyo ukudala inguqu encumisayo efunekayo ngokweziphumo zeengxelo zababoneleli ziiinkonzo zophicotho. Inkubo yophicotho Iwangaphakathi kufuneka iqwalaselwe ngokutsha ngeenjongo zokujinisekisa ukuba kubonelelwa ngomgangatho onguwo ukuhlangabezana nobuthathaka obalathiweyo nokwenza lula ulungiso oluyimfuneko.

Kuqulunqwe amaqalela enguqu nesicwangciso sophicotho Iwangaphakathi sika 2007/8 esinegalelo elilodwa leKomiti yoPhicotho nesebe ukulungiselela le nkqubo ukuba inikezele ngomgangatho onguwo ofunwayo.

Kwensiwa uHlaziyo loThelekelelo loMgangatho liZiko laBaphicothi baNgaphakathi (IIA), kumsebenzi woPhicotho IwaNgaphakathi wePhondo okwanceda neSebe lezeMfundu. IKomiti yoPhicotho ixelelwé ukuba umbono ovakaliswe yi IIA ibe ngowokuba umsebenzi woPhicotho IwaNgaphakathi uthobelá ngokuyinxalenyé kuhela iMigangatho ebekwe yi IIA.

## **6. Umgangatho wolawulo lonyaka neengxelo zenyanga / kota ezifakwe ngokwe PFMA noMthetho woLwabiwo IweNgeniso**

Ngokokubona kwethu kuLangatyezenwe neemfuno ze PFMA noMthetho woLwabiwo IweNgeniso ziingxelo zenyanga nezekota eziveliswe zanikezelwa kubathathi-nxaxheba.

Iziphumo zenkqubo yoBeko-sweni IwaPhakathi enyakeni kaVimba akukanikwa ngxelo ngazo kwikomiti yethu. Inkqubo enje ingavumela ngokugqibeleyo ikomiti ukuba ibeke esweni naluphi na utyeshelo olumandla olunokufumaneka.

UMphicothi-jikelele ufumene iqela leempazamo ezimalunga neemfuno zokubeka elubala kwiiNgxelo zoNyaka zeZimali ezingaphicothwanga. Le miba yayifanelwe kukubhaqwa licandelo loLawulo IweZimali Le miba yayifanelwe kukuba ibhaqiwe licandelo loLawulo IweZimali leSetyana loBalo ukulungiselela ulungiso phambi kokuba iiNgxelo zoNyaka zeZimali zifakwe ukuze ziphicothwe.

## **7. UBuchwepheshe boLwazi**

Ubuchwepheshe boLwazi iseyeyona nkalo ifuna ingqwalasela emandla. linkqubo ezintlantlo-ninzi jikelele nolawulo lwendlela yokusebenza zithathwa njengezingenakuthembeka nguMphicothi-jikelele weSizwe.

Kukwaxelwe kwiKomiti yoPhicotho ukuba ulawulo lwendlela zokusetyenzisa oluphathelele kwigalelo neziphumo zeekhompyutha alukho okanye aluggibelelanga, nto leyo ithetha ukuba ubuthathaka jikelele nobolawulo benza ezi nkalo zibe zezinowona mnngcipheko.

Obu buthathaka bubanga ulawulo lokusetyenzisa lungabingomthombo unokuthenjwa, ngokufanayo kwiinkqubo zophicotho nakubasebenzisi.

IKomiti yoPhicotho ifumene ingxelo yophicotho yangaphakathi engomsebenzi wePhondo we IT. Le ngxelo yalathe iqela leziphene ezibalulekileyo kwiinkqubo ze IT ezilawulwa yi Ce-l, nto leyo inefuthe nakweli Sebe. IKomiti yoPhicotho iqaphele ukuba obunye kubuthathaka obalathiweyo bumalunga neziseko ze IT eziphelelwe lixesha, iindlela zokuxhasa ezingafanelekanga, iqondo eliphezulu lezikhewu kubasebenzi kwi Ce-l nemiqobo yohlahlo-lwabiwo mali.

## **8. Ukuxatyiswa kweeNgxelo zeZimali**

IKomiti yoPhicotho:

- ihlole ngokutsha yaxoxa ngeengxelo zezimali eziphicothiweyo emazibandkanywe kwingxelo yonyaka ekuMphicothi-jikelele neGosa eliNika iNgxelo;
- ihlole ngokutsha incwadi eya yolawulo yoMphicothi-jikelele nempendulo yolawulo kuyo;
- ihlole ngokutsha uhlengahlengiso olumandla olubangwa luphicotho.

IKomiti yoPhicotho iyasingqina yaye isamkela isiggibo soMphicothi-jikelele ngeengxelo zonyaka zezimali ikwanembono yokuba iingxelo zonyaka zezimali eziphicothiweyo zamkelwe zize zifundwe kunye nengxelo yoMphicothi-jikelele.

## **Isiphele**

Njengoko kwakuggityiwe kunyaka ophelileyo, ulawulo olululo lorhwebo nolawulo olugqibeleleyo, ngokukodwa kwiinkalo zeekhompyutha nolawulo lomngcipheko maybe vezona zinto ziphambili zinikwa ingqwalasela ziphiciwe kunyaka-mali ophela ngo Matshi 2008.

*Rg nicholls*

**MNU RG NICHOLLS  
USIHLAO WEKOMITI YOPHICOTHO  
ISEBE LEZEMFUNDO ENTSHONA KOLONI  
UMHLA: 17 Septemba 2007**

## ICANDELO 4 – IINGXELO ZEZIMALI ZONYAKA

Iziqulatho	Iphepha
Ingxelo yeGosa locwangciso-zincwadi zemali .....	1
Ingxelo yoMphicothi-ncwadi zemali jikelele .....	7
Imigaqo-nkqubo yomcwangcisi-ncwadi zemali.....	14
Ingxelo yolwabiwo-mali .....	22
Amanqaku kwingxelo yolwabiwo-mali .....	32
Ingxelo yenqubo yosetyenziso lwemali .....	33
Ingxelo yobume bezimali.....	34
Ingxelo kutshintsho kwiiasethi zizonke.....	35
Ingxelo ngemali ezinkozo .....	36
Amanqaku ngeeNgxelo zeziMali zonyaka.....	37
Amanqaku abhengeziweyo ngengxelo zeziMali zonyaka..	47
Izihlomelo	
Isihlomelo 1A .....	53
Isihlomelo 1B .....	54
Isihlomelo 1C .....	55
Isihlomelo 1D .....	56
Isihlomelo 1E .....	57
Isihlomelo 1F .....	58
Isihlomelo 1G .....	59
Isihlomelo 2A .....	60
Isihlomelo 2B .....	61
Isihlomelo 3 .....	62
Isihlomelo 4 .....	63

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
VOTI 5**

**INGXELO YEGOSA ELINKA INKCAZA  
onyaka ophele ngowama-31 Matshi 2007**

**1. Uphotonongo jikelele Iwemicimbi yezimali**

Uvunyo nolwamkelo ngokusesikweni lwabo bonke abachaphazelekayo kwisiCwangciso soPhuhliso lwezakhono esibizwa ngokuba yiHuman Capital Development Strategy (HCDS), yenye yeentsika eziphambili zeSicwangciso zeKapa elihlumayo noluahlale indlela eyodwa yeSebe leMfundu lePhondo leNtshona koloni. Ulungelewaniso Iwemicimbi yonke yesebe lungaqinisa ngokuzingisileyo ngoku. Inkubo yohlengahlengiso Iwabasebenzi, engomnye wemicimbi eyeyona ingundoqo kolu lungelewaniso lwesebe oqinisekisa ufezekiso lwe-HCDS, Iwaqala kwesi sihlandlo siphantsi kophononongo sithetha nje. Oku kubonisa inyathelo elibalulekileyo elijolise ekuncediseni izikolo ekuboneleleni ngemfundu esemgangathweni.

Isebe liziphumeze ngokokuceba kwalo izicwangciso zalo ezingundoqo nebezijolise kwiindawo ezithile eziphambili. Ukunyuka kwengxowa-mali kwiinkalo ezizodwa ebezicetyiwe kuqinisekise ukuba isebe liziphumeza ngokwamkelekileyo ezo ndawo zithile ziphambili. Kambe, azikhange ziphele iingxaki ekuye kwafuneka ukuba lijamelene nazo isebe eli, ngxaki ezo ezifana noPhuhliso lwabasaqala isikolo nalapho, kumathuba athile, kungakhange kukhutshwe zithenda ngenxa yobutsha nobuntuntunu bemakethe le.

Isixa esikhulu sengxowa yalo isebe lisizuza kwizabelo, nesisabelo esisesona sikhulu apha ephondweni. Ngenxa yesakhono sokusebenzisa imali ngobunono, isebe laphumelela ukuzuza inkxaso-mali eyongezelewyo esisixa esizizidi ezingama-R65 ngexesha lolungelewaniso lweeziseko ezingundoqo. Kwanyanzeleka ukuba kwensiwe imigudu ukuqinisekisa ukuba iofigi kaNondyebo kaZwelonke iyayongeza imali engxoweni oko kunjengenxaleny yoMthetho wezolwabiwo-zimali zikarhulumente. Isebe lenza njengoko kufanelekile ukuyisebenzisa le mali ukuvula isikhewu seziseko ezingundoqo ebekufanele ukuba zimiselwe ngokufezekileyo.

Kunyaka-mali ka-2006/2007 inkcitho yesebe ibe ngaphantsi kangangezigidzili-R195. Umthamo omkhulu wesi sixa singasebenzanga ube ngenxa yemibandela yezemisebenzi engaqukunjelwanga ngokukazwelonke liBhunga lezoBudlelane laBasebenzi leMfundu (*Education Labour Relations Council*). Ngenxa yoku, kuye kwanyanzeleka ukuba kucelwe imvume kuSozimali kazwelonke yokuba esi sixa semali sisetyenziswe kunyaka-mali olandelayo. Inxalenye yale mali ingasebenzisekanga ngendlela eyayicetyiwe yayiyeyziseko zokusebenza nalapho iiBhodi zoLawulo-zikolo zazibandakanyeka elwakhiweni Iwamagumbi awongezelekileyo, iforam, njl. njl. ophethwe unyaka zingaggitywanga. Le mali ingasetyenziswanga iyonke ingumyinge oziipesenti ezi-2.7% kuhlahlo-Iwabiwo-mali olwalungelewaniswayo.

**Uweliso-mali**

Olu Iwabiwo-mali Iwezintlu ezingundoqo zale Voti zaye zamkelwa licandelo likaNondyebo lePhondo:

Ushenxiso Iwesixa-mali esi-R132,000 kwinkubo 7 isisiwa kwinkubo 3 ngenxa yokwanda kwamanani abafundi ezikolweni ezizimeleyo.

Ushenxiso Iwesixa-mali esingama-R2,234,000 kwiNkubo 2 isisiwa kwiNkubo 4 ngenxa yenqubo yofezekiso lonyuso-mivuzo yeenqununu zezikolo.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
VOTI 5**

**INGXELO YEGOSA ELINKA INKCAZA  
onyaka ophele ngowama-31 Matshi 2007**

Ushenxiso Iwesixa-mali esingangama-R838,000 kwiNkqubo 2 isisiwa kwiNkqubo 4 ngenxa yokunyuka kweerhafu zokusetyenziswa kwezithuthi zikarhulumente.

Ushenxiso Iwesixa-mali esizizigidi ezi- R4,606,000 kwiNkqubo 7 isisiwa kwiNkqubo 5 ukuze kuthengwe isakhiwo esitsha sokusetyenziswa njengekholeji yabucala yemfundo enableyeyo noqequesho (FET). Isakhiwo esi sixabise izigidi ezi-R5,800,000.

Ushenxiso Iwesixa esingangesigidi-R1,916,000 kwiNkqubo 7 isisiwa kwiNkqubo 5 luhamba ngolu hlobo: Isixa-mali esingangesigidi- R1,194,000 sokuxhasa inxalenye yesikhululo semfundo esi i-FET kune nesixa esingama-R722,000, sokuxhasa ezinye iikholeji zemfundo noqequesho olunableyo ukuvuselela inkqubo yokusebenza kwazo.

**Ingxelo ngenkqubo yosetyenziso-zimali**

Ingxelo ngenkqubo yosetyenziso-zimali izalwa zizinto eziliqela eziqhutywe kunyaka-mali ophethwe ngowama-31 Matshi 2007.

**Ingxelo yeGosa lelezimali**

Ingxelo yeGosa lelezimali elungiselelwne isiGqeba esilawulayo neNdlu yoWiso-mthetho yePhondo yeRiphabliki yoMzantsi Afrika.


Ushenxiso Iwesixa-mali esingangesigidi-R1,916,000 kwiNkqubo 7 esisiwa kwiNkqubo 5 luhamba ngolu hlobo: Isixa esingangesigidi-R1,194,000 sokuxhasa inxalenye yesikhululo semfundo esi i-FET kune nesixa esingama-R722,000, sokuxhasa ezinye iikholeji zemfundo noqequesho olunableyo ukuvuselela inkqubo yokusebenza kwazo.

**Ingxelo ngenkqubo yosetyenziso-zimali**

Ingxelo ngenkqubo yosetyenziso zimali izalwa zizinto eziliqela eziqhutywe kunyaka-mali ophethwe ngowama-31 Matshi 2007.

**Ulwahlulo Iwezixa-mali (Rm) ngokwenkqubo nganye**

1	Ezolawulo	293	4%
2	Imfundu yezikolo zikarhulumente zesiqhelo	5,793	81%
3	Inkxaso-mali yezikolo ezizimeleyo	34	0%
4	Imfundu yezikolo zikarhulumente ezizodwa	389	6%
5	Ilikholeji zemfundo enableyeyo noqequesho	271	4%
6	Imfundu yabadala noqequesho	24	0%
7	Uphuhliso Iwabasaqala isikolo	101	1%
8	linkonzo ezincedisayo nezayamene nazo	211	3%
		<b>7,116</b>	<b>100%</b>



Inkqubo 1 ibandakanya uLawulo Iwabasebenzi nezimali, abaphathi abaphezulu, iofisi yomphathiswa, uphuhliso Iwekharityhulamu, ubucukubhede bezekhompyutha, imfundu ngamajelo omoya, ulawulo Iwezakhiko kune nolawulo Iwezikolo ezineemfuno ezizodwa. Inkqubo 2 ukuya ku-7 zimele izibakala eziliqela ezahlukenyoy zamaziko ezemfundo yaye zithatha umyinge ongama-93 eepesenti enkcitho yeSebe lezemfundo lePhondo iNtshona Koloni iyonke. Ulawulo Iwezikolo nophuhliso Iwamaziko lubandakanyiwe kwiNkqubo 2. Inkqubo 8 ibandakanya ulawulo Iweemviwo, inkxaso-mali karhulumente enemiqathango (HIV/AIDS, ulawulo Iwezimali nophuhliso lomgangatho) kune neKapa eliHlumayo.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
VOTI 5**

**INGXELO YEGOSA ELINKA INKCAZA  
onyaka ophele ngowama-31 Matshi 2007**

**2. linkonzo ezibonelelwa lisebe**

2.1 Umgaqo-nkubo werhafu

Isebe liyazibonelela iinkonzo ezineerhafu ezithile ezimayela neemviwo ezimiselwe liSebe lezeMfundu likaZwelonke.

2.2 linkonzo ezifumaneka simahla

Isebe aliziboneleli simahla iinkonzo ebezinokuba nengeniso.

**3. Imiceli-mngeni elunqongophalo lwezakhono**

Nangona liziphumeza izicwangciso zalo ezininzi isebe, kambe ihlala ikho imiceli-mngeni elijamelana nayo nanjengokuba ubume besebe bungalungelelaniswanga ngokufanelekileyo ukuze likwazi ukumelana nayo ngokufezekileyo. Kambe ucwangciso-kutsha kwesebe kuthenjwa ukuba luza kuyisombulula le nxaki.

Mceli-mngeni wumbi olizinyo eliqaqambayo, Iivingco-zithuba ngabahlohlri abafanelekileyo bezibalo nenzululwazi ezikolweni. Ukukhawulelana nalo mceli-mngeni kwixa elizayo, isebe lizikhuphe lazithulula iibhasari.

Izikhundla ezingekavingwa kundlunkulu, ngakumbi kumacandelo ezifundo anjengalawo angolawulo lwezabasebenzi, ulawulo lwezinto ezithengwayo kune noqulunqo-zincwadi zemali, kungumba ohlala uwudla umzi lo. Kambe zikho iintshukumo zokulungisa oku ezibandakanya amanyathelo anjengoqeqesho lwabasezikhundleni kungokunje nophononongo-kutsha lwezikhundla, oko kuyinxalenye yesicwangciso sokulungiselela abasebenzi abasele bengaphakathi ukuze bangene ezikhundleni ezitsha.

**4. Usetyenziso luncedo-zimali**

Akukho luncedo ngazimali lukhe lwalufumana isebe ukongeza engxoweni yalo.

**5. Iziseko zorhwebo neziseko zoluntu**

Isebe alinayo nanye kwezi.

**6. Imibutho namaziko ahlawuliweyo**

Isebe linamaziko amalunga ne-1900 elihlala linotshintshiselwano nawo ngemali.

Xa kusenziswa intlawulo okanye utshintshiselwano oluthile ngemali kulandwela inkubo eyamkelekileyo emiselwe kwicandelo 38(i) yoMthetho wezoLawulo lwezimali zikarhulumente obizwa ngokuba yiPublic Financial Management Act (PFMA). Kumaxa amaninzi, kuye kudingke ukuba amaziko lawo angenise iingxelo-zimali eziphiphicothwe ngokusesikweni ngabaphicothi-zimali ukuqinisekisa ukuba bezilandela imimiselo nemiqathango.

**7. lindibaniselwano phakathi kukarhulumente namashishini azimeleyo (PPP)**

Kulo nyaka uphononongwayo akukho zindibaniselwano bezimiselwe.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
VOTI 5**

**INGXELO YEGOSA ELINKA INKCAZA  
onyaka ophele ngowama-31 Matshi 2007**

**8. Amalungiselelo olawulo olucikizekileyo**

Imimiselo yeofisi kaNondyebo yiyo eqqiba ngoseko lwenkqubo esekeleze ukuqwalasela umngcipheko kuphicotho-zincwadi zemali zangaphakathi. Le ndlela yokwenza ihambelana ncakasana nengxelo yesibini kaKing (II).

Inkqubo esekeleze ukuqwalasela umngcipheko idinga yonke imingcipheko engundoqo kodwa ingaphelelanga kwimibandela ejongene nokusebenza kune Neyocwangciso.

Umsebenzi wophicotho-zincwadi Iwangaphakathi wenziwa yiofisi kaNondyebo wePhondo encediswa yinkampani yangaphandle, iSihluma Sonke Consortium. Bekunye banikwe umsebenzi wokuhola umngcipheko konyaka-mali ka-2005/2006, ngeliax kupononongwa nalo ka-2006/2007.

Isebe linekomiti yophononongo zincwadi enamalungu azimeleyo, Sithethanje ikunyaka wayo wesithathu isezenza. Le komiti ihlangana njalo iqqlunge imibandela tafileni-nye nabajongene nezolawulo. Uphicotho zincwadi Iwangaphakathi luyinika iKomiti yoPhicotho zincwadi ngqo ingxelo yalo.

Isebe liseke iYuniti yoHlolo Iwemingcipheko, iRisk Assessment Unit, ngokuhambelana neemfuno zeofisi kaNoNdyebi. Omnye wemisebenzi yayo engundoqo kokusungula, imisele isicwangciso soMgaqo-nkqubo wemingcipheko (Risk Policy) sisebenzisana neofisi kaNondyebo wePhondo. Umgao-nkqubo wemingcipheko uza kuzala uMgaqo-nkqubo woHlolo Iwemingcipheko yobuqhetseba. Nangona ungekabikho lo mgaqonkqubo, isebe linaso isicwangciso sothintelo lobuqhetseba jikelele, phofu esingazi kwahluka ngokutheni naxa sele isicwangciso sohlolo Iwemingcipheko siqulunqwe sagqitywa.

Abaphathi abaphezulu kufuneka ukuba bagqibezele ze bangenise isibhengezo esichaza ukuba akukho ngquzulwano kwimicimbi yabo nyaka nonyaka. Onke amalungu ekomiti engenisa iithenda naba bonke abasebenzi abakwifosi ekhupha iithenda kufuneka ukuba bazichaze ukuba abanamda kwizinto zesebe. Isebe likwacele uncedo IweArhente yezoBuntlola yeSizwe ukuba iqinisekise ukuba bonke abaphathi ababandakanyekayo kumcimbi ololu hlolo bacocekile, ngokunjalo nabanye abasebenzi jikelele phofu.

**9. Imicimbi erhoxisiweyo/imicimbi eza kurhoxiswa**

Ayikho

**10. Imicimbi emitsha/ephakanyisiweyo**

Ayikho

**11. Ulawulo Iwezinto ezilixabiso**

Irejista yezinto ezilixabiso ilawulwa yimiqathango kaNoNdyebi weSizwe. Uqinisekiso losulungeko Iwezinto ezilixabiso zeSebe Iwensiwa ngumboneleli-nkonzo onobuchule wangaphandle ozimeleyo. Laphuma phambili iSebe ngoba kwafunyaniswa ukuba laziphumeza zonke iinkalo eziphambili elalisekeleze kuzo ngokuthiwe thaca kwinkqubo engeengengu kulawulo Iwezinto ezilixabiso ezibizwa ngokuba yiAsset Management Reforms.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
VOTI 5**

**INGXELO YEGOSA ELINKA INKCAZA  
onyaka ophele ngowama-31 Matshi 2007**

**12. Ugqithiselo Iwezimali zolawulo Iwangaphambili (*Mopping up*)**

Ulawulo IwePhondo leNtshona Koloni Iwafumana ilifa lamatyla amadala orhulumente wangaphambili awaqala phambi konyaka-mali ka-1994/1995. Ukunatyisa kwemisebenzi yeSebe lezemali (FMS Department 70) langaphambili lazala la matyla angaka angekahlawulwa ebandakanya inkcitho engagunyaziswanga ekufuneke ukuba isasazelwe kwamanye amasebe. Unondyebo wePhondo leNtshona Koloni kungokunje usezingxoxweni noNondyebo weSizwe ukuleqisa uqulunqo nopasiso lomthetho ofanelekileyo oza kubonelela ngemali ukucima amatyla ale nkcitho yayingagunyaziswanga nanjengokuba la matyla emadala enziwa ngexesha lolawulo Iwangaphambili IwePhondo leKoloni yaye ngoko kwakusekho neNdlu yaBameli newela phantsi kweofisi kaNondyebo weSizwe.

**13. Izigaba emva kosuku Iwengxelo esesikwensi**

Umthetho wezemali weakhawunti ebizwa ngokuba yiStores Requisition Account wavunywa wapasiswa yiKhabhinethi kulo nyaka-mali umiyo. Sisaphononongwa isixa-mali esizizigidi ezingama-R26 ekujongwe ukuba singajongana nokusombulula le ngxaki.

**14. Ulwazi ngenkubo yokusebenza**

Isicwangciso soonyaka-mali 2007/08 ukuya ku-2009/10 esivuniwego, sineenjongo ezinatyisiwego, sangeniswa kwiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo. Ulwazi Iwenkubo yokusebenza nophononongo Iwenziwa qho ngekota yaye kuhamba ngokwesicwangciso esimiselweyo.

Icandelo elijongene noqinisekiso lomgangatho elibizwa ngokuba yiDirectorate Quality Assurance lijongene nokuqinisekisa ubunyani bedatha engqinisiwego ukuhlola iinkqubo zokusebenza. Ezi nquleqhu zohlobo zinqanda konke okubandakanyekayo kwizenzo zobuqhetseba okanye zinceda ukuphawula kwangethuba konke okungafanelekanga noko kufanelekileyo kwingxelo yenqubo yokusebenza. Oku kubalulekile ukuze kuqinisekiswe ukuba inkqubo yokusebenza ingeniswe ngokuchanekileyo nangokupuheleleyo.

Kukho iinkqubo ezisebenzayo ezibizwa ngokuba yiCentral Education Management Information System (CEMIS) zokubonelela ngolwazi ngomfundu ngamnye, iPersal ukubonelela iinombolo zabasebenzi kunye ne-BAS ukunkika ingxelo yenkcitho.

**15. Izindululo ze SCOPA**

Ireferensi kwingxelo yangaphambili yomphicothi-zincwadi zemali nezindululo zeScopa	Umxholo	Ingxelo zokufunyanisiwego ziqaqhuba
Isindululo 1: Ingxelo yomphicothi-zincwadi 2004 Umhlathi 5.4(ii)	Inkcitho engagunyazwanga: Inkcitho yenqubo yokufunda 1991/92-R21.949 izigidi nenkcitho engaphezulu kwelindelekileyo yolawulo Iwangaphambili: iNdlu yaBameli 1995/96- R10.707 izigidi	Ikomi iphakamise ukuba i-WCED noNoNdyeo wePhondo baphinde bangenise iziphakamiso kuNondyebo weSizwe ukuleqisa lombandela.
Ingxelo yesine: SCOPA, Umhlathi 7.1	Utyalo-mali kwiziseko ezingundoqo zokusebenza	i-WCED yamkela iziphakamiso zekomiti ze ipumeze iinkqubo zokujongana nokusombulula namaxhala ekomiti.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
VOTI 5**

**INGXELO YEGOSA ELINIKA INKCAZA  
onyaka ophele ngowama-31 Matshi 2007**

Ireferensi kwingxelo yangaphambili yomphicothi-zincwadi zemali nezindululo zeScopa	Umxholo	Ingxelo zokufunyanisiweyo ziyaqhuba
Ingxelo yesine: SCOPA, Umhlathi 7.2	HIV/AIDS	I-WCED yamkela iziphakamiso zekomiti ze iphumeze iinkqubo zokujongana nokusombulula namaxhala ekomiti.
Ingxelo yesine:SCOPA, Umhlathi 9.2	Imilinganiselo yokusebenza	Amaxhala ekomiti aqatshelwe. I-WCED ithobela imiqathango kaNoNdyebo yendlela yokungenisa iingxelo yaye inenkqubo eyodwa yolawulo nophononongo lolwazi olungeniswayo nemigangatho elawulayo.
Ingxelo yesine:SCOPA, Umhlathi 9.3	Ulawulo lweeasethi	Iziphakamiso ziqtshelwe yaye i-WCED iqinisekise ukuba iziphakamiso ezo ziphunyeziwe.

**Ulwamkelo ngokusesikweni**

lingxelo zosetyenziso-zimali noNyaka ezandlalwe ukususela kwiphepha le-14 ukuya kwelama-63 zamkelwe ngokusesikweni liGosa locwangciso-zincwadi zemali.



**RB Swartz  
IGOSA ELINIKA INKCAZA  
UMHLA: 31 MEYI 2007**

## **IPHEPHA ELILANDULAYO**

Olu xwebhu lophicotho, luxwebhu oluguqulweyo oluyikopi yoxwebhu lophicotho olwatyikitywa lwaza lwamkelwa, kwaye I-Ofisi yo Mphicothi-Jikelele ayinakubekwa butyala xa kuthe kwafumaniseka ukuba akuguqulwanga ngokuchanekileyo xa bekuguqulwa.



AUDITOR-GENERAL

## INGXELO YOMPHICOTHI-NCWADI ZEMALI JIKELELE NGEENGXELO ZEZIMALI ZIKARHULUMENTE WEPHONDO LENTSHONA KOLONI KUNYE NENKQUBO YOKUSEBENZA KWEVOTI 5 YOLWABIWO-MALI-KWISEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI LONYAKA-MALI OPHELE NGOMHLA WAMA-31 MATSHI 2007

### INGXELO YEZIMALI

#### Intshayelelo

1. Ndiziphicothile iingxelo zezimali zeSebe lezeMfundu leNtshona Koloni (WCED) ezibandakanya ingxelo ngobume bezimali ukuza kuthi ga kumhla wama-31 Matshi ka2007, ingxelo yolwabiwo-mali, ingxelo ngothintsho lweeasethi zizonke zonyaka-mali lo, ngokunjalo nengxelo eshwankathelweyo yemigaqo-nkqubo yophicotho-zimali ebalulekileyo namanye amanqaku akhaphayo aqulethe iingcaciso ezithile, njengoko zithiwe thaca kwiphepha le-14 ukuya kuthi ga kwelama-63.

#### Olu luxanduva Iwegosa lophicotho-zimali ngokuphathelene neengxelo zezimali

2. Igosa eliphicotha izimali linoxanduva lokulungisa nokuthi thaca ngaphambili ezi ngxelo lilandela imiqathango emiselwe yiofisi kaNondyebo weSizwe zandlalwe kumgaqo-nkqubo wophicotho-zimali 1.1 nangendlela engummiselo oqulethwe kuMthetho woLawulo lwezimali zikaRhulumente obizwa ngokuba yiPublic Finance Management Act, ka-1999 (Act Nomb.1 ka 1999) (PFMA). Olu xanduva luquka oku kulandelayo:
  - Udzayino, uphunyezo nolondolozo lwezinto ngaphakathi oludingeka kulungiso nothiwo thaca lweengxelo zezimali ezingaphekwa yaye nokuba oko kunokuba kwenzeke ngempazamo akwamkelekile.
  - Ukhetho nosetyenziso lwemigaqo-nkqubo efanelekileyo yophicotho-zincwadi-zemali
  - Uqikelelo olufanelekileyo ngokweemeko.

#### Okuluxanduva IweGosa-jikelele lophicotho-ncwadi-zemali

3. Ngokweemfuno zecandelo 188 zoMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika ka-1996 ngokunxamnye necandelo 4 loMthetho wezoPhicotho-zincwadi-zemali zikaRhulumente obizwa ngokuba yi Public Audit Act ka-2004 (Act Nomb.25 ka-2004) kunye necandelo 40(2) le-PFMA, uxanduva lwam kukuvakalisa ulovo ngezi ngxelo zezimali ngokophicotho lwam.
4. Uphicotho lwam ndiluqhube ngokwemigangatho emiselweyo yehlabathi yophicotho-zincwadi-zemali *phantis kwesaziso-jikelele*, *iGeneral Notice 647 ka2007*, esabhengezwa *kwiGazethi* kaRhulumente Nomb.29919 kaMeyi 25 2007. Loo migangatho ifuna ukuba ndilandele iimfuno nemiqathango yobunyulu yaye ndicebe ndakugqiba ndiphumeze uphicotho ukuze ndifumane ingqiniseko yokuba ingaba iingxelo ezi zezimali aziphekewanga na.
5. Uphicotho-zincwadi zemali lubandakanya iinkqubo ezithile zokusebenza ezenza ukuba ufumane ubungqina beemali eziisetenzisiweyo nezixeliweyo kwiingxelo zezimali. linkqubo ezo zokuphicotha zixhomekeka kumphicothi-ncwadi zemali, oko kudibene nokuhlolwa kwemingcipheko malunga nophoko lweencwadi neengxelo, ngobuqhetseba okanye nokuba kungempazamo. Ekuhloleni loo mingcipheko, umphicothi-zincwadi zemali yena uphonononga ingxelo yangaphakathi elungiselela ukudizayina iinkqubo ezifanelekileyo kwiimeko ezivelayo, kodwa kungabi ngasizathu sakunika luvo ngenkqubo yokuqulunqa iingxelo yangaphakathi.

6. Uphicotho-zincwadi zemali luquka uphononongo loku kulandelayo:
  - Ufaneleko lwemigaqo-nkqubo yocwangciso-zincwadi esetyenziswayo
  - Ufaneleko loqikelelo olwenziwa ngabaphathi
  - Unikezelo lweengxelo zezimali lulonke.
7. Ndiyakhola ukuba ubungqina endibufumeneyo banele yaye bundinike isiseko sophicotho Iwam ngokufanelekileyo.

#### **Isiseko socwangciso-zincwadi zemali**

8. Umgaqo-nkqubo wesebe uthi makulungiswe iingxelo zezimali ngokuqulunqwe yiofisi kaNoNdyeo weSizwe njengoko zibekiwe kwisaziso somgaqo-nkqubo 1.1 seengxelo zezimali.
9. ligaranti zemali-mboleko yezindlu

Isebe belingenazo iinkqubo ezimiselweyo zocwangciso nezolawulo unyaka lo ukuqinisekisa ubukho beegaranti nokunyaniseka kweemali-mboleko zezindlu. Ngomhla we-19 kujanyuari 2007 isebe lathumela iincwadi zegaranti ezingaphezulu kweminyaka emihlanu(5) emazikweni abolekisa ngemali achaphazelekayo zaza eziseleyo zathunyelwa ngomhla wesixhenxe (7) kuJuni 2007. Le nkqubo yadala ukuba ezinye iigaranti zilungelelaniswe zisusela kwisixa esizizigidi ezili-R100 ukuhla ziye kwezingama-R65 kwiingxelo zezimali. Nanjengokuba uninzi lweegaranti Iwaqinisekiswa kuphela ukususela kumhla wesixhenxe (7) kuJuni 2007 ukuya phambili ngamaziko ezimali achaphazelekayo, esi sixa sehle kakhulu saya kuthi xhaxhe kwizigidi ezingama-R25 embindini ka-Agasti 2007 yaye zisekho nezinye iimali eziza kukhululwa ngokwenkqubo le. Nangona uninzi lwezi mali zikhululwayo emva konyaka-mali zixhomekeke kumhla eqinisekise ngawo igaranti ibhanki, isampulu yezinye ikhombisa ukuba kwezinye iimeko iigaranti zakhutshwa phambi okanye zazingaphunyezwanga ngomhla wama-31 Matshi 2007, ngoko ke iigaranti zemali-mboleko yezindlu zinikwe imali engasekelwanga ntweni.

#### **Uluvo oluqinisekisiweyo**

10. Ngokoluvo Iwam, ngaphandle kfefuthe lombandela ochazwe kumhlathi ochazwe njengowoluvo oluqinisekisiweyo, iingxelo zezimali noko zibonisa imeko ecacileyo, kuzo zonke izibakala, zosetyenziso lwemali ngokutyhilekileyo kweSebe lezeMfundu leNtshona Koloni kumhla wama-31 Matshi 2007 ngokuhambelanayo nemimiselo nemiqathango yocwangciso-zincwadi zemali ezamiselwa nguNondyebo weSizwe nangokuthiwe thaca kwisaziso 1.1 nangokumiselwe nguMthetho i-PFMA.

#### **Ubethelelo lwemiba**

Manditsale umdra wenu ndiwujongise kule miba ilandelayo:

#### **Umfa ophambili ochaphazel a iingxelo zezimali**

11. Utthelekiso

Uphicotho-zincwadi zemali zonyaka-mali odlulileyo zalandulwa ngenxa yokuba imida yesikowuphu sokusebenza yayinyiniwe yaza ayabi nakusonjululwa loo nto. Alwenziwanga utthelekiso olufanelekileyo lweengxelo zezimali Iwalo nyaka-mali. Olo lonyaka-mali odlulileyo olwalandulwayo lubandakanya imbuyekizo yabasebenzi, ukongezwa kweeadethi eziqingqiweyo, amalungiselelo amatyalala angahlawulekiyo, iziqinisekiso, iigaranti zemali-mboleko yezindlu kunye nezinye iindleko.

## **IMIBA ENGEMINYE**

Mandijolise umdra wenu kule miba ilandelayo isecalen i kuleyo ikuxanduva lwam kuphicotho-zincwadi zeengxelo zezimali:

### **Ukungathobel umthetho ofanelekileyo**

#### **12. lintlawulo**

Kwasibozo amaziko abandakanywe kwisampulu yophicotho-zincwadi zemali, akukho siqinisekiso sibhaliwego sakuba ezo zinto zihlawulelwego zenze utshintsho kufezekiso, ucikideko nobunyulu bolawulo lwezimali ngokunjalo nemicimbi yolawulo ngokwemimiselo yecandelo 38(1)(j) loMthetho i- PFMA.

### **Izilungiso ezibonakalayo ezenziwe kwiingxelo zezimali ebezifakelwe ukuze ziphicothwe**

#### **13. lingxelo zezimali ezamkelwe ligosa lobalo-mali njengoko bezingeniselwe ukuphicothwa ngomhla wama-31 Meyi 2007 zitshintshwe kakhulu ngenxa yezi mpazamo zibonwe ngoku beziphicothwa:**

- izibophelelo zezivumelwano zokulungisa ezixabisa ama-31 ezigid zerandi ebezingachazwanga kwingxelo echazayo, okubangele ukuba zingachazwa zonke izibophelelo.
- iziqinisekiso zemali-mboleko yezindlu ezikhutshiweyo okanye nezingekhoyo ezingama-35 ezigid zerandi zibandakanyiwe kwimali-ntsalela yangomhla wama-31 Matshi 2007, oku kubangele ukuba amanqakwana ongezelelwego okuchaza amatyala alaleliseweyo abaxe.

### **Ixabiso lemibandela yezemali**

#### **14. Isicwangciso sabasebenzi**

Isebe liyile isicwangciso sabasebenzi somnyaka-mali u-2006-07. Kodwa, olu yilo Iwesicwangciso sabasebenzi zange lide livunywe njengoko iSebe lezeNkonzo zoLuntu noLawulo zisigqibezele isikhokelo sesicwangciso sabasebenzi kuphela ngoSeptember 2006. Ilinge elibhalwe ngokutsha lesicwangciso sabaSebenzi neminye imigaqo-nkqubo efana naso zibonakalisa ukuba la manqanaba alinganiselwego ngokoMthetho weeNkonzo zikaRhulumente, 2001 (Icandelo III D) khange zichatshazelwe.:

- Ukuhlalutya umsantsa ukuhlola umahluko phakathi kwabantu abasebenzayo abakhoyo nabafunekayo.
- Izicwangciso-qhinga nezicwangciso zokulungiselela ukufikelela kwiinjongo ezimiselwego zenkqubo yokulungelelanisa.
- Iziphumo nezicwangciso-qhinga ngokweendleko ukulungisa umsantsa okhoyo phakathi kwabasebenzi abakhoyo nabafunekayo.
- Ukuvavanya iimfuno zoqeleshwa, inani elinokuqeshwa, izakhono nobuchule babasebenzi abakhoyo.

#### **15. Izithuba**

Uphando luqhutyiwe ukuqwalasela ukuba ingaba inani lezithuba ezikhoyo kwisebe likwizinga elamkelekileyo na leshilanu ekhulwini njengoko kumiselewe sisicwangciso-nkqubo sezeMali seSizwe samanyathelo asisiqhelo kulawulo lwezemali (isicwangciso-nkqubo sezeMali zeSizwe). Ngenxa yokungabikho kolwazi ukazeke ubungakanani bezithuba ezikhoyo zootitshala, uphando luqolise kubasebenzi beenkonzo zikarhulumente kuphela. Kuye kwaqinisekiswa ukuba ukusuka ngomhla wama-31 Matshi 2007 izithuba ezikhoyo kwisebe li-12%, inani elo lingaphezulu kwisihlanu ekhulwini esimiselwego. Kukhona ukulibaliziseka phakathi komhla esivela ngawo isithuba kunye nokupapashwa kweso sithuba. Ukuhluzwa kwabafake izicelo nokude kuqeshwe emva kokuba usuku lokufaka izicelo lugqithile nako kwakungaggitywa ngexesha.

Kuye kwakhona kwaqinisekiswa ukuba ama-886 (79%) e-1 123 yezithuba ezingenamntu zihleli zingenamntu isithuba esingaphezulu kweenyanga ezintathu esasimiselwe njengexesha elamkelekileyo kwisicwangciso sesebe lezemali lesizwe. Isithuba esingenamntu sihlala iinyanga ezingama-27 xa sithelekiswa.

16. Umgangatho wemfundo namava ootitshala

Isebe alinalo uluhlu lweenkcukacha-lwazi olunezakhono, ubuchule, amava, emfundo ephunyelelweyo noqequesho. Oku kube neziphumo ezibi kwisebe ukuba likwazi ukuhlalutya ootitshala abafunekayo nabakhoyo kunye nokuvavanya izidingo kuqequesho, izakhono nobuchule.

Laqhutywa uphando ngomgangatho wemfundo namava ootitshala abaqueshe yi-WCED nabafundisa kwizikolo zamabanga aphakamileyo kummandla wokufunda iMathematika nezeNzululwazi kwibanga 12. Injongo yolu phando yayikukubona ukuba kuhkona na ukuhambelana phakathi komgangatho wemfundo namava ootitshala abaqueshiwego kunye nomgangatho wemfundo ebantwaneni njengoko kubonakala kwizinga lokuphemelela iimviwo zika-2006 zebanga 12 kubafundi.

Ipesenti yootitshala abangenamfundu yasesikolweni okanye eyodwa ibiphezulu kwizikolo esinamazinga okuphumelela aphantsi kunevezikolo ezibe neziphumo ezihle kwiimviwo zebanga 12 kwiMathematika nezeNzululwazi ngo-2006.

17. Izixhobo ezinge-HIV/AIDS zokuncedisa abafundi nootitshala ezigqithisileyo ezithengwe ngonyaka-mali 2005-06.

Kwingxelo yethu yophicotho-zincwadi kuvakale ukuba unyaka-mali 2005-06 isebe li-odole ii-LTSM ze-HIV/AIDS ezigqithisileyo ngo-2006 kwaye nokuba izikhokelo zikatitshala zamabanga elokuqala ukuya kwelesixhenxe ezingama-152 591, eziqikelewa ukuba zixabise ama-872 821 zazisekhona, ngokwengxelo yenyaga ka-Apreli 2006 yeziko lokwaba izixhobo eliseValkenberg. Ngokwengxelo yenyaga ka-Apreli 2007, izikhokelo zikititshala ezingama-142 882 ezixabisa ama-R834 443 zazishiyekileyo ekupheleni kuka-Apreli 2007.

Ngokwengxelo yesebe ngomhla we-15 Juni 2007 babexakekile behambisa izikhokelo zikatitshala ezingama-28 000 kwiSebe lezeMfundu laseFrexitatha. Uninzi Iwezikokelo zikatitshala ziza kushiyeka kwiziko lokuhamisa izixhobo eliseValkenberg, oku kuqikelewa ukuba kuyimali efikelela kuma-R674 385 (izikhokela zikatitshala ezingama-117 882 ezixabisa i-R5 72 sisinye) ethathwa njengenkitho engenankatho nelahliwego ngokomhlathi 38(1)(ii) no-(g) we-PFMA.

18. Uqequesho nge-HIV/Aids lootitshala bezikolo zamabanga aphakamileyo

Isebe alifikelelanga kobe lizimisele kuko ngokuqequesha ootitshala ngonyaka-mali u-2006-07 njengoko kucacisiwe kwisiCwangciso seNkqubo se-HIV/Aids sika-2006-07. Nangona isebe belizimisele ukuqequesha ootitshala beziFundu ngezoBomi bamabanga esibhozo nelesithoba abangama-500, ngootitshala abali-104 (21%) kuphela abaqueshiwego. Ngaphezu koko, bekumiselwe ukuba ootitshala abangama-400 bamabanga 10 nele-11 beziFundu ngezoBomi baza kuqequesha kodwa isebe likwazi ukuqequesha ootitshala abangama-360 (90%) kuphela. Amanani abemiselwe ootitshala bamabanga aphakamileyo ababeza kuqequesha nge-HIV/Aids khange kufikelelw kuwo ngenxa yoqequesho olufunwayo ngokwekharityhulam yesizwe ekhetha uqequesho lootitshala nge-HIV/Aids. Okunye kukuba umgaqo-nkqubo wesebe awubavumeli ootitshala ukuba baye kuqequesho ngexesha lesikolo.

19. Uqequesho ngonakekelo nokuxhasa

Inkqubo ye-HIV/Aids yokunakekela nokuncedisa ibingekasebenzi, nangona kwakuthiwe ngaphambili iza kuqualiswa kwikota yesithathu ka-2006. Isizathu sokulbaziseka ekuphunyezwensi kwenkqubo ye-HIV/Aids yokunakekelana nokuncedisana kukuba izixhobo zokuncedisa kuyo zazingekaggitywa.

Injongo yenqubo yokunakekela nokunceda kukwenza ukuba izikolo zibe lulutho kuluntu noluntu ngokunjalo, ukuze kuliwe iingxaki zesikolo nentlalo zizonke ukuqinisekisa ukuba kukho iinkonzo zoonontlalontle zokucebisa abafundi, nokuqaliswa kwamaqelisa okuxhasana esithili kunye namaqela asesikolweni okuncedisa ootitshala.

20. Ukulawulwa nokuvavanya inkqubo ye-HIV/Aids

Isebe zange lijoneg liqoqoshe ukusetyenziswa kwenkqubo ye-HIV/Aids kwizikolo ezikummandla we-West Coast/Winelands njengoko izikolo ezingamashumi amane ekhulwini zingazange zindwendwelwe ngabaququzeleli okanye abasebenzi abahamba-hambayo be-HIV/Aids nokuba kukanye ngonyaka ka-1996.

21. Ukuphucula iziseko zophuhliso

Kumhlathi 6.5.1(b)(iii) wengxelo yophicotho-zincwadi kwazisa ukuba izivumelwano ezibini zonikezeloo maxabiso, ithenda, zamaphulo eziseko zophuhliso zacinywa njengoko umnikazi wazo wayengenabasebenzi boneleleyo bokwenza ezi projekthi ngempumelelo. ISebe lemiSebenzi yoLuntu nezoThutho ngenyanga ka-Agasti 2005 liqikelele ukuba ilahleko ngokucinywa kwezi zivumelwano zibini ingafikelela kwi-12 lezigidi zerandi nokuba imali echanekileyo iyakwaziwa emva kokuba kuggityiwe ukubalwa kokugqibela kwezivumelwano zicinyiweyo kunye nezo zitsha seziyigqibile iprojekthi. Ezi projekthi zimbini zaggitywa. Kodwa, ngoJulayi 2007, bekungekaggitywa ukubalwa kokugqibela kwaye nelahleko iyonke ngenxa yokucinywa/rhoxiswa kwezivumelwano ibingekafumaneki.

**Ulawulo Iwangaphakathi**

22. Imeko yokulawula

Isebe zange lize neentsika eziphambili zemeko yolawulo ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemithetho nemigaqo. Oku kungqinwa yimiba eziswa ngaphambili yokungathotyelwa kwemithetho.

23. Imisebenzi yokulawula

Ifuthe lemisebenzi yokulawula kwisebe nokwinkqubo zokucacisa alonelanga. Oku kungqinwa yimiba eziswa ngaphambili yeziqinisekiso zemali-mboleko yezindlu, ukuzibophelela naxa kuthelekiswa.

**Ukulbaziseka ekuggityezelweni kophicotho-ncwadi**

24. Ngenxa yogwayimbo labasebenzi bakarhulumenye ngenyanga kaJuni 2007, uMphicothi-zincwadi Jikelele kuye kwanyanzeleka ukuba akulbazise ukugqibezela iingxelo zamasebe achaphezelekayo. Ngenxa yoko, inkqubo yokuphonononga ukujonga ukuhambelana kwiingxelo zophicotho-zincwadi nguMphicothi-zincwadi Jikelele iqhutywe kuphela emva komhla wama-31 Julayi 2007, oko kubangele ukulbaziseka kokugqityezelwa kophico-zincwadi zeli sebe zomnyaka-mali 2006-07.

**EMINYE IMISEBENZI YOKUNIKA IIINGXELO**

**Ukunika ingxelo ngolwazi Iwenkqubo**

25. Ndiluphicothile ulwazi Iwenkqubo njengoko kumiselwe kwiCandelo 2

**Umsebenzi wegosa lezobalo-mali**

26. Igosa lezobalo-mali linomthwalo owongezelekileyo njengoko kumiselwe kwicandelo 40(3)(a) le-PFMA ukuqinisekisa ukuba ingxelo yonyaka neengxelo-maphepha zezimali eziphicothiweyo zibonakalisa inkqubo ngokukuko ithelekiswa neenjongo ebezimiselwe kwangaphambili zesebe.

**Umsebenzi woMphicothi-zincwadi Jikelele**

27. Ndiwuqhube umsebenzi wam ngokwecandelo 13 loMthetho woPhicothi-zincwadi zikaRhulumente, 2004 (uMthetho uNombolo 25 ka-2004) ofundwa neSaziso Jikelele 646 si2007, esikhutshwe kwiGazethi kaRhulumente uNombolo 29919 yama-25 Meyi 2007.

28. Ngethuba ndiqhuba umsebenzi wam, ububandakanya ukwenza izinto ezibandakanya ukuphicotha incwadi ukuze ndifumane ubungqina buphicotho obuzeleyo ngolwazi lwenkqubo nezinye izinto, inkqubo neendlela ezifana noko. Inkqubo ezikhethiweyo zixhomekeka kwindlela umphicothi-zincwadi abona ngayo.
29. Ndikholelwa ukuba ubungqina endibufumeneyo buzele kwaye bufanelekileyo ukuze bundinike iziseko zezi ziphumo zicaciswe apha ngezantsi.

### **Iziphumo zophicotho-zincwadi**

#### **Ukungabikho kweenkqubo zokunika ulwazi ngenkqubo**

30. Khange sikhazi ukufumana ubungqina obuhluthisayo bophicotho-zincwadi ngokolwazi lwenkqubo ye-WCED ngenxa yokuba inkqubo esetyenziswayo ezifanelekileyo zokunika ulwazi ngeziphumo ezichongiwego ibingafanelekanga ukusetyenziselwa iinjongo zokuphonononga umsebenzi. linkcukacha zimi ngolu hlobo:

Kwisikali somgangatho womsebenzi PMS801, inani u-21 347 eliniwiyeo kwingxelo yonyaka ngolwazi lomgangatho womsebenzi alkwazanga ukuqinisekisa kuba inkcukacha-lwazi zisabangulwa iimpazamo ke ngoko amanani aza kulungisiswa kwilixa elizayo.

Kwisikali somgangatho womsebenzi PMS802, inani u-14 126 liphelela kuDisemva 2006 amanani aza kulunga-lungiswa angqinisiswe kwilixa elizayo.

#### **Ubungqina bokungahambelani okubonakalayo kulwazi olunikiweyo okanye ukungabikho kobungqina obaneleyo**

31. Le mpumelelo ilandelayo kwizikali zomgangatho womsebenzi khange ixhaswe ngamaxwebhu afanelekileyo ephuma kuwo.
  - PMS502, PMS503 no-PMS601: Akukho maxwebhu okuxhasa oku akhoyo.
  - PMS206: lindleko eziqikelelwayo ezili-R12 yezigidi ngezigidi yeziseko zophuhliswa ezinokusua khange zixhaswe ngobungqina.
32. Ubungqina obunikiweyo bokuxhasa ulwazi ngenkqubo olunikwe kwingxelo yonyaka bebungahambelani nobunikiweyo bolwazi lwenkqubo. linkcukacha zidweliswe apha ngezantsi:
  - PMS205: Kunikwe abaphicothi-zincwadi iitotali ezintathu ngenani lezikolo zizonke. Khange zikwazi ukuggiba ukuba yeyiphi itotali echanekileyo.
  - PMS203: Kukho umahluko kumanani ezikolo anikiweyo. Kukho inani elibiza ama-1 506 kubekho uluhlu oluthetha ngeezikolo ezingama-1 452. Akukho ngcaciso inikiweyo ngalo mahluko.
  - PMS501: Amaxwebhu obungqina anikezelwe iinjongo zophicotho-ncwadi awahambelani nendlela eyiyo ekuphutywe ngayo xa ithelekiswe nobekujoliswe kuko kwingxelo yonyaka. Engxelo eyiyo yenqubo xa ithelekiswe nobe kumiselwe ithetha ngokuba inani elililo labafundi ngama-53 695 ngoku lona ulwazi olunikiweyo lenani elililo labafundi ingama-56 350.

#### **Ukungabikho kweenjongo neziphumo zezikali zomgangatho womsebenzi ezichaiziweyo kwingxelo yonyaka**

33. Akukho zinjongo zimiselweyo kwisicwangciso senkqubo kwaye akukho ziphumo zinikiweyo kwingxelo yonyaka zezi zikali zomgangatho womsebenzi zilandelayo:

PMS004, PMS202, PMS211, PMS213, PMS218 kune no-PMS504

34. Akukho zinjongo zimiselweyo kwisicwangciso senkqubo sonyaka nakwingxelo yonyaka zezi ziphumo zizezona zilandelayo zezikali zomgangatho womsebenzi:

PMS003, KS206, PMS216 kunye no-PMS502

**Ingxelo yokunika ingxelo engangqinelaniyo phakathi kwenjongo neziphumo**

35. Ingxelo yokunika ingxelo yesikali somgangatho womsebenzi PMS212 ayingqinelani, njengokuba indlela yokunika ingxelo yesona siphumo yahlukile kwindlela yokunika ingxelo yenjongo. Injongo inikwe ngokwepesenti (62%) saze isiphumo sabonakaliswa ngamashumi (llitherasi: 0.174, Izibalo 0.375).

**UMBULELO**

36. Uncedo lwabasebenzi be-WCED ngethuba kusensiwa uphicotho-zincwadi lubulelwanda ngezandla zozibini.



J Diedericks omele uMphicothi-zincwadi Jikelele

**EKapa**

**31 Agasti 2007**

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
IVOTI 5**

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

Ingxelo zezimali zilungiselelw ngokwale migaoqo-nkqubo ilandelayo, esetyenzisweyo ngokungagungqyo kuyo yonke imibandela ebambekayo, apha ingasetyenziswanga khona ichaziwe. Nangona kunjalo, apha kufaneleke khona kwaye kuvakalayo, olunye ulwazi olongezelelwyo lisetyenzisiwe ukuphucula ukubaluleka kweNgxelo zeziMali kwaye nokuthobela imimiselo yezomthetho yoMthetho woLawulo-mali zikaRhulumente, uMthetho 1 ka-1999 (njengoko ulungisiwe nguMthetho 29 ka-1999), neMimiselo yeMali ekhutshwe ngokwemigaqo yoMthetho noMthetho weCandelo lezeNgeniso, uMthetho 2 ka-2006.

**1. Ukunikezelwa kweeNgxelo zezeMali**

**1.1. Isizathu zokuzilungisa**

LiNgxelo zeziMali zilungiswa ngokwemigaqo yobalo-mali yemali eseli ilungisiwe, ngaphandle kokuka kucaciswe ngenye indlela. Indlela yemali eseile ilungisiwe ibandakanya ubalo-mali lwemali eseli ilungisiwe incediswa zezinye izinto ezichaziweyo. Kwimali ebonakalayo kabalop-mali, ukhutshelo nezinye izinto ezenziwe zibonakala xa imali ifunyanwa okanye ihlawulwa.

**1.2 Imali esetyenzisisiweyo**

Zonke izixa zibhalwe ngeRandi yaseMzantsi Afrika ekwayimali esetyenziswa lisebe.

**1.4. Ukuzalisa**

Ngaphandle kokuba kucaciswe ngokumbi, onke amanani emali azalisiweyo aya kwiwaka leRandi elikufutshane (R'000).

**1.5 Amanani athelekiswayo**

Ulwazi Iwangaphambili oluthelekisayo lunkiweyo kwiingxelo zemali zalo nyaka. Apha kukho imfuneko khona amanani akhoyo kwiingxelo zemali zangaphambili ahlelw ngokutsha ukuqinisekisa ukuba indlela ayesetyenziswe ngayo ngaphambili iyahambelana nale ikwiingxelo zemali zalo nyaka.

**1.6 Amanani okuthelekisa – Ingxelo yoHlahlo-mali**

Umahluko phakathi kwesixa-mali esisiso kunye nohlahlo-mali olugqityiwego kwityala elikhulu ngalinye kwinkcitho elibandakanyiwego kwingxelo yohlahlo-mali.

**2. Ingeniso**

**2.1 Imali ezigunyazisiweyo zokuthenga**

Imali ezigunyazisiweyo zokuthenga neziqinisekisiweyo zongezwa kwiingxelo zezimali ngala mhla zigunyaziswa ngawo. Uhlenga-hlengiso kwimali ezigunyazisiweyo olwenziwa ngenqubo yokuhenga-hlengisa uhlahlo-lwabiwo mali lufakwa kwiingxelo zezimali ngala mhla uhlenga-hlengiso lwensiwe ngawo.

Imali ezigunyazisiweyo zizonke zifakwa kwingxelo yenqubo zezimali.

Imali ebezigunyazisiwe ezingasetyenziswanga zibuyiselwa kwiNgxowa yeNgeniso yePhondo. Izixa-mali ezibanja kwiNgxowa yeNgeniso lePhondo ziyabandakanya kwingxelo zemeke yezimala ukuphela konyaka-mali.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
IVOTI 5**

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

## **2.2 Ingeniso yesebe**

Yonke ingeniso yesebe ihlawulwa kwiNgxowa yeNgeniso yePhondo xa ifunyanwa, ngaphandle kokuba kucaciswe ngakumbi. Imali ezibanjwa iNgxowa yeNgeniso yePhondo ukuphela konyaka-mali zifakwa kwingxelo yezezimali. Iimali ezifunyenwe ngomhla wokunikwa kwengxelo ziyachazwa kumanqaku ongezeleleyo okwazisa kwingxelo zemali zonyaka.

### **2.2.1 Ingeniso yerhafu**

Ingeniso yerhafu ibandakanya zonke iimali ezinyanzelekileyo ezingacelwayo eziqokelewa lisebe ngokwemithetho okanye nomgaqo (zingabandakanya izohlwayo namanye amatyala afana nazo)

Ingeniso yerhafu ifakwa kwingxelo yezezimali xa ifunyanwa.

### **2.2.2 Ukuthengiswa kweempahla neenkonzo kunempahla ezingundoqo**

Ingeniso efunyanwa ngokuthengiswa kweempahla okanye neenkonzo ifakwa kwingxelo yezezimali xa imali ifunyanwa.

### **2.2.3 Izohlwayo namanye amatyalo afana nazo**

Izohlwayo namanye amatyala afana nanzo zimali ezinyanzelekileyo ezingacengwayo ezinyanzelisa yinkundla yamatyala okanye iqumrhu elingagqibelelaga lezomthetho ezikolelwya lisebe. Ingeniso esuka kwizohlwayo namatyala afana nazo ibalwa kwingxelo yezezimali ukufunyanwa kwemali.

### **2.2.4 Imali-nzala, inzala kune nengeniso kumhlaba oqeshisiweyo**

Imali-nzala, inzala kune nengeniso kumhlaba oqeshisiweyo ibalwa kwingxelo yezezimali ukufunyanwa kwemali.

### **2.2.5 Ukuthengiswa kweempahla ezingundoqo**

Ingeniso eyenziwe kwintengiso yeempahla ezingundoqo ibalwa kwingxelo yezezimali ukufunyanwa kwemali.

### **2.2.6 Intengiselwano yezezimali ngeempahla namatyala**

Intlawulo zeemali ebezibolekiwe nebezinikwe abasebenzi kwangaphambili namashishini karhulumente kulungiselelwya imibandela yezomgaqo-nkqubo zifakwa kwiingxelo zemali ukufunyanwa kwemali.

Itshekhi ebezikhutshwe kvisithuba sobalo-mali langaphambili eziphelelwayo phambi kokuba ziye kutshintshwa ebhankini zibalwa njengengeniso kwingxelo yezezimali xa itshekhi iphelelwya lixesha. Xa iphindza isenziwa itshekhi intlawula ithathwa kwiNgeniso.

Inuzo eyenziwe kunaniselwano lwangaphandle ibalwa njengengeniso.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
IVOTI 5**

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

**2.2.7 Iziphо, amalizo neenkhaso-mali (iimali ezikhutshelweyo ezifunyenweyo)**

Zonke iziphо eziyimali, amalizo neenkhaso-mali zibhatalwa kwiNgxowa yePhondo yeNgeniso zibhalwe njengengeniso kwingxelo yezimali xa zifunyanwa. Iimali ezifunyanwe ngomhla wokuniqa ingxelo ziyachazwa kumanqaku okukhumbuza kwiingxelo zezimali.

Zonke iintlobo zezipho, amalizo neenkhaso-mali ziyachazwa namaxabiso azo kwizihlomelo ezikwiingxelo zezimala.

**2.6 Uncedo-mali lwasekhaya nolwangaphandle**

Inkhaso ephuma apha ekhaya nangaphandle ifakwa njengengeniso xa isaziso sokuba soncedo esisuka kuVimba weSizwe sifikile okanye xa isebe lizifumanela imali ngqо kumxhasi (abaxhasi).

Yonke inkhaso yobubela evela ngaphakathi nangaphandle liyachawa ixabiso layo kwizihlomelo ezikwingxelo zezimali zonyaka.

Intlawulo eyimali eyenziwe kulo nyaka kweeprojekthi ezifumene inkhaso-mali ngaphakathi nangaphandle zibalwa njengenkitho kwingxelo zezimali. Ixabiso loncedo-mali esetyenziswe phambi kokuba uncedo-mali lifike libalwa njengemali efunyenweyo kwingxelo yezezimali.

Iimali ezisetyenziswe kakubi kuncedo-mali lwangaphakathi nolwangaphandle kwanye nayo yonke imali engasebenzanga zibalwa njengemali eziza kuhlawulwa kwingxelo yezezimali.

**3. Inkitho**

**3.1 Ukubuyekezwa kwamabasebenzi**

Imivuzo nemirholo zenza iintlawulo kubasebenzi. Imivuzo nemirholo zibalwa njengenkitho kwingxelo-mali xa intlawulo yayo yenziwe kwiincwadi (ungaggithanga umhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka). Imbuyekezo equka ezinye izinto iba yinxalenye yenkcitho kwiimpahla ezingundoqо kwingxelo-mali.

Zonke ezinye iintlawulo zibalwa njengenkitho yalo nyaka-mali.

Izibonelelo zobuntu zibandakanya intlawulo ehlawulwa ngumqeshi kwimibutho ye-inshorensi yabantu ehlawulela umqeshwa. Izibonelelo zabantu zibalwa njengenkitho kwingxelo zezimali xa intlawulo yenziwe ezincwadini.

**3.1.1 Izibonelelo zabasebenzi zexeshana**

Izibonelelo zabasebenzi zexeshana zinelungelo lokuthatha ikhefu (kubandakanya neentsuku zekhefu eziqingqiweyo), umvuzo wenyanga owongezelelwego, kunye nemali eyongezelelwego ngokwendlella oqhube ngayo. Lindleko zezibonelelo zabasebenzi zexeshana zibalwa njengemivuzo nemirholo kwingxelo-mali xa intlawulo leyo yenziqe ezincwadini (ungaggithanga umhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka).

Izibonelelo zabasebenzi zethutyana ezibangele uxanduva olusemthethweni okanye olubophelelayo ziyachazwa kumanqaku engcaciso kwingxelo zezimali. Ezi mali azibalwa kwingxelo zezimali.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
IVOTI 5**

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

**3.1.2 Izibonelelo zabasebenzi zexesha elide**

**3.1.2.1 Izibonelelo zaxa kuyekwe umsebenzi**

Izibonelelo zaxa kuyekwe umsebenzi ezifana nezimali zokuyeka umsebenzi zibalwa njengenkitho kwingxelo zezimali njengemali ekhutshelweyo (kumakhaya) xa intlawulo yensiwe ezincwadini (ungaggithanga umhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka)

**3.1.2.2 Izibonelelo zomhlala-phantsi**

Isebe linezibonelelo zomhlala-phantsi kwabanye abasebenzi balo eze ngesicwangciso esicacileyo sezibonelelo zabasebenzi bakarhulumente. Ezi zibonelelo zixhaswa ngemali ngumqeshi nomqeshwa. Imali ehlawulwa ngumqeshi kule ngxowa ibalwa xa imali ingenile engxoweni ezincwadini (ungaggithanga umhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka). Azibalwa izibonelelo zomhlala-phantsi kwingxelo-mali zesebe. Nawaphi na amatyala angakhona abalwa kwingxelo zezimali zeNgxowa yeNgeniso yeSebe hayi kwingxelo zezimali zesebe elingumqeshwa.

Isebe linezibonelelo zezonyando kwabanye abasebenzi balo. Intlawulo zomqeshi kwingxowa yempilo yomsebenzi zibalwa xa intlawula yensiwe kwingxowa yangena ezincwadini (phambi komhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka).

**3.2 Iimpahla neenkonzo**

Intlawulo zeempahla okanye neenkonzo zibalwa njengenkitho kwingxelo yezimali xa imali ihlawulwe ezincwadini (ungaggithanga umhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka). Inkitho ithathwa njengemali ukuba ukuba iimpahla neenkonzo bezisetyenziswe kwiiprojekthi zemali okanye impahla exabisa ama-R5 000 okanye ngaphezulu ithengiwe. Zonke iimpahla ezixabisa ngaphantsi kwama-R5 000 ziza kubekwa phantsi kweempahla neenkonzo.

**3.3. Imali-nzala noqeshiso ngomhlaba**

Imali-nzala neentlawilo zokuqeshisa zithathwa njengenkitho kwingxelo-mali xa imali ihlawulwe ezincwadini (ungaggithanga umhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka). Le mali ayibandakanyi imali yokuqeshiswa ukusetyenziswa kwasakhiwo okanye ezinye izinto ezisisigxina. Akululanga ukwahlula phakathi kwentlawulo yokusetyenziswa komhlaba nezinye izinto ezingenakususwa kuwo, sonke esi sixa sifakwa phantsi *kwempahla neenkonzo*.

**3.4 Ukhutsho-tsalo lwemali kwiimpahla namatyala**

Amatyala ayacinywa xa echazwe njengangenakuhlawuleka. Amatyala acinyiweyo axhomekeka kwimali egciniweyo okanye nengasetyenziswanga kwiimali ebeziguinizisiwe. Kucinywa amatyala xa kuphela unyaka okanye kukho imali ekhoyo. Akukho sibonelelo sikhoyo seemali ezingahlawlekanga kodwa ezi mali ziayachazwa kumanqaku enkazo eyongezelelweyo.

Imali ezilahlekileyo kurhwebo ngemali namazwe angaphandle zibalwa xa imali ihlawulwe.

Yonke enye ilahleko ibalwa xa kukhululwe ngabasemagunyen'i ukuba ibandakanywe.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
IVOTI 5**

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

**3.5 Inkcitho engagunyaziswanga**

Xa ibhaqiwe inkcitho engagunyaziswanga ibalwa njengempahla kwingxelo-mali ide ibe ivuniwe ngabasemagunyeni abafanelekileyo, okanye ifunynwe kulo mntu uchaphazelekayo okanye icinyiwe njengengenakuhlawuleka kwingxelo yezimali.

Inkcitho engagunyaziswanga evunyiweyo nemali yayo ibalwa kwingxelo yezimali xa inkcitho engagunyaziswanga ivuniwe kunye nemali yayo ifunyenwe. Kwiimeko apho le nkicitho ivuniwe imali ingekho ibalwa njengenkitho, kude kube kukho imali egciniweyo, kwingxelo yezimali ngomhla wokuvunywa kwayo.

**3.6 Inkcitho engananjongo neyilahleko**

Inkcitho engananjongo neyilahleko ibalwa njengempahla kwingxelo yezimali ide ibe iphinde yahlawulwa ngumntu ochaphazelekayo okanye icinyiwe njengengahlawulekiyo kwingxelo zemali.

**3.7 Inkcitho engekho mthethweni**

Inkcitho engekho mthetheni ibalwa njengenkitho kwingxelo zezimali. Ukuba inkcitho ayamkelelwanga ngabasemagunyeni abafanelekileyo ithathwa njengempahla ide ibe ihlawulwe okanye icinyiwe njengengenakuhlawuleka.

**3.8 Ukhutshelo nezibonelelo-mali**

Ukhutshelo nezibonelelo-mali zibalwa njengenkitho xa imali ihlawulwe ezincwadini (ungaggithanga umhla wama-31 Matshi nyaka nonyaka)

**3.9 Inkcitho kwiimpahla ezingundoqo**

Intlawulo kwiimpahla ezingundoqo zibalwa njengenkitho kwingxelo zezimali xa imali ihlawulwe ezincwadini (ungaggithanga umhla wama-31 Matsho nyaka nonyaka)

**4. Iimpahla**

**4.1 Imali kune nezinexabiso layo**

Imali kune nezinexabiso layo zifakwa kwingxelo yezimali ziza ku lawulwa.

Ukulungiselela ingxelo zemali ezinkozo ekhoyo, imali kune nezinexabiso layo zibandakanya imali ekhoyo, eziza ku lawulwa, nezinye izinto ezinexabiso zexeshana eziphela ngokukhawuleza kune namatyalala asebhankini.

**4.2 Intlawulo zangaphambili**

Imali ezi hlawulwe kwangaphambili zibalwa kwingxelo yezimali xa zi hlawulwa.

## ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI IVOTI 5

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

### **4.3 Iimali ezifunyanwayo**

Iimali ezifunyanwayo kwingxelo yezimali zisuka kwimali ehlawulwe ngesandla zisuka kwabanye abantu okanye imibutho.

Ingeniso ezakufunyanwa engekaqokelewa iyabalwa kumanqakwana ongezelelweyo okucacisa. Iimali ekukhangeleka ngathi azinakuhlawuleka ziyachazwa kumanqakwana ongezelelweyo okucacisa.

### **4.4 Utyalo-mali**

Iimali etyaliwego eyimali ibalwa njengendleko kwingxelo yezimali. Yonke imali engenayo efana nenzala efunyanwano okanye imali efunyenwe ngokuthengiswa kutyalo-mali ibalwa kwingxelo yezimali xa imali ifunyenwe.

Utyalo-mali luyavabanya kujongwa ilahleko yokungaqhube kakuhle nanini na iziganeko okanye utshintsho kwiimeko lubonisa ukuba lo mali ibityaliwe ayiqhubanga kakuhle. Yonke ilahleko eyenziwego ngenxa yokungaqhube kakuhle iyachazwa kumanqaku okucacisa ongezelelweyo.

### **4.5. Iimali-mboleko**

Iimali-mboleko zibalwa kwingxelo zezimali ngemali ezikhutshwe ziyiyo xa imali le ihlawulwa kumboleki-mali. Amatyala emali-mboleko aycancitshiswa xa imali zokuhlawula zifunyanwa kwakhono kobebolekile. Iimali ezikhangeleka njengezingenakuhlawulwa ziyachazwa kumanqaku okucacisa ongezelelweyo.

### **4.6 Uluhlu Iweempahla**

Iimpahla ezithengiweyo ngalo nyaka-mali zichazwa nendleko zazo kumanqakwana.

### **4.7 Iimpahla engundoqo**

Iimpahla engundoqo ibhalwa kwirisith njengemali nexabiso layo. Indleko yempahla ichazwa njengendleko zonke zokuyithenga. Apho iindleko zingenakuqinisekiswa ngokuchanekileyo, impahla engundoqo lingachazwa ixabiso layo lingabaxwa. Apho ixabiso elicigelwayo elingabaxwanga lingekuqinisekiswa iimpahla leyo ifakwa kuluhlu Iwempahla ku-R1.

Iiprojekthi (zokwakhiwa/uphuhliso) eziqhuba ziwegqibe unyaka-mali ezidibene neempahla ezingundoqo, zibalwa njengempahla xa zigqityiwe kuniye neendleko zizonke zethuba kuqhutywa iprojekthi.

Amanqakwana ongezelelwe okucacisa u-31 no-32 abonakalisa konke ukutshintsha kuluhlu Iweempahla kulo nyaka-mali

## **5. Amatyala**

### **5.1 Iimali eziza kuhlawulwa**

Izinto eziza kuhlawulwa zibandakanya ikakhulu iimali ezibanjwa kwamanye amasebe karhulumente. Ezi mali zibalwa njengendleko yangaphambili kwingxelo zezimali.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
IVOTI 5**

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

**5.2 Izimali zokuqeshisa**

Izimali zokuqeshisa zibandakanya iimali ezibanjwa ukusuka kumhla wokongena ukuya kutsho esiphelweni sesivumelwano. Ezi mali azibalwa kwingxelo zezimali njengetyla okanye inkcitho kwingxelo yezimalo koko ziyanqaku ongezelelwyo okucacisa.

Izimali zemihla ngemihla zokuqeshisa zibalwa xa intlawulo yensiwe. Impahla ezithengwe ngokweemali zezivumelwano zokuqeshisa ziyachazwa kwizihlomelo nakumanqaku ongezelelwyo okucacisa kwingxelo yezimali.

**5.3 Izongezelelo**

Izongezelelo ziula iimpahla/iinkonzo ezifunyenwego kodwa akwabikho ziqinisekiso zokuhlawulwa ezifunyenwego kumthengisi ngomhla wokungena, okanye apho isiqinisekiso sentlawulo sifunyenwe kodwa igama lokugqibela eligunyazisa intlawulo alikafakwa ezincwadini.

Izongezelelo azibalwa kwingxelo yezimali njengetyla okanye inkcitho kwingxelo yezimalo koko ziyanqaku ongezelelwyo okucacisa.

**5.4 Amatyala alaleliselwego**

Ityala elilaleliselwego lityala elinokuvela kwizinto zakudala okanye ubukho balo buza kuqinisekiswa ngokuthi kwenzeke okanye kungenzeki nto ithile kwizinto ezingaqinisekanga ezinokwenzeka kwilixa elizayo izinto ezo zinganakulawulwa lisebe, okanye

Ityala elilaleliselwego lityala elikhoyo eliska kwizinto zangaphambili kodwa elingamkelwayo kuba:

Akuqinisekekanga ukuba ukukhutshwa kwezibonelelo ezinenzuza zemali okanye iinkonzo ezinokwenza oko kuza kufuneka ukuza kubhatalwe ityala; okanye

Izimali yetyala ayinakubalwa ngokuthembekileyo

Amatyala alaleliselwego ayabandakanya kumanqako ongezelelwyo okucacisa.

**5.5 Izibophelelo**

Izibophelelo zibhekisa kwiimpahla/iinkonzo ezivuniwego okanye kwatyikitywa namaxwebhu ezivumelwano, kodwa ezingazange zifike ngosuku okuvunyelwane ngalo.

Izibophelelo azibalwa kwingxelo yemali njengetyla okanye inkcitho kwingxelo yezimalo koko ziyanqaku ongezelelwyo okucacisa.

**6. Iimpahla zizonke**

**6.2 Uvimba wemali**

Uvimba wemali ubandakanya iimpahla eziyimali okanye namatyala angaphambili koko abalwe kwingxelo yemali okokuqala kule ingxelo. Izimali zikhutshelwa kwiNgxowa yeNgeniso yePhondo xa ifika, ibhatalwa okanye iqokelelwyo.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI  
IVOTI 5**

**LiNgxelo zeMali zoNyaka  
Zonyaka ophele nge-31 kaMatshi 2007**

**6.2 Ingeniso enokuhlawuleka**

Imali zibalwa njengokuba ziyingeniso enokuhlawuleka xa intlawulo eyayenziwe kunya-mali ongaphambili ifumaneka kulowo ebenetyalo kulo nyaka-mali

**7. Ukhutsho-fako mali phakathi kwamasebe ayeeleneyo**

Amasebe ayeeleneyo ngamasebe alawula okanye anefuthe kwimibutho ekuthatheni izigqibo ngezimali okanye zomsebenzi. Ulwazi olungqalileyo ngokuphathelene nokhutsho-fako mali lamasebe ayeeleneyo luyabandakanya kumanqaku ongezelelwego okucacisa.

**8. Abasebenzi ababalulekileyo kulawulo**

Abasebenzi ababalulekileyo kulawulo ngabo bantu banegunya noxanduva lokuceba, ukukhokela nokulawula imisebenzi yesebe.

Imbuyekezo ehlawulwayo kubasebenzi ababalulekileyo kubandakanya namalungi osapho lwabo aphi kwenzeka khona, iyabandakanya kumanqakwana okucacisa.

**9. Intsebenziswano phakathi kukarhulumente namashishini abucala**

Intsebenziswano phakathi kukarhulumente namashishini abucala lutshintshiselwano lorhwebo phakathi kwesebe neshishini labucala aphi ishishini labucala

- Lenza umsebenzi wesebe egameni lesebe okanye
- Nokufumana igunya lokusebenza iimpahla zikarhulumente lisenzela inzozo yalo;
- Ithatha uxanduva lwemingcipheko yemali evakalayo, ubuchule kunye neyomsebenzi ngokuphathelene nenqubo yomsebenzi wesebe okanye nempahla zikarhulumente;
- Lifumana inzozo ngokwenza umsebenzi wesebe okanye ngokusebenzi iimpahla zikarhulumente nokuba
  - Lijonge ukuhlawulwa lisebe ngemali eliza kuyifumana kwiNgxowa yeNgeniso
  - Okanye ukubiza imali eziza kuqokelelwa lishishini labucala kubasebenzisi okanye abathengi benkonzo abayifumeneyo.
  - Okanye ukuzidibanisa zombini ezi zinto okanye le mirhumo.

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI**  
**VOTI 5**

**Ingxelo yolwabiwo-mali lukanyaka-mali ophele ngomhla wama-31 Matshi 2007**

**Ulwabiwo-mali ngokweNkqubo nganye**

Inkqubo	2006/07							2005/06	
	Ulwabi-womali olulunge-lela nisiweyo	Ukushen-xiswelwa kwezimali kwenye into	Uweli-somali	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitho	linguqu	Inkcitho njengo-myinge wolwabiwomali lokuphetha	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
<b>1.1 Ezolawulo</b>									
Okuhlawulelwayo	266,069	-	(7,391)	258,678	254,379	4,299	98,3%	215,027	210,362
Utshintshelo nenkxaso-mali	13,954	-	9,244	23,189	22,731	458	98.0%	14,065	13,835
Intlawulo yeeasethi eyimali	12,457	-	(1,853)	10,604	10,604	-	100.0%	14,042	13,296
<b>1.2 Imfundu yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	5,269,025	-	(72,794)	5,196,231	5,067,372	128,859	97,5%	4,775,158	4,734,420
Utshintshelo nenkxaso-mali	278,246	-	53,580	331,826	332,292	(466)	100,1%	343,102	343,085
Intlawulo yeeasethi eziyimali	249,071	-	16,142	265,213	223,986	41,227	84,5%	277,532	271,053
<b>1.3 Inkxaso-mali yezikolo ezizimeleyo</b>									
Utshintsho nenkxaso-mali	34,127	-	132	34,259	34,259	-	100.0%	32,471	32,445
<b>1.4 Imfundu yezikolo zikarhulumente</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	309,150	-	3,072	312,222	312,419	(197)	100.1%	294,683	294,556
Utshintshelo nenkxaso-mali	76,890	-	(203)	76,687	76,489	198	99.7%	71,738	71,735
Intlawulo ye Capital assets	-	-	203	203	204	(1)	100.5%	500	156
<b>1.5 Ikholeji zemfundu enableyo noqequesho</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	154,774	-	(14,729)	140,045	140,010	35	100.0%	133,541	133,538
Utshintshelo nenkxaso-mali	109,753	-	21,251	131,004	131,038	(34)	100.0%	34,647	34,648
<b>1.6 Imfundu yabadala noqequesho olungundoqo</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	7,797	-	(1,602)	6,195	6,163	32	99.5%	5,848	5,850
Utshintshelo nenkxaso-mali	15,774	-	1602	17,376	17,376	-	100.0%	17,202	17,20
<b>1.7 Uphuhliso Iwabasaqala isikolo</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	55,913	-	(6,522)	49,391	44,411	4,980	89.9%	44,765	44,764
Utshintshelo nenkxaso-mali	51,484	-	(132)	51,352	45,784	5,568	89.2%	30,033	29,713
<b>1.8 Ilinkonzo ezincedisayo nezayamene nazo</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	93,492	-	(267)	93,225	87,197	6,028	93.5%	71,288	70,099
Utshintshelo nenkxaso-mali	105,394	-	8,165	113,559	113,557	2	100.0%	119,459	118,928
Intlawulo yeeasethi eziyimali	12,500	-	(7,898)	4,602	91	4,511	2.0%	9,558	9,560
<b>Iixa-mali sisonke</b>	<b>7,115,861</b>	-	-	<b>7,115,861</b>	<b>6,920,362</b>	<b>195,499</b>	<b>97.3%</b>	<b>6,504,659</b>	<b>6,449,244</b>

Ulungenalaniso nengxelo yenqubo yosetyenziso-zimali

**Yongeza:** Inkcitho yonyaka ongaphambili engagunyaziswanga evuniyiweyo  
 ikhatsiwa ziirisiti zenkxaso-mali zeSebe

**Izimali ezizizo zengxelo yenqubo yosetyenziso-mali nganye ( Imali iyonke) -**

Inkcitho yonyaka ongaphambili evuniyiweyo

**Izimali ezizizo zengxelo yenqubo yosetyenziso-mali nganye ( Imali iyonke) -**

-	-	29,456	-
2,014	-	1,647	-
7,117,875	-	6,535,762	-
-	-	29,456	-
6,920,362	-	6,478,700	-

**ISEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI**  
**VOTI 5**

**Ingxelo yolwabiwo-mali lukanyaka-mali ophele ngomhla wama-31 Matshi 2007**

**Uhlahlo-mali ngokuhlelwa ngokwezoqoqosho**

Uhlelo ngokwezoqoqosho	2006/07							2005/06	
	Ulwabi-womali olulungelela nisiweyo	Ukushen-xiswelwa kwezimali kwenye into	Uweli-somali	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitho	linguqu	Inkcitho njengomyinge wolwabiwomali lokuphetha	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
<b>Okuhlawulelweyo ngoku</b>									
Imbuyekezo yabaqeshwa	5,388,030	-	(13,380)	5,374,650	5,253,453	121,197	97.7%	4,999,731	4,962,469
Impahlala neenkonzo	763,435	-	(84,300)	679,135	657,411	21,724	96.8%	533,648	525,330
Inzala nerente yomhlaba	-	-	-	-	-	-	0.0%	1,141	-
Utshintshiselwano neeasethi namatyala	4,755	-	(2,553)	2,202	1,087	1,115	49.4%	5,790	5,790
<b>Utshintshelo nenkxaso-mali</b>									
Amaphondo noomasipala	3,322	-	171	3,493	3,330	163	95.3%	13,007	12,857
liarhente zamasebe neeakhawunti	3,756	-	-	3,756	3,756	-	100.0%	3,839	3,306
Amaziko angewanzuzo	655,328	-	93,042	748,370	746,628	1,742	99.8%	620,994	620,954
Amakhaya	23,207	-	426	23,633	19,812	3,821	83.8%	24,877	24,473
<b>Intlawulo yeeasethi eziymali</b>									
Izakhiwo nezinye iziseko eziqingqekileyo	247,216	-	14,887	262,103	220,878	41,225	84.3%	274,808	270,665
limatshini nezinye izixhobo	26,812	-	(8,322)	18,490	13,978	4,512	75.6%	23,747	20,323
Izixhobo zekhompyutha nezinye izinto ezingaphathekayo kambe ezinexabiso	-	-	29	29	29	-	100.0%	3,077	3,077
<b>Isixa-semali sisonke</b>	<b>7,115,861</b>	-	-	<b>7,115,861</b>	<b>6,920,362</b>	<b>195,499</b>	<b>97.3%</b>	<b>6,504,659</b>	<b>6,449,244</b>

**ISEBE LEMFUNDU LENTSHONA KOLONI**  
**VOTI 5**

**Ingxelo yowlabiwo-mali**

**linkcukacha zenkqubo nganye 1- Ulawulo lonyaka-mali ophele ngomhla wama-31Matshi 2007**

Inkqubo nganye ngenkqutyana engaphantsi kwayo	2006/07							2005/06	
	Ulwabi-womali olulunge-lela nisiweyo	Ukushen-xiswelwa kwezimali kwenye into	Uweli-somali	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitro	linguqu	Inkcitho njengomyin-ge wolwabiwomali lokuphetha	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitro
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	%	R'000	R'000
<b>1.1 Iofisi yoMphathiswa we Phondo</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	3,696	-	(294)	3,402	3,402	-	100.0%	3,140	3,140
Utshintshelo nenkxaso-mali	2	-	-	2	2	-	100.0%	12	11
Intlawulo yeeasethi eziyimali	-	-	41	41	41	-	100.0%	-	-
<b>1.2 Iinkonzo zoshishino</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	139,063	-	(14,110)	124,953	122,354	2,599	97.9%	109,802	107,951
Utshintshelo nenkxaso-mali	2,016	-	745	2,761	2,762	(1)	100.0%	2,280	2,279
Intlawulo yeeasethi eziyimali	1,166	-	2,360	3,526	3,526	-	100.0%	1,120	374
<b>1.3 Ezolawulo Iwemfundo</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	96,142	-	7.782	103,924	103,911	13	100.0%	89,972	89,973
Utshintshelo nenkxaso-mali	11,466	-	8,499	19,965	19,964	1	100.0%	11,542	11,542
Intlawulo yeeasethi eziyimali	11,225	-	(4,822)	6,403	6,403	-	100.0%	12,914	12,914
<b>1.4 Uphuhliso Iwabasebenzi</b>									
Okuhlawulelwayo ngoku	11,760	-	(724)	11,036	9,783	1,253	88.6%	12,113	9,298
Utshintshelo nenkxaso-mali	458	-	-	458	1	457	02%	231	3
<b>1.5 Ezolawulo Iwemfundo neeNkqubo zolwazi ezithungeleneyo</b>									
Okuhlawulelwayo	15,408	-	(45)	15,363	14,929	434	97.2%	-	-
Utshintshelo nenkxaso-mali	3	-	-	3	2	1	66.7%	-	-
Intlawulo yeeasethi eziyimali	66	-	45	111	111	-	100.0%	-	-
<b>Isixa-mali sisonke</b>	<b>292,471</b>	-	-	<b>292,471</b>	<b>287,714</b>	<b>4,757</b>	<b>98.4%</b>	<b>243,134</b>	<b>237,493</b>

Uhlelo Iwezoqoqosho	2006/07							2005/06	
	Ulwabi-womali olulunge-lela nisiweyo	Ukushen-xiswelwa kwezimali kwenye into	Uweli-somali	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitro	linguqu	Inkcitho njengomyin-ge wolwabiwomali lokuphetha	Ulwabi-womali lokuphetha	Eyona nkcitro
